

IsiXhosa

ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi

3

Ikota 4



INcwadi kaTitshala



Ikota 4

IsiXhosa

ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imifanekiso:

Sibulela kakhulu ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efumaneka kule ncwadi.

Iqweqwe: Anja Stoeckigt

Eminye imifanekiso izotywe ngu:-

Crazy Cat: iphepha lama-30 nele-104;

Patrick Latimer: iphepha le-10, 44, 46, 50, 52, 59, 60, 115 nele-131;

Jiggs Snaddon-Wood: iphepha le-14, 18, 22, 24, 30, 145, 148 nele-177;

Creative House: iphepha lama-28; **Rassie Erasmus:** amagama ezandi.

Ikhredithi zeefoto:

Funda Wande Media Team: zonke iifoto ezithathwe ezikolweni naseziklasini; Iphepha le-12: **Earle Wilton Richardson** (*Employment of Negroes in Agriculture*); **Shutterstock:** Iphepha le-15: **Retan** (maize being ground), **Alex Bogatyrev** (bowl of samp), **Blue Pig** (bowl of porridge), Iphepha lama-33: **Angela N Perryman** (taxi), Iphepha lama-40: **NORTHERN IMAGERY** (tiles in the Blue Mosque, Istanbul); **Heat and control:** Iphepha le-15 (maize being washed); **iStock:** Iphepha lama-33: **Gilmanshin** (marble statue), **poco_bw** (grinding stone), Iphepha lama-37: **Svatiana Lzarenka** (glowing glass bottles), Iphepha lama-42: **AleZan_it** (clay oxen), Iphepha lama-48: **Photo Italia LLC** (Pompeii), Iphepha lama-54: **Gani Pradana Ongko Prastowo** (volcano), Iphepha lama-63: **kurosuke** (tsunami), Iphephalama-66: **ArishaRay** (first responders at a fire), **Cathy Withers-Clarke** (forest fires), Iphepha lama-70: **Wirestock** (snow), Iphepha lama-80: **hxdbzyx** (search and rescue team), Iphepha le-118: **ByronD** (mopani worms), **Tewan** (silkworms), **Peter Loring** (donkey cart), Iphepha le-123: **Joslave Noska** (rescue dog), Iphepha le-125: **BrianAJackson** (homin pigeon), Iphepha le-147: **Siempreverde22** (African ceremonial mask), **Vichai Phububphapan** (Thai stage mask), **Prostock-Studio** (contagious illness mask), **Anna Stills** (oxygen mask), **romrodinka** (child's animal mask); **Gallo:** Iphepha lama-62: **Rodger Shagam** (waves in Cape Town), Iphepha lama-63: **Esa Alexander** (fires in a township), Iphepha lama-65: **ER Lombard** (winds in Cape Town), Iphephalama-68: **Nic Bothma** (floods), Iphepha lama-77: **Papi Morake** (Dr Imtiaz Sooliman and his team), **Mlungisi Louw** (Gift of the Givers providing food aid), **Brenton Geach** (Gift of the Givers providing disaster relief), Iphepha lama-87: **Social Media** (Cyclone Eloise flooding), Iphepha le-165: **Sowetan/Veli Nhlapo** (Paxton Fielies), Iphepha le-170: **City Press/Leon Sadiki** (Amanda Black), Iphepha le-174: **Oupa Bopape** (Thapelo Molomo); **Brooklyn Museum:** Iphepha lama-36 (traditional beer pots); Iphepha lama-87: **United States of America National Archives Calalog: Department of Homeland Security. U.S. Coast Guard** (Hurricane Katrina victims); **WikiCommons:** Iphepha lama-87: **Trocaire** (Typhoon Yolanda damage), Iphepha le-117: **George McCaa**, U.S Bureau of Mines (miner), **4018mdk09** (canary); Iphepha lama-88: **Katsushika Housai** (*The Great Wave off Kanagawa*); Iphepha le-166: **Paul Gauguin** (*Tahitian Women on the Beach*).

Umbulelo ongazenzisiyo kwaba balandelendayo: United Nations/United Nations Children's Emergency Fund, International Federation of Red Cross and Red Crescent, Médecins Sans Frontières and Gift of the Givers Foundation ngemvume yokusetyenziswa kwelogo ekwiphepha le-74; Anti-Persoonmijnen Ontmijnende Product Ontwikkeling (APOPO) ngemvume yokusetyenziswa kweefoto ze-HeroRATs ezikwiphepha le-120; Funda Nenja Township Dog Training Initiative ngemvume yokusetyenziswa kwelogo kunye neefoto ezikwiphepha le-130; Angel Paws Therapy Dogs ngemvume yokusetyenziswa kwelogo kunye neefoto ezikwiphepha le-134

Yonke eminye imifanekiso ekumaphepha ashicilelweyo ebonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-Freepik, Rawpixel kunye no-Pexels.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-46-0

Version 1: 2023



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike ikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, isiXhosa ULwimi Lwasekhaya neZakhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, Ibakala 3, Ikota 4, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho


Ii-ayikhoni nezishunqulelo	iv
Ukudibanisa uLwimi lwaseKhaya nenkqubo yeZakhona zoBomi	1
Izicwangciso zeeveki, iKota yesi-4.....	1
Umxholo weKota yesi-4.....	2
Isicwangciso sovavanyo, seKota yesi-4.....	4
Inkqubo yokuFunda ehlanganisiweyo – indlela yeFunda Wandé	5
Ukufundisa uLwimi lwaseKhaya	6
UkuPhulaphula nokuThetha.....	6
Izandi.....	7
Ukubhala ngesandla.....	8
Ixesha lokugxila ekuFundeni nasekuBhaleni.....	10
Izifundo zokuFunda.....	10
Izifundo zokuBhala.....	18
Ukufundisa iZakhono zoBomi	21
ULwazi olusiSiseko.....	21
EzobuGcisa.....	23
EzemiThambo.....	24
Iveki yoku-1 Iimveliso neenkqubo.....	26
Iveki yesi-2 Iimveliso neenkqubo.....	38
Iveki yesi-3 Iintlekele.....	50
Iveki yesi-4 Iintlekele.....	62
Iveki yesi-5 Iintlekele.....	74
Iveki yesi-6 Izilwanyana eziluncedo.....	86
Iveki yesi-7 Izilwanyana eziluncedo.....	98
Iveki yesi-8 Izilwanyana eziluncedo.....	110
Iveki ye-9 Iklassi yethu inetalente.....	122
Iveki ye-10 Ukubethelela nohlaziyo.....	136
Uvavanyo lweKota yesi-4	138
ULwimi lwaseKhaya: ukulungiselela uvavanyo oluqhubekayo noluseSikweni iKota yesi-4.....	138
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo lokuPhulaphula nokuThetha.....	140
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo lweZandi.....	141
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo lokufunda ngeNgqiqo.....	142
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo lokuBhala ngesandla.....	143
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo lokuBhala.....	144
Iphepha lokukorekisha loLwimi lwaseKhaya kwiKota yesi-4.....	145
IZakhono zoBomi: ukulungiselela uvavanyo oluqhubekayo noluseSikweni iKota yesi-4.....	146
ULwazi olusiSiseko kunye noPN iirubhriki neetsheklisti zovavanyo.....	148
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo zoBugcisa obuBonwayo.....	149
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo zoBugcisa beQonga.....	150
Iirubhriki neetsheklisti zovavanyo lwezemiThambo.....	151
Iphepha lokukorekisha leZakhono zoBomi.....	152

li-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya



Ukufundelwa
ngutitshala / iOrali



Ukufunda



Izandi



Ukubhala



UkuFunda
ngamaQela



UMsebenzi Owenza
Wedwa

IZakhono zoBomi



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha
nentlalo



EzobuGcisa beqonga




EzemiThambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka umbala
okanye zoba



Sika

Ushunqulelo olusetyenzisiweyo

Incwadi kaTitshala – NT

INcwadi Yomsebenzi Yomfundi – NYY

UkuFunda ngamaQela – FQ

UkuziPhatha neNtlalo – PN

ULwazi olusisiSeko – LS

ULwimi lwaseKhaya – LK

UkuFunda ngabaBini – FB

Umsebenzi Owenza Wenza – MOW

Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Ukudibanisa uLwimi lwaseKhaya nenkqubo yeZakhono zoBomi

*Ibonisa amaphepha akwiNYY

Ixesha Ngosuku	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
10 imiz	Ixesha lolawulo: Irejista/ ikhalenda/ usuku lokuzalwa/ izibhengezo				
1 iyure 30 imiz	IZIBALO				
1 iyure 35 imiz	UKUFUNDA NOKUBHALA				
15 imiz	Ilorali: Iindaba	Ilorali: UkuPhulaphula nokuThetha	Ilorali: UkuPhulaphula nokuThetha	Ilorali: UkuPhulaphula nokuThetha	Ilorali: Uphononongo lweveki
UTSHINTSHO: Iola iipensile, ukhuphe iincwadi, umthambo wezandla					
10 imiz	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi A. Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo B. Ubizelo
10 imiz	*Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla
UTSHINTSHO: Isicengcelezo esineentshukumo/ingoma					
15 imiz	Ukufunda: Utitshala ufunda ngokuvakalayo	Ukukunda notitshala: Ukufunda ngengqiqo	Ukufunda notitshala: Isigama	UkuFunda notitshala: A. ULwimi B. Ukuziqhelanisa notyibiliko	Ukufunda: Uphononongo lomsebenzi owenza wedwa
15 imiz	ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO	*Ukubhala: Ukufunda ngengqiqo	*Ukubhala: Isigama	*Ukubhala: ULwimi	*Ukubhala wedwa
UTSHINTSHO: ukuzolula nokuzishukumisa/iqela liya emethini ukulungisela uFQ					
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
(30 imizuzu ihambe kunye nokuFUNDA NGAMAQELA)	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa
45 imiz	ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO				
1 iyure 25 imiz	IZAKHONO ZOBOMI				
30 imiz	*ULwazi olusiSiseko	*ULwazi olusiSiseko	*ULwazi olusiSiseko	ULwazi olusiSiseko ukuphinda ujonge umxholo	Incwadi ye DBE Iphepha lezakhono zoBomi iphepha Lolwimi lwasekhaya
UTSHINTSHO: Imithambo yokuphefumla, kupha izixhobo zokufunda					
30 imiz	UbuGcisa obubonwayo ULwimi olubonwayo*/Eyenziwayo	UbuGcisa obubonwayo Eyenziwayo	UbuGcisa beqonga	UbuGcisa beqonga	
UTSHINTSHO: Tshintsha iimpahla, yiyani phandle, dlulisa izixhobo					
25 imiz	Ulungiselelo lwezemiThambo (30 imiz)	Izitishi zemisebenzi yezemiThambo	Izitishi zemisebenzi yezemiThambo	Izitishi zemisebenzi yezemiThambo	Izitishi zemisebenzi yezemiThambo

Isicwangciso sekota yesi-4

Iveki	Umxholo	Ukufunda ibali ngokuvakalayo	Ukufunda ibali notitshala	Umsebenzi wokufunda wedwa	Izandi
1	limveloso neenkqubo	limveliso neenkqubo	Amatye omlingo (ilejendi nebali eliyinyani)	Ukufunisela okulula	dl, dlw, ndl
2	limveliso neenkqubo	Izikhulo noqashi-qashi	Amatye omlingo (ilejendi nebali eliyinyani)	limveliso: izinto ezenziwe ngomdongwe	gqw, gq
3	Iintlekele	Zintoni iintlekele?	Xa iintaba ziqhushumba (ibali eliyinyani)	Abacholacholi beendaba ngeemozulu ezimbi kakhulu	khw, kh
4	Iintlekele	Imibutho encedayo	Xa iintaba ziqhushumba (ibali eliyinyani)	Isahluko sebali: Isaqhwithi	tsh, tshw
5	Iintlekele	Izandla ezincedayo	Xa iintaba ziqhushumba (ibali eliyinyani)	Umbongo ngemozulu	ndl, ndlw
6	Izilwanyana eziluncedo	Isigebenga sase Lusikisiki (indawo ebalini kunye nokuqikelela	Isigebenga sase Lusikisiki (umdlalo)	Izilwanyana ezincedayo kwingxaki ezahlukileyo	ndy, ndw
7	Izilwanyana eziluncedo	Indlulamthi nezinqolankomo (ibali eliyinyani)	Isigebenga saseLusikisiki (umdlalo)	Imibongo yezilwanyana	ngcw, ngc
8	Izilwanyana eziluncedo	Idonki enguLena	Isigebanga saseLusikisiki (umdlalo)	Imiyalelo yeemaski zesilwanyana	nkx, nkxw
9	Iklasi yethu inetalente	Inkqubo yentandane zomculo yase Mzantsi Afrika	Ikhonsathi (ibali)	Imisebenzi yokuphela konyaka	gcw, hl, hlw
10	Ukubethelela				

Ulwimi nokufunda ngeNgqiqo	Ukubhala	Ulwazi olusiSiseko noPN	EzobuGcisa: Ubugcisa Obubonwayo	EzobuGcisa: Ubugcisa Beqonga	EzemiThambo
Intetho ethe ngqo; ukufundela intsingiselo, isihloko, isigama	Ulandelelwaniso lokufunisela lezenzululwazi	YFF: limveliso neenkqubo Isuka ezifama iya etafileni Umfuniselo wokwenza iti	Ingqokelela yobugcisa: Abantu kwimizobo	Mamela umculo wase Mzantsi Afrika	Utishala ukhetha imisebenzi emi-4 kule veki
Ukuziqhelanisa novavanyo lwesicatshulwa	Umfuniselo ngezenzululwazi	Izixhobo ezivela emhlabeni Isuka esantini iya eglasini	Izitya zobugcisa bamaphepha	Izixhobo zomculo zase Mzantsi Afrika nase Afrika	
Uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini ziquka isigama kunye nolwimi	Izimvo zakho ngomcholacholi weendaba	YFF: lindlekele: lindlekele ezidalileyo kunye nezenziwe ngabantu Umlilo	Ezobugcisa: Ukuxabisa: Indlela obona ngayo	Intshukumo izivakalisi ngamanqanaba ahlukileyo	
Uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini equka isigama kunye nolwimi	Imephu yengqondo yenkqubo yokubhala	Imibutho encedayo Inika kubantu abadingayo Yazi ngokubanzi ngabahlangu	Zoba umfanekiso ngendlela obona ngayo	Ukuphendula umfanekiso	
Uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini equka isigama kunye nolwimi	Indidi: Iphephandaba	Imozulu imbi kakhulu Ziwa fumana njani amagama azo izaqhwathi Ukuhlala ukhuselekile ngexesha lesaqhwathi	Ingqokelela yobugcisa: Amaza amakhulu	Ukuphendula ibali	
Uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini equka isigama kunye nolwimi	Shwankathela ibali (isiqalo, isiphakathi, isiphelo)	YFF: Izilwanyana eziluncedo Indlela izilwanyana ezinceda ngayo Uphando leteknoloji ngezilwanyana	Zoba ibali	Imidlalo yedrama eyilwayo	
Uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini equka isigama kunye nolwimi	Cwangcisa ibali lezilwanyana (isiqalo, isiphakathi, isiphelo)	Imibutho emibini yezilwanyana Funda Njani kunye ne-Angel Paws	Isithuba kwezobugcisa Umzobo obuxande	Iqonga lokufunda	
Uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini equka isigama kunye nolwimi	Bhala ibali lezilwanyana (isiqalo, isiphakathi, isiphelo) bhala idayari	Izilwanyana ezikhathalayo Amalungelo ezilwanyana Yenza ipowusta	Umzobo obuxande uyaqhubeka	Ivesi yekwayala	
Ukuvala izikhewu – indlela yebali	Indidi: Ileta yombulelo	Ilfayile zemiba eyinyani nengxoxo ngabaphumeleli benkqubo zentandane zomculo	Iholide zehlobo – umfanekiso obonisayo	Ukuziqhelanisa nomdlalo	

Isicwangciso sovavanyo, Ikota yesi-4

Iveki yesi-5	Lwesihlanu	Ukubhala 1: Umcholacholi wephephandaba	EYENZIWAYO	NT iph. 84
Iveki yesi-6	Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda 1: Ukufunda iorali ngokuvakalayo (ukufunda wedwa ngokuvakalayo ngexesha lokusebenza ngamaqela)	EYENZIWAYO	NT amaph. 89, 91, 93, 95, 97
	Lwesithathu	ULwazi Olusisiseko 1: Fumanisa ngezilwanyana eziluncedo	NY Y iph. 121	NT iph. 93
	Lwesine	Ukufunda 1: Ukufunda ngengqiqo (Indibano yezilwanyana (2))	NY Y iph. 102 no 103	NT iph. 94
	Mvulo–Lwesibini	EzobuGcisa obubonwayo 1: Zoba okanye upeyinte umfanekiso	EYENZIWAYO	NT amaph. 89, 91
	Lwesihlanu	EzemiThambo 1: Dlala umdlalo	EYENZIWAYO	NT iph. 97
Iveki yesi-7	Mvulo	UkuPhulaphula nokuThetha 1: Isicatshulwa sokumamela (Indlulamthi nezingqolankomo)	NY Y iph. 128	NT iph. 100
	Lwesibini	Izandi 1: Izandi	NY Y iph. 132	NT iph. 102
	Lwesibini–Lwesihlanu	EzemiThambo 1: Intshukumo yamalungu omzimba, Ukuxhathisa nokuqonda iintshukumo	EYENZIWAYO	NT amaph. 103, 105, 107, 109
	Lwesithathu	ULwazi olusiSiseko 2: Thelekisa imibutho yezilwanyana	NY Y iph. 137	NT iph. 105
Iveki yesi-8	Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha – Ukunikezela iorali (umbongo)	I-ORALI	NT amaph. 112, 114, 116, 118, 120
	Mvulo	Ukubhala ngesandla: Ukubhala ngokudibanisa	NY Y iph. 142	NT iph. 112
	Lwesine	Izandi 2: Ukubhala ngokudibanisa	NY Y iph. 152	NT iph. 118
	Lwesihlanu	Ukubhala 2: Ibali lezilwanyana	INCWADI YOMSEBENZI	NT iph. 120



Inkqubo yokufunda ehlanganisiweyo – indlela yeFunda Wande

Inkqubo yeFunda Wande idibanisa uLwazi lokufunda nokubhala loLwimi lwaseKhaya kunye neZakhono zoBomi. Ikwenza oku ngokusebenzisa imixholo eqhelekileyo kunye nezicwangciso zezifundo ezihlanganisiweyo, nangokusebenzisa ngokutsha isigama esingundoqo.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwandisa nokongeza ubunzulu kuzo zombini izifundo.
- Ukuqinisekisa ukuba zonke izakhono zolwimi zifundwa kwimeko enentsingiselo yomxholo ofanelekileyo.
- Ngaxeshanye yenze nzulu umxholo kunye nolwazi lwengqiqo ngomxholo weZakhono zoBomi.
- Yandisa, yenze nzulu kwaye isebenzise ngokutsha isigama esingundoqo.
- Ukwenza nzulu ukuqonda imixholo kunye nendlela ezinxibelelana ngayo enye kwenye ukuphucula ukufunda ngengqiqo kunye nobuchule bezemfundo ngokubanzi.
- Konke ukufunda kunzulu, kunentsingiselo ngakumbi kwaye kufanelekile.
- Uyaziqonda izihloko ezingundoqo ezibandakanyekayo kunye neziphumo okanye iinjongo zomxholo.
- Isihloko saziswa kwisifundo seZakhono zoBomi, nokuba kusetyenziswa umlomo okanye kusetyenziswa isicatshulwa sokufunda esinika ulwazi oluyinyani.
- Ukufunda ngokuvakalayo, ukufunda notitshala kunye nezicatshulwa zokufunda wedwa, ezinxulumyaniswa nesihloko, zibonelelwe ngenjongo yokuziqhelanisa nokufunda.
- Izifundo zezakhono zobomi ziphuhlisa ngakumbi imixholo emitsha, isigama esitsha nezakhono ezinxulumene nesihloko.
- Izifundo zolwazi lokufunda nokubhala ziphuhlisa ngakumbi izakhono zomlomo, zokufunda, ukubhala nolwimi kuloo mxholo.
- Imisebenzi yokufunda nokubhala kuzo zozibini izifundo zisebenzisa ngokutsha kwaye zibethelela isigama esitsha.

Njani?

- Utitshala wenza uphando ngezihloko ezichazwe kwikharithulam ukuqinisekisa ukuba ukufunda okutsha akukhelelwanga nje phezulu.

UMJIKELO WENKQUBO YOKUFUNDA EHLANGANISIWEYO

- 1 Utitshala wenza nzulu ulwazi lwakhe ngomxholo ngokwenza uphando. →
- 2 Utitshala ulandela izicwangciso zezifundo ezakhiwe malunga nomxholo. →
- 3 KwiZakhono zoBomi izihloko ezitsha, izakhono kunye nesigama ziyafundisiwa. →
- 4 KuLwazi lokufunda nokubhala, abafundi bafunda izicatshulwa ezinxibelelene nomxholo. Wonke umsebenzi wolwimi usekwe kwezi zicatshulwa. →
- 5 Kuzo zombini ezi zifundo imixholo ebalulekileyo nesigama zisetyenziswa okutsha kwaye ziyabethelelwa. →
- 6 Izakhono kuzo zombini izifundo ziyaphuculwa.

Ukufundisa uLwimi lwaseKhaya



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zokumamela
- Ukuphuhlisa izakhono zokuthetha

Njani?

lindaba zempelaveki (**Mvulo**) →

Izakhono zokuPhulaphula nokuThetha (**Lwesibini**) →

Izakhono zokuPhulaphula nokuThetha (**Lwesithathu**) →

Izakhono zokuPhulaphula nokuThetha (**Lwesine**) →

Ukuphonononga iveki (**Lwesihlanu**)

Cinga-Ngababini-Yabelana indlela yokusebenza

- Abafundi bahleli emethini. (kungakuhle)
- Utitshala unika umsebenzi.
- **Cinga:** Cinga ngokuthe cwaka (1 umz).
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho iingcinga zakho. Umamele iingcinga zakhe (5 imiz).
- **Yabelana:** Abafundi abakhethiweyo bayamenywa ukuba babelane neklasi ngeengcinga zabo (5 imiz).
- **Phendula:** Utitshala ubonisa indlela yokucela ingcaciso ngokuthobekileyo. Abafundi bayafunda kwaye baziqhelanise nezi zakhono.

Umxholo

Kwiiveki yoku-1 ukuya kweye-9 ngaphandle kokubalisa ngamabali abo, nokuphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu/banike amava abo ngeteksti, abafundi bazakuchaza inkqubo, benze iziqhulo nooqashi-qashi, bancokole ngeendaba nje, balinganise umdlalo wokucela uncedo. Kwiveki yesi-6 neeyesi-8, abafundi bazakukwenza ukufunda komdlalo baze banikezele ngemibongo kuvavanyo.



**Ukwenzela ntoni?**

- Ukuphuhlisa ulwazi kubudlelwane phakathi koonobumba besandi kumxholo wegama.
- Usebenzisa olu lwazi ukwehlula aze acazulule amagama xa efunda naxa ebhala.
- Ufunda ukupela amagama ali-10 kwiveki nganye.
- Uqaphela amagama aqhelekileyo xa ewabona ngokufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Ikharityhulam yezandi yeBanga lesi-3

Kwi Kota yoku-1, phinda ufunde izandi ezifundiswe kumabanga adlulileyo.

	Iveki yoku-1	Iveki yesi-2	Iveki yesi-3	Iveki yesi-4	Iveki yesi-5	Iveki yesi-6	Iveki yesi-7	Iveki yesi-8	Iveki ye-9	Iveki ye-10
Ikota yoku-1	Uvavanyo olusisiseko Uhlaziyo	Uhlaziyo	nt; ntw	nk; nkw	kh; khw	nx; nxw	gc; gcw	hl; hlw	mb; ty	Ukubethelela
Ikota yesi-2	Uhlaziyo	kw; tw	gw; jw	qw; zw	nz; nq	gq; gx	qh; ty	oo; ii	kw; jw	Ukubethelela
Ikota yesi-3	Uhlaziyo	ny; ts	nw; kr	qw; mf	ndl; ngc	ngq; nts	tsw; xhw	krw; ngx	ngxw; nkq	Ukubethelela
Ikota yesi-4	Uhlaziyo	mp; mv	ncw; ndw	ngc; ngq	nkq; nkx	nkc; qhw	ntl; nts	ngx; ngw	Uhlaziyo	Ukubethelela

Njani?**Ukuqaphela amagama abizwa ngokukhawuleza (Qakatha iintsuku wenze imizuzu emi-2)**

- Injongo kukuphuhlisa uqwalaselo oluzenzekelayo noluchanekileyo lwezandi.
- Ngokukhawuleza, bonisa oonotsheluzi bezandi esezifundiwe (okanye ubakhombe edongeni okanye ebhodini).
- Mababize isandi ngabanye, ngamaqela okanye iklasi yonke.

Amagama abonwa rhoqo (Ngexesha lokuFQ)

- Bhala amagama **abonwa rhoqo** ebhodini okanye koonotsheluzi.
- Wafundise njengamagama apheleleyo.
- Makafundwe rhoqo, umz. konootsheluzi. Mawafundwe ngokukhawuleza ngexesha ekufundwa ngalo.

Imisebenzi ekwiNYY (Yonke imihla)

- kwiNYY kukho Imisebenzi yokuziqhelanisa nezandi esezifundiwe.
- Hamba-hamba uze unike uncendo. Nika eminye imiyalelo ngexesha lokufunda ngamqela xa kunyanzelekile. Phawula izivakalisi zabafundi.
- Jongani iimpendulo niyiklasi.

Amagama afundwa ngexesha elibekiweyo (Qakatha ooLwesihlanu)

- Ngababini. Iqabane ngalinye liba nethuba lokufunda amagama ngomzuzu o-1.
- Utitshala ujonge ixesha aze athi 'qalisa' aphinde athi 'yeka'.
- Abafundi babiyela igama lokugqibela abalifundileyo.
- Emva koko utitshala ufunda onke amagama.
- Abafundi bayajonga baze babale amagama afundwe ngokuchanekileyo (bathabathe lawo bangawazanga).
- Banike umsebenzi ozakucela umngeni ukuze abafundi baphucule amanqaku abo.

Ubizelo (Qakatha ooLwesihlanu)

- Ubizelo luhlola ukuba abafundi bayakwazi ukupela amagama ezandi nokubhala izivakalisi.
- Bizela igama okanye isivakalisi ngasinye ngokucacileyo nangokucotha. Phinda kwakhona kube kanye.
- Nika abafundi ithuba lokubhala babonise isakhono sabo sokubhala ngesandla.
- Jonga uze ulungise: Bhala amagama okanye izivakalisi ebhodini ukuze abafundi bazikorekise.
- Ukuba kukho igama elipelwe ngokungachanekanga, abafundi mababhale ngepensile igama elichanekileyo ngentla kwegama elo.

**UKUBHALA NGESANDLA****15 imiz****Ukwenzela ntoni?**

- KwiKota yesi-4, abafundi bazakunyusa isantya sokubhala kodwa babe bebhala ngokucocekileyo nangokucacayo.
- Wonke umsebenzi obhalwayo kumele ubhalwe ngokudibanisa.
- Abafundi bangaqalisa ukufunisela ukubhala ngepeni xa kuphela ikota.

Njani?

- Kukho iphepha elinye leNYY lokubhala kwiveki nganye, eliquka isifundo semini nganye ngeveki, liboniswe ngemibala eyahlukileyo.
- Abafundi benza umkhondo woonobumba beqwalasele ukubeka oonobumba endaweni echanekileyo nokushiya izithuba.
- Bazakubhala isivakalisi **kabini** kwiincwadi zabo zokubhala ngesandla. Kanye: Babhala ngokukhawuleza kodwa besabhala ngokubonakalayo nangokucocekileyo. Kwakhona: Banyusa isantya.
- **Ukuqala kwiVeki yesi-6** bakhuthaze basebenzise ipeni xa bebhala ngesandla.
- **Kodwa, kwiVeki yesi-8 kuvavanyo lokubhala ngesandla abantwana kufuneka basebenzise ipensile.**

Amalungiselelo ezifundo zokubhala ngesandla

- Zoba imigca emine ebhodini. Le migca ungayizoba ngepeyinti ukuze ingasuki okanye (itshokhwe efakwe emanzini).
- Abafundi kufuneka babe neNYY, incwadi zokubhala ngesandla kunye nepensile eloliweyo.

Inkqubo yesifundo

Bonisa ebhodini

- Abafundi mabajonge ebhodini bajonge oko bakuboniswa ngutitshala.
- Bhala isivakalisi kwimigca esebhodini.
- Cacisa/uchaze ngendlela yokwakhiwa kwamagama: uqalaphi, umbeka ndawoni emgceni, intlobo zesidibanisi (unobumba omkhulu okanye omncinci), Uze ubonise unobumba wosuku. Bonisa isithuba phakathi kwamagama.
- Bonisa ukungayiphakamisi itshokwe njengoko ubhala ngokudibanisa kwaye ubonise ukubhala ngokutyibilika.

Abafundi

- Mababhale **bodwa kwiNYY**, becinezela kwisivakalisi semini.
- Mababhale **bodwa kwiincwadi zokubhala** ngesandla
- Mabakhuphele amagama kabini kwezincwadi, benyusa isantya ngalo lonke ixesha.

Utitshala

Uyahamba-hamba anike ingxelo malunga:

- Nokubamba ipensile nendlela yokuba: Bamba ipensile ngobhontsi nangomnwe wokuqala, isandla esixhase iphepha; uhlale ungagobi intloko ephepheni, ishukume ngokukhululeka ingqiniba
- Ukubhala ngesandla: ukucinezela iphepha, indawo yokuqala neyokugqibela, unobumba endaweni echanekileyo; ungaphakamisi ipensile; ukudibanisa okucocekileyo.

Iincwadi kufuneka zithathwe rhoqo ukunika ingxelo.



Assessment and remediation
Funda Wande

Feedback on Cursive Handwriting

247



IXESHA ELIBEKELWE UKUFUNDA NOKUBHALA

2 IYURE
15 imiz

IZIFUNDO ZOKUFUNDA

Utitshala ufunda ngokuvakalayo (Mvulo) →

Ukufunda notitshala + ingqiqo, isigama, nolwimi (Lwesibini-Lwesine) →

Uphononongo lokufunda wedwa (Lwesihlanu) →

Usuku ngalunye: Ukufunda ngamaqela kunye namaqela amabini awohlukeneyo;
Umsebenzi owenza wedwa**UTitshala ufunda ngokuvakalayo (Mvulo)**

Utitshala ufunda ngokuvakalayo amabali adibanisa nolwimi kunye namabali adityaniswe neZakhono zoBomi.

- Amabali asekelwe kuncwadi anxulunyaniswe nezicatshulwa zokufunda notitshala okanye nomxholo.
- Amabali eZakhono zoBomi azisa umxholo omtsha ngamabali.

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zokumamela nokugxininisa.
- Ukwazisa ulwimi olutyebileyo ukwandisa isigama seorali sabafundi.
- Ukwazisa intlobo-ntlobo zoncwadi okanye imixholo yeZakhono zoBomi.

Njani?**Phambi kokufunda**

- Buza imibuzo emi-2 ukuya kwemi-3 ukungqamanisa nolwazi lwangaphambili lwabafundi.
- Nika injongo okanye isizathu sokumamela.

Funda ibali

- Sebenzisa imvakalelo okanye ukulinganisa ukutsala umdla wabafundi.
- Ngokufutshane zama ukucacisa nasiphi na isigama esingaziwayo njengokuba ufunda ibali, ngaphandle kokuphazamisa ukuqhubeka kwebali.

Emva kokufunda

- Vumela umzuzu o-1-2 yokuphendula ngokukhululekileyo okanye imibuzo evulelekileyo
- Jonga ukuba bayalilandela kwaye bayaliqaphela ibali ngokuthi ubuze imibuzo emi 2-3.

CAPS Reading Activities
Teacher Read Aloud**What is Teacher Read Aloud?**

33

Ukufunda notitshala (Lwesibini)

Ukwenzela ntoni?

- Kuphuhlisa ukufunda kunye nezakhono zolwimi ngokuxhaswa ngutitshala ngokuthi anike intsingiselo.
- Ezi zakhono zibandakanya: ingqiqo, ukuphuhliswa kwesigama, ukwakhiwa kwesivakalisi kunye nokufunda ngotyibiliko.

Njani?

Phambi kokufunda


- Bonisa abantwana kwisicatshulwa ngokuthi batsale kulwazi lwabo lwangaphambili bafunde isihloko baze bajonge imifanekiso o-1 ukuya kwemi-2. **UNGATHATHI IXESHA ELINGAPHAYA KWEMIZUZU EMI-2-3.**

Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi. Abafundi bayalandela, bangenelele apho bakwazi khona, baze bakhombe amagama kwiNYY njengokuba ufunda.
- Funda ngokutyibilika nangemvakalelo.
- Xa befunda ngokulandela, abafundi baqala ukufunda ngokuzithemba, thoba ilizwi lakho. Xa udibana namagama okanye amabinzana anzima, nyusa ilizwi.
- Ngosuku ngalunye cela abafundi bafunde igama okanye isivakalisi esingekho semxholweni ukujonga ukuba bayafunda abankqayi.

Emva kokufunda

- **Kumxholo woku-1 nowesi-4**, abafundi bazakuziqhelanisa nezi zakhono zilandelayo kwizifundo ezihlukileyo: ingqiqo/ukufundela ukuqonda, isagama esongeziweyo, umsebenzi wolwimi kunye notyibiliko.
- **Kumxholo wesi-2 nowesi-3**, ezi zakhona zizakucaciswa ngokupheleleyo kuvavanyo lwesicatshulwa sokufunda.



Ulwimi/igrama

- **Kumxholo woku-1 nowesi-4**, izivakalisi ezingundoqo ziyachongwa kwiteksti efundwa notitshala njenga ngaphambili.
- **Kumxholo wesi-2 nowesi-3**, Ulwimi leBanga lesi-3 luyahlaziywa kuvavanyo lwesicatshulwa.

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa izakhono zegrama ngokuthi kuchongwe injongo yamagama/ amaqela amagama/ amagama athile kwisivakalisi.
- Ukungqamanisa iimpawu zegrama neendidi ezithile zokubhala, umz ukufunisela, iimephu zengqondo, abacholacholi beendaba
- Ukwakha ingqiqo yesakhiwo sezivakalisi esichanekileyo.
- Ukuphuhlisa ukuzithemba kubafundi xa bebhala.

Njani?

Yazisa isivakalisi

- Bhala isivakalisi/izivakalisi ezingundoqo ebhodini. Uzifunde kunye nabafundi.
- Abafundi mabakhangele isivakalisi/izivakalisi kwisicatshulwa baze bakrwelele umgca ngaphantsi.



Fundu Wande
Ukwakhiwa kwezivakalisi

isiXhosa



Isigama

Isigama/oonotsheluza bamagama bayachongwa xa kusenziwa izifundo ngasinye sokufunda notitshala. Abafundi bazakuweva bawabone amagama baze bafunde ukuwafunda kunye nokuwabhala. Amagama angemva aguqulelwe kwisiNgesi aluncedo ukufunda isiNgesi.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwandisa ukufundwa kwesigama.

Njani?

Oonotsheluza besigama

- Yenza onootsheluza besigama babebahlanu rhoqo ngeveki okanye ngomxholo.
- Bhala amagama esiNgesi emva konotsheluza ngamnye.
- Bancamathisele eDongeni lamaGama aze afundwe yonke imihla.
- Sebenza ngamagama: bonisa ukwakhiwa kwegama (umz, inani lamalungu, isandi sokuqala, isandi sokugqibela njl. njl) njl. njl.

Funa amagama

- Phinda ufunde ibali, okanye indawo ethile ebalini (into ezakufundwa ibonisiwe kwiNT) xa ufunda notitshala kunye nabafundi.
- Abafundi bakhangela baze bakrwele umgca ngaphantsi/ bebiyela/baphawule amagama kwisicatshulwa.
- Xoxani ngentsingiselo yegama ngalinye.

Ukuziqhelanisa nokufunda kunye nokubhala amagama

- Abafundi bangabhala amagama ayinxalenye nomsebenzi okwiNYY.
- Bakhuphela amagama kwizichazi magama zabo.
- Ukongeza, bangasebenza ngoonotsheluza bamagama kumaqela abo njengoko kucacisiwe.

Guqulela kwisiNgesi

- Inguqulelo yesigama sesiNgesi iyaxoxwa kunye nabafundi.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa isakhono sokufunda ngokukhawuleza, nangokuchanekileyo nangemvakalelo.
- Ukufunda iorali ngotyibiliko **kuyinguqulelo yokufunda ngengqiqo**: ukuba abafundi bafunda amagama ngokukhawuleza nangokucacileyo, bazakukwazi ukugxila kwintsingiselo yombhalo.
- Uphinda-phindo lokuziqhelanisa nokufunda amagama kuphuhlisa utyibiliko.
- Ukuvavanya inani elithile lamagana kumhlathi umfundi anokuwafunda ngomzuzu omnye kunika utitshala ithuba elingcono lokubona isakhono sabo sokufunda.

Imigangatho yokufunda ngokuvakalayo yeDBE yesiXhosa

	35	Ekupheleni kwebanga lesi-3 Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo AMAGAMA angama-35 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
	20	Ekupheleni kwebanga lesi-2 Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo AMAGAMA angama-20 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
	40	Ekupheleni kwebanga loku-1 Bonke abafundi kufuneka bazazi kakuhle IZANDI ZOONOBUMBA babo, bafunde ngokuchanekileyo izandi ezingama-40 ubuncinane ngomzuzu.



Ukufunda wedwa (Yonke imihla, ihambelana noFQ)

Ukufunda wedwa okwenziwa yonke imihla luphawu olubalulekileyo lwenkqubo yeFunde Wande ukuphuhlisa ukufunda ngengqiqo.

Yonke imihla, inqanaba lebakala, ulwazi ngokubanzi, iitekisi ziyanikezelwa. Iitekisi zifundwa ngexesha loFQ.


Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ukufunda wedwa ukulungiselela abafundi kumabanga aphezulu.
- Ukubanika ithuba lokuziqhelanisa nokucaculula nokufunda.
- Ukuphuhlisa umdla wokufunda ngokuthi bafunde izinto ezinika umdla, neetekisi zokwenyani.
- Ukungena nzulu kulwazi lwangaphambili lomfundi, enika igalelo kwingqiqo.

Njani?

Izicatshulwa zokufunda wedwa

- Banikwa iitekisi ezintlanu ezimfutshane ngeveki nganye ukunika abantwana ukuziqhelisa ukucazulula nokufunda izicatshulwa ezingaziwayo.
- Itekisi yokuqala inezivakalisi ezihambelana namagama obizelo eveki okanye izandi ezaziwayo. Bonke abafundi, nabo kunzima kubo, kumele bakwazi ukubiza izandi kwaye bafunde iteksti.
- Iitekisi ezine ezilandelayo zingena nzulu okanye zivula ulwazi lomxholo wabafundi kwaye zinika ukuziqhelanisa nokufunda. Ziquka iindidi ezahlukileyo ezinje ngeetekisi eziyinyani, izahluko zamabali, abacholacholi beendaba kunye nemibongo. Zinezihloko ezinomtsalane kwaye ziboniswa ngendlela enika umdla ebantwaneni kwaye zibakhuthaza ukuba bafunde.
- Itekisi nganye inomsebenzi omfutshane/imibuzo ukujonga ukuba bayalandela na abafundi uze ubavumele baphendule itekisi.



Hlaziya omawukwenze xa ufunda wedwa

- Chaza ukuba yintoni ukufunda wedwa. *Ufunda itekisii wedwa, ngaphandle kokutsho amagama ngokuvakalayo. 'Ubanethuba' lokucazulula nokuqonda.*
- Hlaziya into **ongayenziyo** xa ufunda wedwa: *Thetha, phakama, ncama.*
- Hlaziya into oyenzayo xa udibana negama ongaliqondiyo: *Jonga indawo ezithile kwigama, biza oonobumba, buza kwitshomi, qikelela ukuba lithetha ukuthini uze uqhubekeke ufunde.*
- Chaza into oyenzayo xa ugqiba itekisi. *Phendula imibuzo.*

Phonononga rhoqo ngooLwezihlanu

- NgoLwesihlanu, utitshala ufundela abafundi isicatshulwa seveki osifunda wedwa babe belandela ezincwadini zabo.
- Xoxa ngesicatshulwa, phendula imibuzo ngokuvakalayo, baze abafundi bazikorekise.



Ukufunda ngamaqela (Yonke imihla)

Ukwenzela ntoni?

- Ukubonelela ngeemfundiso ezahlukeneyo kumaqela amancinane abafundi abanesakhono neemfuno ezifanayo.
- Ukusebenzisa izicatshulwa ezikwinqanaba labo ukuze bakukhuthalele ukufunda.
- Ukunika ithuba lokuhlola inkqubela nokufundisa izakhono ezitsha zokufunda.

Njani?

Amaqela okufunda ngamaqela

- Yahlula iklasi babe ngamaqela amahlanu anezakhono ezifanayo.
- Biza iqela ngalinye nisebenze kunye imizuzu eli-15, kabini ngeveki. (ukuba oku kunzima ukukwenza, sebenza kangange mizuzu engama-30 kwiqela ngalinye kube kanye ngeveki)
- **Kwabangakwaziyo ukufunda**, kuza kufuneka uchithe ixesha elininzi nabo ubafundisa kwaye uhlaziya ukubiza **oonobumba nokudibanisa** ezi zandi ukwenza amagama alula. (Ngaphandle kolu lwazi abafundi abazukukwazi ukuya ekufundeni.)
- **Kubafundi abasokolayo ukufunda iitekisi ezikwinqanaba lebanga** labo, funda okanye ubhale iitekisi ezilula, okanye uboleke iincwadi zebanga loku-1 okanye lesi-2 abazakuzifunda ngexesha lokufunda ngamaqela.
- **Kubafundi abakwaziyo ukufunda iitekisi ezikwinqanaba lebanga** labo khetha kwi:
 - Incwadana yengqokelela yamabali okanye nayiphi incwadi ekwinqanaba labo.
 - Iitekisi yeveki ethathwe ekufundeni notitshala.
 - Enye yitekisi yokufunda wedwa.
- Eli lixesha lakho elikhethekileyo neqela ngalinye. Jonga inkqubela. Sebenzisa amathuba okufundisa ukuphuhlisa isakhono sokufunda. **QWALASELA:** Kubanye abantwana kungafuneka uqale ekuqaleni ubafundise ukufunda.
- Khangela apho kufuneka khona uncedo ngamandla uze uzibekele ixesha lokwenza oko.
- **Ukufumana imisebenzi yenqanaba labasaqalayo ukufunda, cofa**
- **Ukufumana imisebenzi yenqanaba labaqaalayo ukufunda ngokutyibilika, cofa apha**



Ukukhwela iLeli Yokufunda

Umfundi ofunda
ngotyibiliko kwasekuqaleni

5

Inkwenkwezi Efundayo



Ndiyakwazi ukufunda itekisi ende


- Ukufunda imihlathi ngotyibiliko.
- Ukufunda ngokuvakalayo okanye ngokuthe cwaka
- Ukuqaphela amagama abonwa rhoqo
- Ukubiza izandi zamagama angaziwayo
- Ukufunda ngotyibiliko, ndiqaphela iimpawu zokufunda
- Ukuphendula imibuzo entsokothileyo

Ndincece

- Ndifundise ukushwankathela endikufundileyo.
- Ndinike iindidi zetekisi ndifunde.
- Ndinike amathuba amaninzi okuzifundela.

4

IRokethi Elifundayo



Ndiyakwazi endikufundayo

- Ukuqikelela into ethethwa sisihloko/ imifanekiso
- Ukuqaphela iimpawu zokubhala
- Ukufunda ndibonakalisa imvakalelo
- Ukuphendula imibuzo

Ndincece

- Ndiqhelanise nokufunda imihlathi.
- Ndibuze imibuzo entsokothileyo.
- Ndifundise ukuzifundela ngaphakathi.

3

Ilanga Elifundayo



Ndiyakwazi ukufunda ngokuvakalayo

- Ukufunda amagama ngotyibiliko
- Ukuqaphela amagama asetyenziswa rhoqo
- Ukufunda 1-3 izivakalisi ezimfutshane ngokuvakalayo
- Ukuzifunda ngesantya esifanelekileyo

Ndincece

- Ndifunde izivakalisi ezinde.
- Ndifundise iimpawu zokubhala.
- Ndibuze imibuzo ngetekisi, nangemifanekiso.

2

UKhozi Olufundayo



Ndiyakwazi ukubaqaphela oonobumba

- Ukujonga ndifunde oonobumba, nabasemagameni
- Ukuxela ngangaphi oonobumba abafanayo
- Ukubiza izandi
- Ukukhangela ndifumane oonobumba abakhulu

Ndincece

- Ndicazulule igama ngokwamalungu.
- Ze ndicazulule amalungu.
- Ndiphinde ndiwakhe.
- Ndifunde amagama ngotyibiliko.

1

Intaka Ezuba Efundayo



Ndiyakwazi izandi emagameni

- Ukuqhwaba ngokwamalungu
- Ukubala amalungu
- Ukuxela izandi ezisekuqaleni
- Ukuxela izandi ezisekugqibeleni
- Ukubala izandi egameni
- Ukukhupha esahlukileyo

Ndincece

- Ndibonise, undifundise oonobumba nezandi.
- Ndifundise oonobumba abakhulu.
- Ndibonise oonobumba egameni.

Umfundi okwinqanaba
lokufunda olusakhulayo



IZIFUNDO ZOKUBHALA

Iveki A: Ukubhala wedwa (**Lwesihlanu**) →

Iveki B: Ukubhala notitshala/amalungiselelo okubhala (**Lwesibini**) →
Ukubhala wedwa (**Lwesihlanu**)

Ukubhala wedwa

Ukwenzela ntoni?

- Ukunceda abafundi babhale itekisi enentsingiselo baze bakwazi ukuzichaza ngokucacileyo nangokukhululekileyo.

Njani?

- Khuphela umsebenzi ebhodini njengokuba kubonisiwe kumanqaku emihla ngemihla.
- Ukubhala kwabafundi kwenziwa kwiincwadi zabo zokubhala umsebenzi.

Izifundo ezinye

- Kwingxoxo emfutshane ngaphambi kokubhala (imizuzu emi-2–3), yazisa umsebenzi.
- Abafundi babhala umsebenzi ngokukhululekileyo. Eli lithuba elingenaxinzelelo kubafundi lokukhulisa ukuzithemba ekubhaleni.
- Khuthaza uze uncome iimbono ezintsha nezinomdla kunye nesigama esitsha.
- Khuthaza abafundi 'bazame' kupelo.
- **Ukukorekisha:** Bhala **amagqabantshintshi uhlomle** endaweni yokubhala nje amanqaku emva kokukorekisha. Oku kuyakhuthaza kunokunika amanqaku. Phawula ngomxholo. Umzekelo: *Umalume wakho uvakala njengomntu onika umdla okanye Ndingqwenela ukuba ndandindwendwele eThekwini.*



Izifundo eziphindwe kabini (**Iveki B, Lwesine noLwesihlanu**)

- Lo ngumbhalo ocwangcisiweyo ukufundisa abafundi ukubhala ngokuchanekileyo kuhlobo loncwadi oluthile.
- Kwi Kota yesi-4 iindidi zoncwadi zezi: ukufunisela, amaphephandaba, amabali kunye neeleta zombulelo.
- Indidi yoncwadi nganye inoqhakamshelwano nomzekelo wetekisi efundwayo. Bonisa ngokusebenzisa oku:
 - iimpawu zeteksi ezinje ngomhlathi, izihloko, imixholwana, nendlela ebhalwe ngayo
- Kwisifundo sokuqala kwezi zibini zokubhala, kuya kubakho amalungiselelo(ukubhala notitshala, okanye ukubhala amanqaku, ukubhala uyilo /idrafti).
- Kwisifundo sesibini, abafundi bazakubhala uyilo lwabo lokugqibela. Le yinkqubo yokubhala.
- Ukuba kuyenzeka, yenza abafundi bafundele itshomi okanye iqela umbhalo wabo ukuze bajonge ukuba uyavakala na baze bazilungise.

- Ukukorekisha: Korekisha iiteksti ezicwangcisiweyo.

- **Yaba ama-50% wamanqaku kumxholo.**

Khangela: ukubhala okubonisa ingiqo, hayi iingcinga ezingacwangciswa; iimbono eziphambukayo kumzekelo wakho; ukhetho lwamagama olunomdla (izichazi, izihlomelo, izimelabizo ezenza ukuba ukubhala kube nomdla ngakumbi), imihlathi esekelwe kwisihloko esinye kumhlathi, ukuqonda uhlobo loncwadi.

- **Yaba ama-50% wamanqaku kulwimi nopelo**

Khangela: izivakalisi kunamabinzana; lungisa ukwakhiwa kwesivakalisi ngokuchanekileyo; iziphumlisi ezifanelekileyo; upelo oluchanekileyo; ukusebenzisa ixesha langoku/elidlulileyo; ukwahluka bobude bezivakalisi, uyilo oluchanekileyo nolungelelwaniso.



Isicatshulwa esibhalwayo

Kwi kota yesi-4, abafundi bakulungele ukubhala uvavanyo lwesicatshulwa olusesikweni, abazakudibana nalo kumabanga aphezulu. Olu vavanyo lwesicatshulwa lufuna ukufunda okunengqiqo iphepha linye okanye mabini, kwaye kuquka ukudityaniswa kwesigama kunye nolwimi, nendidi zemibuzo ezahlukileyo.

Ukwenzela ntoni?

- Ukufundisa abafundi bafumane iimpendulo kwisicatshulwa (oko kukuthi, kungankqaywa isicatshulwa kodwa ngokuqwalasela, okanye ngokuhlalutya isicatshulwa).
- Ukwazisa abafundi **indlela yemibuzo enee fomathi ezahlukeneyo** abanokuthi badibane nayo kuvavanyo lwangaphandle okanye elikumgangatho ofanayo, umz. iithe yibhile, ukukhetha impendulo echanekileyo, iitsheklisti, ukuvala isithuba, izivakalisi ezipheleleyo, njl. njl.
- Ukwazisa abafundi **kumanqanaba ahlukileyo emibuzo**, ukwenzela bakwazi ukubona ungqamaniso phakathi kwamaphepha, intlobo yombuzo ofunwayo, nalapho impendulo izofunyanwa khona. Abafundi kufuneka babenakho ukuchonga ukuba umbuzo ngumbuzo othi, **Khangela ufumane** (ocacileyo), **Funda ucinge** (uthelekelelo) okanye **Ngokukokwam** (izimvo zakho).



Njani?

Funda imibuzo yesicatshulwa

- Cacisa yintoni efunwayo xa kuphendulwa intlobo ezahlukeneyo zemibuzo. **Cacisa iintlobo zemibuzo yalo veki kuphela. umz,**
 - **Gqibezela itheyibhile:** bonisa ulwazi olusuka kwisicatshulwa kwitheyibhile.
 - **Imibuzo apho ukhetha iimpendulo ezichanekileyo:** funda yonke imibuzo uze ukorekische/ubiyele ochanekileyo kuphela.
 - **Yinyani/Aiyonyani:** Funda ingxelo uze ubhale Yinyani okanye Aiyonyani
 - **Ukuvala isikhewu:** Khetha amagama ambalwa ukugqibezela isivakalisi.
 - **Isivakalisi esipheleleyo:** Phendula umbuzo usebenzisa isivakali esipheleleyo neempawu zokubhala ezichanekileyo.
 - **Ulandelelaniso lweziganeko:** ukubhala inani ulandelelanisa iziganeko ebalini
- Khumbuza abafundi ngeentlobo ezahlukeneyo zeempendulo ezinokufunwa:
 - **Khangela uze ufumane** – Umbuzo onempendulo ecacileyo: impendulo ikhona phaya kwisicatshulwa.
 - **Funda ucinge** – Umbuzo ofuna uthelekelele: Impendulo iyacetyiswa kwisicatshulwa kodwa kuya kufuneka ucinge ngayo kwaye uyibhale ngawakho.
 - **Ngokukokwam** – izimvo zakho: Impendulo ayikho kwisicatshulwa kodwa ikuwe engqondweni.



Umsebenzi wokubhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi wesicatshulwa esibhalwayo kwiNYY.
- Ukuba ixesha lisekhona, korekisha umsebenzi neklasi, ubacacisele ukuba kutheni iimpendulo ezithile zichanekile okanye kutheni iimpendulo ezahlukeneyo zifanelekile kweminye imibuzo.

Ukufundisa iZakhono zoBomi

Mvulo noLwesibini:

ULwazi olusiSiseko/PN; EzobuGcisa ObuBonwayo; EzemiThambo →

Lwesithathu noLwesine:

ULwazi olusiSiseko/PN; EzobuGcisa beQonga; EzemiThambo →

Lwesihlanu: Uphononongo lomxholo, EzemiThambo



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukufundela ulwazi

Ukwenzela ntoni?

- Ukuphuhlisa ukufunda ukuze ufunde izakhono zokufunda iincwadi zezifundo zexesha elizayo kunye nezinika ulwazi oluyinyani.
- Ukuphuhlisa ulwazi lwesakhiwo sezicatshulwa ezinika ulwazi oluyinyani kunye nezixhobo zokuhlela ulwazi ezifana neetheyibhile.
- Ukuphuhlisa izakhono zokuthelekelela ulwazi.

Njani?

Ulwazi lwangaphambili

- Kwisifundo sokufunda notitshala, funda isihloko uze uqhelanise okanye wazise abafundi ngomxholo.
- Fumanisa ukuba yintoni abayaziyo malunga nomxholo (mabayithethe).

Ulwazi olutsha

- Bonisa isakhiwo/ifomathi yesicatshulwa, umz. Itheyibhile, umzobo weVenn, umfuniselo, umzobo olebhelishiweyo, uthelekiso, imihlathi enezihloko, iifoto ezinezihloko, njl. njl.
- Fundela abafundi isicatshulwa, ucacise nawaphi na amagama amatsha kumxholo.

Ukubhala

- Funda umsebenzi ongqamene nesicatshulwa.
- Abafundi mabagqibezele umsebenzi kwiNYY.

Izifundo zeYFF

Ukwenzela ntoni?

- Inceda abafundi baphuhlise ulwazi lwabo ngokudibanisa ulwazi olutsha noko bakwaziyo.
- Inika amathuba okuziqhelanise nokuqulunqa eyabo imibuzo nokukhangela iimpendulo.
- Inika amathuba okuziqhelanise nokubhala.
- Ikhuthaza abafundi ukuba bajonge koko bakufundileyo.

Njani?

Khuphela itshati yeYFF kwiNYY ebhodini (Iveki A Mvulo)

Yintoni esiyaziyo ngesihloko (Mvulo wokuqala isihloko esitsha)		Bhala abakwaziyo abafundi. Abafundi bakhetha inqaku elinye baze balikhuphele kwitshati zabo zeYFF kwiNYY zabo.
Yintoni esifuna ukuyazi (Mvulo noLwesine wokuqala)		Bhala imibuzo yabafundi apha. Bakhetha inqaku elinye baze balikhuphele kwitshati yeYFF.
Yintoni esiyifundileyo (Lwesine wokuqala nowesibini)		Gqibezela xa kunikwa ingxelo ngoLwesine. Abafundi babhala inqaku omnye.

Cinga-Ngababini-Yabelana

- **Cinga:** Bebodwa, abafundi mabacinge ngento abayaziyo ngesihloko.
- **Ngababini:** Abafundi baxoxa kunye ngento esele beyazi.
- **Yabelana:** Abanye abafundi baxebele iklassi (nika wonke umntu ithuba ngekota).
- Utitshala ubhala phantsi ezinye iingcinga kwikholum yoku-1 yetshathi yeYFF ebhodini.

Ukubhala

- Buza abafundi ukuba bafuna ukufunda ntoni ngesihloko. Khuthaza bonke abafundi ukuba baqulunge imibuzo. Bhala imibuzo kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye ubuncinane kumqolo ngamnye ukuze bakhuphele kwitshathi zabo ze-YFF, okanye babhale ezabo izimvo.

Qwalasela obekusele kufundiwe (Iveki A kunye no-B ngoLwesine)

- Buyela kwakhona kwitshati yeYFF yangoMvulo.
- Buza imibuzo:
- Sifunde ntoni kule veki?
 - Ingaba sikufumene oko besifuna ukukwazi?
 - Yintoni ofuna ukuyifumanisa kwiveki ezayo? (uLwesine wokuqala kuphela)
- Nceda abafundi babhale iimpendulo zabo kwitshati.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi (Ikwabizwa ngokuba yimibuzo ekhangela umxholo)

QAPHELA: Kwi Kota yesi-4 oku kweziwa xa kuphela umxholo.

Ukwenzela ntoni?

- Ukwenza nzulu ulwazi lwabafundi ngemixholo ongundoqo.
- Ukuhlola ukuqonda kwabafundi ngemixholo engundoqo.

Umsebenzi

- Khetha imixholo engundoqo emithathu ehambelana nesihloko uze ubhale ibenye (nganye) kunotsheluzi.
- Bambela unotsheluzi phezulu uze ucele abafundi bafunde ngokuvakalayo.



- Bhala ingxelo zibentathu ezihambelana nomxholo.
- Cela abafundi babonise ngokuphakamisa ubhontsi xa ingxelo iyinyani baze bamjongise ezantsi xa ingeyonyani.
- Phinda wenze njalo nakweminye emibini imixholo.

Uhlanganiso nesiNgesi

Ukwenzela ntoni?

- Ukulungiselela abafundi bakwazi ukufunda isiNgesi kwibanga lesi-4.
- Ukuphuhlisa ukubhala nokufunda kwabafundi kwisiNgesi.

Umsebenzi

- Phakamisa unotsheluzi ngamnye kwabo basetyenziswe kwimibuzo, oobhontsi phezulu/oobhontsi ezantsi.
- Buza abafundi ukuba bayawazi na amagama esiNgesi; bancede basebenzise amagama kwizivakalisi.
- Bhala amagama koonotsheluzi uze uwabeke kudonga lwamagama esiNgesi uLwimi lokuqala elongezelelweyo.
- Abafundi bazikhuphela kwizichazi-magama zabo/iincwadi zesigama.

Umsebenzi/izifundo zenkqubo

Ukwenzela ntoni?

Ulwazi lwangaphambili

- Ngqamanisa nesicatshulwa sokufundela ulwazi.

Ulwazi olutsha

- Ukuphuhlisa inkqubo yezakhono ezidibene noLwazi olusiSiseko, umz. ukuhlela, ukuqwalasela, umfuniselo njl. njl.
- Ukuphuhlisa ulwazi jikelele, ulwazi lomfuniselo kunye nolwazi olunzulu lwemixholo ethile.
- Ukuphuhlisa izakhono zokudlulisa ulwazi.



EZOBUGCISA

Ukwenzela ntoni?

- Kuphonononga iindlela ezahlukileyo zokujonga ihlabathi.
- Kunika ithuba lokuphonononga nokuvakalisa izimvo ngokubonakalayo nangobuqu.
- Ukuphuhlisa ubuchule kunye nokucinga.

Njani?

- Kukho iphepha lezobuGcisa obuBonwayo kwiNYY rhoqo ngeveki yesibini. Oku kuyatshintshana phakathi kokufundisa isigama sezobuGcisa obuBonwayo kunye nemiba kunye nokuxatyiswa kwezobuGcisa (umboniso wobugcisa).
- Imisebenzi yezobuGcisa obuBonwayo idla ngokuqhutywa kwizifundo ezithathu.
- Utitshala makanikezele ngephepha, iikhrayoni, ipeyinti, njl. njl.
- Bonisa umsebenzi ogqityiweyo eklasini.
- Yenza ingqokelela yezinto ezilahwayo eziza kusetyenziselwa kubugcisa be-3D.
- EzobuGcisa obuBonwayo – buphuhlisa izakhono ezifana nomgca, umbala, ukuphatheka njl. njl. umzobo, ikholaji, njl. njl.
- KwezobuGcisa beQonga, ngumbono olungileyo ukuba neklasi eneengqokelela yezinxibo ezifana nezikhafu, iminqwazi kunye nemakrofoni.



EZEMITHAMBO

Mvulo

Lungisa

- Khetha imisebenzi emine eyahlukeneyo yale veki kwiphepha lama-25.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane evekini.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze uchaze imisebenzi yale veki.
- Abafundi balinganisa imisebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Makudlalwe umdlalo ofana nokuleqaleqana okanye undize.

Lwesibini–Lwesihlanu

Ukuzifudumeza

- Baleka ngeenzwane okonomabhabhathane/ngqisha okwesigebenga/tyibilika okwedada.
- Landela imiyalelo yam. Hamba ngamacala/ jika ngasekhohlo/jika ngasekunene/ chopha/xhumela phezulu.
- Ukuqhwaba ngesingqi/ukungqisha, kukhokelwe ngabafundi abohlukeneyo.




Izitishi zemisebenzi

- Amaqela ayajikeleza kwizitishi zemisebenzi, besenza umsebenzi omnye ngosuku, ngoLwesibini – Lwesihlanu. Jonga imizekelo kwiphepha lama-25.
- Utitshala uyajikeleza aye kumaqela onke, aqwalasele kwaye acebise.

Ukuzipholisa

- Ukuphefumla nzulu.
- Yolula amalungu omzimba ahlukileyo umile okanye uhleli phantsi.
- Ziqinise uphinde uzikhulule izihlunu, ukuqala ezantsi ezinyaweni ukunyuka ukuya entloko.



Imisebenzi yezemiThambo kwizitishi zemisebenzi iKota yesi-4

Khetha imisebenzi ibe mine ngeveki, ugxile kwizakhono ezahlukeneyo.

Nokuba iqula lokuqubha alikho, fundisa izakhono zokuqubha njengoko ukhuseleko lwamanzi lubalulekile ebantwaneni

1 Iintshukumo zamalungu omzimba

- Ulandela imiyalelo ebonwayo (isandla/iimpawu zomzimba, imifanekiso) ukuhamba, ukubaleka, ukuxhuma, ukutsiba, ukuqabela, njlnjl.
- Abafundi bahamba kwisangqa bebambe izandla. Bahlula umlinganiselo wesangqa kwaye namanani ezangqa, batshintshe ulwalathiso lwentshukumo yesangqa, hambisa isangqa ngapha nangapha.

2 Ukuqonda iintsukumo

- Ukulinganisa isithunzi: umfundi omnye sisithunzi somnye umfundi kwaye ulinganisa iintshukumo zakhe.
- Intenetya: umphambili wesandla, kunye nomva wesandla kunye nokujula
- Iqakamba: ukubetha, ukubhowula, umsebenzi webala nokujonga iwikethi.

3 Isingqi

- Ulandelwano lwesingqisho unezixhobo okanye ngaphandle kwezixhobo.

4 Ukusebenzisana kwamalungu

- Imithambo: ukuqengqelekela ngaphambili nasemva.
- Ukudada: ukutyibilika, ukutsala, ukukhaba nokubheqa kunye neentshukumo zengalo.

5 Ukuziqhelanisa nesithuba: Imiqobo yokuziqeqesha nokudada

- Imiqobo yokuziqeqesha
- Ukudada: ukuziqeqesha ngokuzithemba ukuze uyeke ukoyika amanzi njengokufaka amehlo neendlebe emanzini, uziqeqeshe indlela yokuphefumla.

6 Ukuxhathisa: Intshukumo nemithambo

- Xhathisa ngomlenze omnye okanye emibini phezu kwento, uze uxhathise phezu kwepali kunye nezinye izinto ngentloko okanye izandla.
- Imithambo: Ukuma ngentloko, ngezandla ume njengononkala.

7 Ulingano macala

- Ukudada: ukukhaba ngemilenze yase khohlo nasekunene intshukumo zeengalo ekhohlo/ekunene

8 Imidlalo

- Imidlalo yamanzi: *u Ring -a -Ring-a-Rosie*; imitsi emikhulu; imidyarho; njl. njl.
- Imidlalo yemilenze emithathu
- Bamba umsila weqabane
- Intenetya
- Iqakamba



imveliso neenkqubo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngezenzululwazi zeemveliso neenkqubo nendlela esinokuzisebenzisa ngazo ebomini bethu mihla yonke
- Kucacisa inkqubo yokwenza izinto zombona nokwenza iglasi.
- Kwenza umfuniselo baze bawurhekhode.
- Kucacisa amanyathelo omfuniselo ngokulandelelana kwawo.
- Kufunda ngegorga kunye nesicatshulwa selahle esingeyonyani
- Kufunda bodwa ngokufunisela okulula abangakwenza emakhaya.
- Kufunda ngemifanekiso enemizobo emininzi.
- Kuchonga iimpawu zentetha ethe ngqo kunye nentetha engathanga ngqo (intetho echaziweyo).
- Kwenza into eyi-3D ngamaphepha namakhadibhodi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi (IsiNgesi emva kunotsheluzi)

Isigama soLwimi	amalahle	ilitye	umsi	umgodini	umphezulu
	coal	rock	smoke	mine	surface

Isigama seZakhono zoBomi	imveliso	inkqubo	umfuniselo
	product	process	experiment

Izivakalisi

"Siza kupheka njani ukutya kwethu?" wabuza uBitiwe.
Wathi uSalani, "Kweli ityeli siza kuhamba noobhuti bethu."

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Incwadi yokubhalela yolwimi, iimpendulo zomsebenzi wokufunda wedwa nokubhala nesandla
- Izixhobo zobugcisa
- Ukwenza umfuniselo: iingxowana zeti ezi-2, iimagi zeglasi ezi-2 ezingenambala, iketile yokubilisa amanzi
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Ukubhala wedwa; Isigama; Izivakalisi; Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu); Iimpendulo zomsebenzi wokuBhala Wedwa

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Imveliso neenkqubo

Lo mbhalo uyintshayelelo kumxholo weZakhono zoBomi weemveliso neenkqubo. Utitshala uyayifunda ngoMvulo (jonga iNT, iphepha lama-29).

Abafundi bajonga imifanekiso ekwiNYY, iphepha le-15 njengoko bemamele.

Masithetheni ngamagama amabini abalulekileyo, mhlawumbi wakhe weva ngawo: **imveliso neenkqubo**.

Imveliso yinto esingayisebenzisa. Zizinto ezenziwa ngabantu ezinje ngeezinto zokudlala, iincwadi, iimpahla kunye nokutya.

Inkqubo yindlela eyenziwa ngayo into. Ngamanyathelo esiwathathayo ukwenza imveliso. Ukubhaka ikeyiki yinkqubo.

Namhlanje sizokujonga into esiyityayo sonke – umgubo wombona okanye umbona – uze ucinge **ngeemveliso zombona** kunye **neenkqubo** yokuzenza.

Kuqala, siqala ngokutyala umbona.

Umbona udla ngokutyala ngexesha lasentwasahlobo. Ngexesha lasehlotyeni izikhwebu zombona ziyakhula kwizityalo. Zibanee mbewu okanye inkozo zombona. Ngexesha lasekwindla, xa umbona uvuthiwe uyavunwa.

Kwiifama ezinkulu, umatshini obizwa ngokuba ngumatshini wokuvuna (*combine harvester*), usika iindiza zombona.

Umbona ovuniweyo usiwa kumzi-mveliso. Kuqala, umbona uyacocwa uze uhlanjwe. Amatye amancinci nobumdaka buyasuswa kwiinkozo.

Iinkozo zenziwa iindidi ngeendidi zeemveliso.

Umngqusho wenziwa ngokusila iinkozo ngamatye amabini amakhulu zenziwe zibencinci.

Ukwenza **umgubo wombona**, iinkozo zigutywa ngomatshini wokuguba ozenza zibengumgubo orhabaxa.

Umgubo wokuxova wombona wenziwa ngokusila umgubo wombona orhabaxa ucole, uze uhluze ngesihluzo esikhulu.

Xa kusenziwa amaqhashu, iinkozo ziyacocwa zize zomiswe zilungiselelwa ukuba abantu bazipheke emafutheni ashushu okanye kwimayikhroweyivu.

Ukwenza **iikhonfleykhsi**, iinkozo ezicociweyo zigcinwa emanzini zide zithambe zibe yinyobhanyobha. Umatshini ujika yinyobhanyobha ibeziifleykhsi. Ziye ziphekwe eontini zide zibe krum-krum, ngaphambi kokuba zipakishwe kwiibhokisi zithengiswe.

Uninzi lokutya esikuthenga ezivenkile kwenziwe. Kokuphi ukutya onokucinga okwenziweyo?



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

lindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wenze ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngempelaveki yakho nokuba uzive njani.

• Yabelanani:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto amabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl).



IZANDI

Hlaziya izandi u-dl no-dlw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 8

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha le-9.

IPH 7

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Yazisa isihloko seenkqubo neemveliso:
- Ingaba wakhe waya efama? Zeziphi izityalo owakhe wazibona zikhula? Kwenzeka ntoni kwizityalo xa zivuniwe?
- Nika injongo yokumamela: Mamela ukuze wazi ngoku banzi ngeemveliso esizifumana kwizityalo.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Yintoni inkqubo?
- Yintoni imveliso?
- Zintoni ezinye iimveliso zombona?
- Ngawaphi amanye amanyathelo enkqubo ukusuka efama ukuya etafileni?

NT
IPH 27


15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi
- Abafundi mababhale iimpindulo zemibuzo kwiincwadi zabo zokubhala.

IPH 9
30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Abantwana badlala edlelwini.

Sadlula ngasebandleni lasekukhuleni.

Undlebede wakuloMdluli ulivula.

Inde kakhulu indlela eya elwandle.

UNomdluli unezidlele ezitukutuku.

Uyintoni undlebede?

IVEKI YOKU-1 - MVULO - 9



ULWAZI OLUSISISEKO

Yazisa umxholo

- Wawukhe wacinga ngento eyenzekayo ekutyeni ngaphambi kokuba ukuthenge evenkileni?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngeemveliso neenkqubo?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

Iimveliso neenkqubo

Ukubhala notitshala: Itshati yeYFF

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ebhodini.
- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo kule veki ngendlela abantu ababephila ngayo mandulo? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bayikhuphele kwiitshathi zabo zeYFF.

IPH 10
30 imiz

UMHLA

Iimveliso neenkqubo

Into endiyaziyo

Into endifuna ukuyazi

Into endiyifundayo

Iveki yoku-1

Iveki yoku-2

10 - IVEKI YOKU-1 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Abantu kwimizobo

- Lo mfanekiso ubizwa, Ukuqashwa kwabantu abaNtsundu baseMelika kwezolimo (*Employment of Negroes in Agriculture*). Wazotywa yindoda eNtsundu yaseMelika ekuthiwa ngu-Earle Wilton Richardson ngowe-1934.
- Lo mfanekiso ubonisa amaMelika aNtsundu amane asebenza ekukheni umqhaphu e-USA. Omnye wabo ngumntwana. Umzobi wawupeyinta ukubonisa ukuba uninzi lwamaMelika aNtsundu aphantsi ngokungenabulungisa e-USA.

Funda ngabantu emifanekisweni

- Ngamanye amaxesha imizobo yabantu isondelelene, kodwa ngamanye amaxesha eminye

Iziko lemiboniso yobugcisa

ibakufuphi kwindawo engaphambili, ze eminye ibekude.

- Abanye bazotywa behleli abanye bemile.
- Sikubiza oku ngokuba bubudlelwane kwimifanekiso.

Hlalutya umzobo

- Bobuphi ubudlelwane obuphakathi kwemizobo yabantu?
- Phendula imibuzo ekwiNYY.

Ingxoxo yeklasi

- Ucinga imizobo engaphambili emfanekisweni kumele ibe mikhulu okanye ibe mincinci kune mizobo engasemva? Ngoba?
- Ungayibeka phi eyona mizobo ibalulekileyo emfanekisweni?

IPH 11
30 imiz

UMHLA

Abantu kwimizobo

Benza ntoni abantu?

1. Ubona abantu abangaphi kumfanekiso?

2. Ingaba banke benza into enye?

3. Ucinga abantu bangaphi? Kutheni ucinga?

4. Zizigxina izintshukuma ezibonisa emfanekisweni?

IVEKI YOKU-1 - MVULO - 11



EZEMITHAMBO Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemithambo okwiphapha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuchaza
iinkqubo

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngento enye efumaneka egumbini lokufundela. Yenziwe ngantoni? Yenziwe njani?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Abanye babafundi mabachazele ikhosi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 12
10 imiz

UMHLA

Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.

umdlalo udlalo kudlwabavu
edlelwani zidlele isidlo

1. Utata ukhaphela imfuyo iye **edlelwani**.

2. Abantwana badlala **webhala** ekhatywaya.

3. Usana lune **ezithandekayo**.

4. USigaba ucuze kamandi **lamculo**.

5. Umama usiphakele **esinambithakayo** ngokuhlwa.

6. UNina **ugqophu**.

12 • IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 7

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko.

Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi.
- Funda amaqamza entetha.
- Ngqamanisa ibali nemifanekiso usebenzisa imibuzo nokuqwalasela.
- Yima uchaze nawaphi na amagama amatsha okanye umxholo, umz. usebenzisa

Ukufunda ngengqiqo

- imifanekiso okanye isithethantonye.
- Vumela umfundi omnye aphendule umbuzo woqikelelo ekupheleni kwephepha ngalinye.

Emva kokufunda

- Xoxani ngombuzo wokugqibela wokuba ngaba amalalele awulungele okanye awawulungelanga uMhlaba nabantu.

IPH 2-6
15 imiz

Amatye omlingo

Imibuzo: Amatye omlingo

Mandula, ahlaka, oodade ababini, uSifani noDlame, boshya bali yabo bangaphandle umsebenzi. Abantwana babalulekile kwaye bengasakazi ukubandla. Umama wabo wabandla inyanda yemkuni, isikhali sobandla umilo nongqibezela wabandla. Oodade babandla imibuzo ezininzi. Ubusuku ngobunye babandla imibuzo phantsi babandla. Emva koko, babepheka umgubo wabandla base babandla ezininzi kumilo ukufundisa. Babandla kwilizithi elihlangene, babandla nokwinqubo eze. Base babandla kumilobane ngokuphelele. Kwinkqubo mthi kule mibala kwaye kwinkqubo kakhulu. Kwinkqubo amanyama amancinci eyenze sise phantsi.

Oodade ababini babepheka ntoni kumbona lwabo?

2 • IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo

Imibuzo

- Cacisa imibuzo abangayiqondiyo abafundi

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise.IPH 13
15 imiz

UMHLA

Ukufunda ngengqiqo

Funda ibali, Amatye omlingo (iphepha le-2-6).

1. Buzisa esona sibizo esingabandla nebuli.

- Umama loodade
- Abantwana babandla balingo umilo
- Boli elingemilaphi ngokufunyanwa kwamalalele
- Ungqibezela kungqibezela

2. Bhala izithi zala magama.

- ukubandla
- oodade
- ihlangene
- nulu

3. Kutheni abalulekile amalalele?

4. Kutheni kungwulungelanga uMhlaba ukuthi sise kwamalalele?

IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI • 13



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Yeyiphi enyibilikayo?

IPH 14
30 imiz

UMHLA

Yeyiphi enyibilikayo?

Intshayelelo
Ukuba into iyanyibilika emanzini, indawo namanzi ukwenza ungaphinde uyibone. Ungenza umfuniso ukuba ubone yintoni enyibilikayo emanzini.

Umfundiso
Isipuni eli-1 lesekile
Isipuni eli-1 lenguwa
Isipuni eli-1 kamagqabi
Isipuni eli-3 zomani afumelelayo

Indlela yokwenza
Golela isekile kwikomityi yaso-1, uze uzamisa. Golela nguwa kwikomityi yaso-2, uze uzamisa. Golela amagqabi ezi-3 kwikomityi yaso-3, uze uzamisa.

Ukwatshelwa
Amanzi kwikomityi yaso-1 abacwengile. Inyibilikayo isekile. Amanzi kwikomityi yaso-2 abacwengile. Inyibilikayo isekile. Amanzi kwikomityi yaso-3 abacwengile. Inyibilikayo isekile.

Isiphelo
Ezinye izinto ziyanyibilika emanzini kodwa ezinye azinyibiliki.

Zoba umfanekiso obonisa ukufundisa.

14 • IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI



ULWAZI OLUSISISEKO

Fundani nize nixoxe

- Cacisa izinto ezisemfanekisweni ezisetyenziswayo kwinkqubo yokuvelisa umbona.
- Khumbuza abafundi ngesicatshulwa ebebesimamele kwiinkqubo neemveliso.
- Chonga ulandelelwaniso lokuvelisa umbona:
 1. Isityalo siyakhuliswa.
 2. Umbona uyavunwa.

Ukusuka ezifama ukuya etafileni

3. Umbona uyacocwa kumzi-mveliso.
 4. Umbona uyasilwa.
 5. Umbona uyapakishwa uze uthengiswe.
- Abafundi mabachonge iimveliso ezahlukeyo zombona kunye nezinto ezisetyenziselwa yona.

Bhala

- Abafundi bagqibezele umsebenzi okwiNYY.

IPH 15
30 imiz

UMHLA

Ukusuka ezifama ukuya etafileni

Inkqubo
Landelalanisa inkqubo ngokuchanekileyo. Fakela imani elichanekileyo.

Imveliso
Leyibhelisha imveliso zombona. Sebenzisa la magama: isiboku, umgqo wobona, umagqo, isihlahla.

Zoba umfanekiso obonisa ukufundisa.

15 • IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Peyinta umfanekiso onemizobo yabantu emibini

Intshayelelo

- Khumbuza abafundi ngemifanekiso abayibonileyo yokuvuna (NYY, iphepha le-12).
- Babonise eminye imifanekiso yemizobo yokuvuna.
- Khomba amanqanaba ahlukileyo kunye nobudlelwane phakathi kwemizobo.

Umsebenzi (ipeyinti ne phepha)

- Abafundi mabazobe umgca kwisi-2/3 phezulu ephepheni. Bazobe isibhakabhaka ngentla

komgca baze bazobe intsimi ezantsi komgca.

- Kwindawo engaphambi, mabazobe imizobo yabantu emibini okanye emininzi Bavuna izityalo. Kumele babonise ubudlelwane phakathi kwemizobo yabantu: amanqanaba ahlukileyo (*begobile, bemile, njl. njl.*), engaphambili kumele ibemikhulu kunengasemva.

Bonisa xa yomile.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ufunde ntoni ngendlela yokuvelisa umbona? Cinga ngento eyenziwe ngombona.
- **Ngababini:** Cacisa inkqubo ukusuka kwisityalo ukuya etafileni. Tshintshanani.
- **Yabelanani:** Iqela ngalinye libonisa ngenkqubo yalo eklasini.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Cacisa amanyathelo kwinkqubo

15 imiz



IZANDI

Ukuhlaziya isandi u-ndl

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 16

10 imiz

UMHLA

ndl

umandlalo

indlebe indulamthi ibandla

i-ndlo-bo-nge-la u-ya-ndla-la i-ndle-dla-na

U'Nandla uneendlebe nezandla ezintle.

IB - IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 7

10 imiz

Yintoni edadayo?

Yintoni edadayo?



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama

Funda

- Bonisa uze ufunde isigama sale veki (ebhodini okanye koonotsheluzi).

amalahle

ilitye

umsi

umgodi

umphezulu

- Phinda ufunde ibali kunye nabafundi.

Ukukhangela amagama

- Njengoko ufunda abafundi bachonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY.
- Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele. Esinye isigama kwisicatshulwa siphindiwe.

Abafundi bacwangcisa oonotsheluzi ngokokulandelelana kwe alfabethi.

IPH 2-6

15 imiz

Amatye omlingo

Isigama

amalahle umgodi ilitye umphezulu

Gqibezela ithegibhile.

Isigama	Inkcazo
Intlo yendalo eqinileyo.	Isigama umphezulu womhlaba.
Intlo emnyama etshisayo ukwenza umfazi.	
Izazi emnyama engeni okanye emhlophe eyenza ukuba kusitha.	
Umgquma omkhulu emhlabeni apho iintlo ezi-fana namahle zombwa khona.	
Umlaleko ophuzulu wento.	

Bhala isigama ngokokulandelelana kwealfabethi.

IB - IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU



UKUBHALA

Isigama

I orali

- Jonga umsebenzi okwiNYY kwiphepha le-17 uwufunde ngokuvakalayo.

Bhala

- Gqibezela imisebenzi yokubhala kwiNYY. Jonga uze ukorekise.
- Abafundi bakhuphela amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluzi besigama kudonga lwamagama.

IPH 17

15 imiz

UMHLA

Isigama

amalahle umgodi ilitye umphezulu

Gqibezela ithegibhile.

Isigama	Inkcazo
Intlo yendalo eqinileyo.	Isigama umphezulu womhlaba.
Intlo emnyama etshisayo ukwenza umfazi.	
Izazi emnyama engeni okanye emhlophe eyenza ukuba kusitha.	
Umgquma omkhulu emhlabeni apho iintlo ezi-fana namahle zombwa khona.	
Umlaleko ophuzulu wento.	

Bhala isigama ngokokulandelelana kwealfabethi.

IB - IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU - 17



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Yintoni edadayo?*
- Abafundi babhale iimpendulo zemibuzo kwiincwadi zabo zokubhala.

IPH 18
30 imiz

UMHLA

Yintoni edadayo?

Intshayelelo
Ukuba into iyadada emanzini, ibala phezu kwemanzini kungaba nintshayelelo ngokukhawuleza. Singenza umfuniselo ukuba ukuba yintoni edadayo emanzini.

Umfuniselo

Izixhobo
Izinye ezi-1
Iigabi ezi-1
Iisipuni leplastiki ezi-1
Isitya esinomanzi

Indlela yokwenza
Faka isitya emanzini.
Faka igabi emanzini.
Faka isipuni leplastiki emanzini.

Ukuqwalasela
Faka isitya emanzini.
Faka igabi emanzini.
Faka isipuni leplastiki emanzini.

Iziphelelo
Ezinye izinto ziyadada zize ezinye zithone emanzini. Ezinye izinto ziyadada kugalele zize zithone emantsho. Cinga ngelizinye ezininzi ezinokuba.

IB - IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU



ULWAZI OLUSISISEKO

Umfuniselo wokwenza iti

Funda nize nixoxe

- Funda imiyalelo yomfuniselo.
- Abafundi mabaqikelele okanye benze ingcamango ngolwimi le nzululwazi.

Yenza

- Yenzani umfuniselo niyiklasi.
- Abafundi mabajonge xa utitshala egalela amanzi abilileyo ekomityini.
- **QAPHELA: UNGAVUMELI abafundi basondele ecaleni kwamanzi abilayo.**
- Beka ixesha lokufunisela uze uxelele abafundi bachaze abakuqwalasele yo.

Bhala

- Abafundi mababhale abakuqwalaseleyo kunye nesiphelo kwiNYY, iphepha lama-20.

IPH 19
30 imiz

UMHLA

Umfuniselo wokwenza iti

Ukwenza iti yinkqubo. Amagabi ezi-1 abhalwa emanzini, zize imanzi gabi esemagabini igumile emanzini.

Ucinga ntoni?
Ingatshala i-1 ukuba ungayenza ngamanzi abandayo okanye abilileyo? Bhala uqalele lwakho apha.

Izixhobo
• Izinyawo zeti ezi-2
• Imagi zegesi okanye ikomityi ezi-2
• 100 ml zomanzi abilileyo
• Iwotshi

Indlela yokwenza
1. Zoba umngamlezi emibini ephapheni, enezithuba ezinga ma-20 cm phakathi kwazo.
2. Beka imagi nganye phezu kumngamlezi nganye, use ufaka ingxowa yeli kwimagi nganye. Layibhalela imagi yokuqala ngo-A ayaboni ngo-B.
3. Galele i-100 ml zomanzi abandayo kwimagi u-A, use ugalele i-100 ml zomanzi abilileyo kwimagi u-B.
4. Beka ixesha elingamizuzu emi-5 ewotshini.
5. Yakuphela imizuzu emi-5 khupha ingxowa zeti kwimagi. Jonga ngaphakathi kwimagi.

Ukuqwalasela
Ugawubona umngamlezi kwimagi u-A?
Ugawubona umngamlezi kwimagi u-B?

Iziphelelo
Amanzi akwenza iti kufuneka abe ngaba

IB - IVEKI YOKU-1 - LWESITHATHU - IB



EZOBUGCISA BEQONGA

Mamela umculo waseMzantsi Afrika

Ukulungiselela

- Khetha iirekhodini ezimbini ezahlukeyileyo zomculo waseMzantsi Afrika. Ingalulo naluphi na uhlobo kwaye ingalilo naliphi na ixesha.
- Lumka ungakhethi umculo onamagama akhubekisayo.
- Ukuba kuyenzeka, khetha umculo onamagubu okanye ezinye izixhobo zomculo zaseAfrika.

Iklasi

- Zifudumezeni ngokucula ingoma eyaziwa ngabo bonke abafundi.
- Dlalela iklasi iirhekhodi ezimbini.
- Buza abafundi yeyiphi eyona bayithandileyo kwaye ngoba? Votani.
- Phinda udlale ingoma abayithandileyo.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuchaza umfuniselo

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngomfuniselo ngeti owuqwalasele izolo.
- **Ngababini:** Neqabane lakho, zama ukucinga okubonileyo, ngokulandelelana kwenyathelo ngalinye.
- **Yabelanani:** Isibini esinye sithetha ngabakukhumbulayo ngomfuniselo. Iklasi yongeze.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.




IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 20

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 7

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ulwimi

15 imiz

Yazisa izivakalisi

- Funda izivakalisi ezise bhodini.
- Abafundi mabakhangele baze bakrwelele izivakalisi kwisicatshulwa esikumaphepha lesi-2-7.

Sebenza ngezivakalisi

- Chonga uze ubiyele zonke izibizo ezikwizivakalisi. (*ukutya, uBitiwe, uSalani, oobhuti*)
- Biza zonke iziphumlisi. (*iimpawu zocaphulo, oonobumba abakhulu, ikoma, uphawu lombuzo, isingxi*)

- Hlaziya unobangela wokusebenzisa iimpawu zocaphulo. (*ukubonisa intetha ethe ngqo*). Ukubonisa isithethi
- Sesiphi isivakalisi esingumbuzo? Wazi njani?
- Ingaba zikweliphi ixesha lentetha-mazwi ezi zivakalisi? (*ixesha elizayo*)

Intetho ngqo

- Bonisa indlela yokubhala amaqamza entetha ngqo: "*Jonga la matye, Salani!*" watsho uBitiwe.

"Siza kupheka njani ukutya kwethu?" wabuza uBitiwe.

Wathi u Salani, "Kweli tyeli siza kuhamba noobhuti bethu."



UKUBHALA

Ulwimi

Bhala

- Gqibezela iphepha leNYY.

IPH 21

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Yintoni enyibilikayo?*
- Abafundi babhala iimpendulo zemibuzo kwiincwadi zabo zokubhala.

IPH 22

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukutya kwendalo nokuvelisiweyo

30 imiz

Intshayelelo

- Cacisa ukuba ukutya okuveliswe ngokudlulisileyo kunezithako ezininzi ezifana netyuwa, iswekile okanye amafutha ukwenza kubenencasa, iikhemikhali zokwenza kuhlale ixesha elide, umbala ukwenza kubenomtsalane, njl. njl. Ezi zithako azisilungelanga.
- Bonisa imifanekiso okanye imizekelo yomgubo wombhona wesidudu kunye nezidudu zakusasa (cereals) ezifakwe imibala.

Ingxoxo

- Buza umbuzo:
 1. Zintoni iinzuzo zeenkqubo zokuvelisa ukutya?
 2. Kokuphi ukutya okusempilweni – ukutya kwendalo okanye ukutya okuvelisiweyo?

Amaqela

- Abafundi mabaxoxe ngemibuzo ngamaqela.



EZOBUGCISA BEQONGA

Hlalutya iingoma

30 imiz

Intshayelelo

- Khumbuza abafundi ngeengoma ebebezimamele ngoLwesithathu.
- Phinda uzidlale iingoma kwakhona.


Umsebenzi wamaqela

- Ngamaqela, abafundi mabaxoxe:
 - ithempu (isantya) yengoma nganye.
 - Ukutshintsha tshintsha kwengoma nganye (ingxolo kunye nokutsholo phantsi)
 - Indlela yomculo wengoma nganye (ukuvakala kweenowuthsi, umz.

Okweentsimbi, kamnandi, njl. njl.),

Iklasi

- Cacisa ukuba uninzi lwengoma zase Mzantsi Afrika zinethempu (isantya) efanayo, Ukutshintsha-tshintsha kwengoma (ingxolo kunye nokutsholo phantsi), indlela yomculo wengoma (ukuvakala kwethowuni, lo nto izenza zikhetheke.



EZEMITHAMBO

Izitimshi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitimshi zemisebenzi yezemithambo okwiphepha lama-24 nelama-25.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Yintoni ekhethekileyo oyifumanisileyo kule veki? Ingaba unemibuzo ngento oyifunde kule veki?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelanani** neklasi.

15 imiz



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 23

10 imiz

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Fundela iqabane lakho la magama ngamazulu amnye.

iphela	phila	phosa	inkamela	phakama
uyazela	ufefe	amazulu	ngaka	ingoma
izipelti	iduma	bhaka	imbawula	umdlalo
yona	ibele	ingoma	jika	umhluzi
isazela	khuza	ingaki	kumkula	shela
ilawa	luhle	ifanele	qhiza	indlela
amafu	ila	vusa	qhagha	ibhalele
amaza	lehego	ivatata	umfuta	ingalo

Inani lamagama owafunde ngokuchanekileyo _____.

IVEKI YOKU-1 • LWESIHLANU • 23




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-8 nele-9.

IPH 7

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo kwiphepha lama-27, 32, 36, 40 nelama-42. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Isicatshulwa ngasinye sichaza umfuniselo olula. Ngowuphi umfuniselo oza kuwenza ekhaya? Ngoba?

Ukukorekisha

- Thatha iincwadi zabafundi uzityikitye okanye uhlomle ngokubanzi ngeempendulo zabo.

15 imiz



UKUBHALA WEDWA

Ukubalisa ngomfuniselo

- Bhala ngomfuniselo owubone kule veki (umfuniselo ngeti).
- Cacisa okwenzekileyo ngokulandelelana kwamanyathelo.
- **Khangela:** Ulandelelwaniso oluchanekileyo, ukuba onke amanyathelo akhankanyiwe, ukuqonda injongo yomfuniselo.

15 imiz

Umfuniselo endiwubonileyo/ endifunde ngawo
Ndibone/ ndifunde ngomfuniselo malunga ...
Kulo mfuniselo uza ... (amanyathelo)



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Yintoni eqengqelekayo?*
- Abafundi babhala iimpendulo zemibuzo kwiincwadi zabo zokubhala.

IPH 24
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha kwincwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2, Iphepha lomsebenzi lama-49, Izityalo – izinto esizifumana kuzo, iphepha lama-34 nelama-35.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iphepha lama-75.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-2



imveliso neenkqubo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuziqhelanisa nokubhala uvavanyo lokufunda ngengqiqo.
- Kuqonda umfuniselo wokwenza imibala emitssha.
- Kufunda ngeenkqubo neemveliso eziquka udongwe.
- Kuchonga baze baleyibhelishe imifanekiso ebonisa izixhobo ezisuka emhlabeni.
- Kuqonda inkqubo yokwenza iglasi.
- Kumamela, baphendule iziqhulo kunye nooqashi-qashi babantwana.
- Kuchonga iimbonakalo zentetho ethe ngqo nentetho echaziweyo.
- Kubhala inkqubo yolandelelwaniso/ uyomfuniselo.
- Kusebenza ngamaphepha namakhadibhodi ukwenza into.
- Kuphonononga ngezixhobo ezahlukileyo zase Mzantsi Afrika.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi (IsiNgesi emva kunotsheluzi)

Isigama soLwimi	amalahle	ilitye	umsi	umgodi	umphezulu
	<i>coal</i>	<i>rock</i>	<i>smoke</i>	<i>mine</i>	<i>surface</i>

Isigama seZakhono zoBomi	imveliso	inkqubo	umfuniselo
	<i>product</i>	<i>process</i>	<i>experiment</i>

Izivakalisi

“Siza kupheka njani ukutya kwethu?” wabuza uBitiwe.
Wathi uSalani, “Kweli ityeli siza kuhamba noobhuti bethu.”

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iincwadi zabafundi zokubhala
- Izixhobo zobuGcisa: iphephandaba, iglu – iglu yamaplanga exutywe namanzi okanye intlama emanzi, ipeyinti
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Ukubhala ngesandla

Olungekho sesikweni: Ubizelo, Ukubhala (umfuniselo) Ukufunda ngengqiqo, Amaxesha okuziqhelanisa notyibiliko, Imisebenzi yolwazi olusiSiseko

Iziqhulo nooqashi-qashi babantwana

Uwuvala ngantoni umzi walo umqhagi?

Impendulo: ngeqhaga

Uthanda ukutya ntoni umqhagi?

Impendulo: amaqhashu

Ithanda ukunxiba ntoni xa igodola igusha?

Impendulo: amagusha

Ithambisa ntoni igusha xa iphuma elangeni?

Impendulo: umemezi (umee-mee-zi)

Umfama wabuza idonki ukuba yeyiphi indlu eyithanda kakhulu. Yaphendula idonki iveze amazinyo, "Hooki, hooki!"

Impendulo: ihoki

Ndinamandla. Awukwazi ukundibona, awukwazi ukundibamba, kodwa kulula ukundiva. Ndiyintoni?

Impendulo: umoya

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

lindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba ezikhethekileyo? Ubusenza ntoni ngempelaveki?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngendaba zakho. Phendulanani ngobubele.

• Yabelanani:

- Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Qinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ithuba kwikota nganye.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

- **Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo** (izinto amabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl).




IZANDI

Hlaziya izandi u-gqw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekische umsebenzi kunye.

IPH 26

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 25

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Yintoni isiqhulo? (ibali elifutshane elikuhlekisayo.)
- Yintoni uqashi-qashi? (ingxaki ekhohlisayo ekwenza ucinge; ingahlekisa okanye ingahlekisi.)
- Nika injongo yokumamela: Mamela ezi ziqhulo nooqashi-qashi, siza kuthetha ngazo zonke.

Fundela abafundi isiqhulo ngasinye okanye uqashi-qashi ngamnye.


Emva kokufunda

- Buza: Sesiphi esona isiqhulo besihlekisa kakhulu? Ngoba?
- Ngomphi uqashi-qashi ebenomdla kakhulu? Ngoba?

NT

IPH 39


15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.

15 imiz



- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

UGqibile uqgolozive.

UNosigobhe uyakuthanda ukugqogqa izigqawathi.

Le nja iyakuthanda ukugqogqa emqamqeni.

USiso liqagwetha eligqwesileyo.

Ugqirha waqibezela ngokumnika amayeza.

 Ucinga ukuba kutheni le nto inja ithanda ukugqogqa emqamqeni?

IVUKI YESI-2 - MVULO - 27



Izixhobo ezivela emhlabeni

- **Cinga:** Cinga ngezinto esizisebenzisayo ezisuka emhlabeni.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngeezimvo zakho. umz. Udongwe, amatye, igolide, njl. njl.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi.

- Buza: Yintoni esiyisebenzisa rhogo esuka emhlabeni?

- Faka umbala emifanekisweni.

30 imiz

[illegible]


Izitya zobugcisa bamaphepha

30 imiz

- Xeela abafundi ukuba baze nezitya zeplastiki emakhaya.
- Lungisa isitya esine glu seqela ngalinye – ingaba yiglu yamaplanga exutywe namanzi okanye intlama emanzi. intlama (*umlinganiselo olinganayo womgubo wokuxova udityaniswe namanzi ude uthambe*).
- Krazula iphephandaba ibe yimicwe ezi-2cm.
- Gquma indawo yokusebenza ngephephandaba.

- Bonisa abafundi izitya neekomityi ezenziwe ngezixhobo ezahlukeyileyo.
- Cacisa ukuba kulula ukwenza izinto ezifana nezitya kunye neekomityi ukuba usebenzisa isibumbelo.
- Faka imicwe yamaphepha kwiglu uze uyibeke kumphandle wesitya esincinci.
- Yongeza ka-5.

- Abafundi baza kuqibezela ngomso.



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuxoxa
ngebali

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngeziqhulo okanye ooqashi-qashi obave izolo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngesiqhulo okanye uqashi-qashi omthande kakhulu. Chaza kutheni usitsho.
- **Yabelanani:** Yabelana neklasi.

Ngokuhlwa

- Cinga ngesiqhulo okanye uqashi-qashi ozakumxelela iklasi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Fakela izandi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 29

10 imiz

UMHLA

Fakela izandi esikhigweni.

1 i gqw etha	5 i ko
2 um ayelo	6 upha
3 uti ala	7 i ela
4 i a	8 ii mbu

IVEKI YESI-2 - LWESIBINI - 29



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 25

10 imiz

Udongwe lugudile.

Udongwe lugudile.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukufunda ngengqiqo

IPH 30

15 imiz

Ukufunda notitshala

- Fundela abafundi isicatshulwa sokufunda ngengqiqo esikwiNYY.

Imibuzo

- Funda imibuzo yokufunda ngengqiqo kwiphepha elikujongileyo.
- Cacisela abafundi imibuzo abangayiqondiyo.

UMHLA

Imibala emitsha

Iintshayelelo

Ungena imibala upeyinti emitsha ngokunobu imibala. Ungabonisi oku ngokwenza umfuniselo.

Izixhobo

- Ipeyinti ebomvu
- Ipeyinti ebomvu
- Ipeyinti emhlophe
- Ibhushu zepayinti e-3 - enye kunobu nganye
- Ibhushu e-1 gqokucaca
- Ipeyinti emhlophe e-1

Indlela yokwenza

- 1 Thatha iintshayelelo zepayinti ezibomvu. Thatha iintshayelelo zepayinti emhlophe. Zube kunye. Ipeyinti gqoka ibe mabini.
- 2 Thatha iintshayelelo zepayinti ezibomvu. Thatha iintshayelelo zepayinti emhlophe. Zube kunye. Ipeyinti gqoka ibe mabini.
- 3 Thatha iintshayelelo zepayinti ezibomvu. Thatha iintshayelelo zepayinti emhlophe. Zube kunye. Ipeyinti gqoka ibe mabini.

Iziphelelo

Ukuba ukuba imibala kunye, ufumana imibala emitsha.

30 - IVEKI YESI-2 - LWESIBINI



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo

IPH 31

15 imiz

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekiske

- Jonga iimpendulo. Abafundi bazikorekiske.

UMHLA

Ukufunda ngengqiqo

Funda umfuniselo, imibala emitsha (iphepha lama-30).

- 1 Thawula esona sikhala esifanele lo mfuniselo.
 - ☐ Umfuniselo ubonisa ukuba umbala obomvu nomhlophe wenza umsebenzi.
 - ☐ Umfuniselo ubonisa ukuba udinga ibhushu zokupayinta ukunobu imibala.
 - ☐ Umfuniselo ubonisa ukuba ukunobu imibala kwenza imibala emitsha.
 - ☐ Umfuniselo ubonisa ukuba upeyinti kargeni umfuniselo.
- 2 Bhala imibala emithandathu ebalulekile kwisicatshulwa.
- 3 Bigela inani lezixhobo.

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	11	12	13
---	---	---	---	---	---	---	---	---	----	----	----	----
- 4 Kutheni udinga ipleyiti kulo mfuniselo?
- 5 Phawula isikhawana esichaza okufumanisiweyo.
 - ☐ Izixhobo
 - ☐ Indlela yokwenza
 - ☐ Iziphelelo
- 6 Kutheni indlela yokwenza inamanani?

IVEKI YESI-2 - LWESIBINI - 31



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** UKusuka kudongwe ukuya etafileni

IPH 32
30 imiz

UMHLA

Ukusuka kudongwe ukuya etafileni

Umntu kweqeleli, isitya kunye nekomityi ezizibenzisiyo zenziwe ngadongwe.
Kugqibela, udongwe lugcinwa ukusuka naseqeleli na lintoni zamanye. Emva koko, ludityaniswa namantzi lize ludovwe lude luthamba.
Emva koko, udongwe lugcinwa kubunjwe. Ukubunjwa kunika udongwe imilo yalo, uma, ipleyiti, isitya obanye ikomityi.
Inqethelo elilandelayo kukusuka isitya obanye ikomityi ngaphambi kokusibhaka ezintini ehlukahlukene ngokubona isithixo samantshi (bini).
Inqethelo lokugqibela kukusuka kwinto eyenza umphandle umanyentele (glass), eyenza igule kwaga imanyentele. Iqaphinda ibhekisa ukugqibela, emva koko kufuneka ukusuka kwinto.
Bhola amanyentele anelisa gqwana komityi ngadongwe.

32 - IVEKI YESI-2 - LWESIBINI



ULWAZI OLUSISISEKO

Izixhobo ezivela emhlabeni

Funda nize nixoxe

- Phonononga abakwaziyo abafundi ngezixhobo zomhlaba.
- Jonga imisebenzi efanayo uze uxoxe ngezixhobo ezahlukeneyo.

Thelekisa

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 33
30 imiz

UMHLA

Izixhobo ezivela emhlabeni

Tshatsha limaliso nezixhobo ezivela ngazo.

Iitya
Umhlaba
Isingithi

IVEKI YESI-2 - LWESIBINI - 33



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Izitya zobugcisa bamaphepha (ziyaqhubeka)

Umsebenzi (hombisa)

- Susa isitya esomileyo kwisibumbelo.
- Sika iikona ngesikere.
- Peyinta ngaphakathi nangaphandle ngombala womphantsi.
- Hombisa ngeminye imibala.
- Peyinta ukuba kuyadingenga.

Bonisa nize nixoxe

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Yenza isiqhulo okanye uqashi-qashi

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** ngesiqhulo okanye uqashi-qashi.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.

- **Yabelanani:** Ngubani ongathanda ukwabelana neklasi? Sizakuva ngezinye ngomso.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Hlaziya isandi u-gq

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 34

10 imiz

UMHLA

gq ugqirha

umgqobho igqabi ugqaphu

u-m-gqo-mo u-M-gqwa-shu u-m-gqu-ba

UMamGqawshu ugqobhaze umgqomo ngeqjudu.

34 • IVEKI YESI-2 • LWESITHATHU



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 25

10 imiz

Izitenza zinzima.

Izitenza zinzima.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukuphonononga isigama nolwimi

Funda

- Funda oonotsheluzi bale veki:

amalahle	ilitye	umsi	umgodi	umphezulu
----------	--------	------	--------	-----------

Jonga

- Abafundi bajonga umsebenzi wesigama weNYY weveki ephelileyo, baze balungise.
- Bhala izivakalisi ezine ziphumlisi ebhodini.
- Abafundi mabajonge iziphumlisi zabo.

15 imiz

UMHLA

Isigama

amalahle umsi ilitye
umgodi umphezulu

Gqibezela ithayibhile.

Isigama	Inkcazo
Isigama	Into yendala esingaleyo. Igama umphezulu wamkela.
	Into emnyama etshwenyela ukusuka ukusuka.

UMHLA

Ulwimi

Izali: Funda izivakalisi.

"Siza kupheka njani ukutya kwethu?" wabuza uBitiwe. Wathi uJoni, "Kweli nyuli siza kuhamba noobhuti bethu."

- Ngubani othetha kwinkcazo nganye?
- Kweliso umgodi kwamagama aqhelekileyo aqhelekileyo.
- Bigale zonke iziphumlisi. Sibiza ukuba yintoni iziphumlisi nganye?

Bhala izivakalisi ukubonakalisa into ethethwa ngumntu ngamnye. Sebenzisa imipawu zentetho nezinye iziphumlisi.



UKUBHALA

Uhlanganiso nesiNgesi

Isigama

- Thetha ngendlela yokubiza oonotsheluzi ngesiNgesi. Guqula unotsheluzi ngamnye uze ubize igama ngesiNgesi:

amalahle	ilitye	umsi	umgodi	umphezulu
----------	--------	------	--------	-----------

Isivakalisi

- Xoxa ngendlela onokuchaza ngayo isivakalisi esingundoqo ngesiNgesi.
 - Qaphela intetha ethe ngqo kunye nesijekulo ngesiNgesi.
- "Siza kupheka njani ukutya kwethu?" wabuza u Bitiwe.

Bhala

- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi niyiklasi.

IPH 35

15 imiz

UMHLA

Isigama nolwimi

Gqibezela ithayibhile.

Isigama	Isivakalisi usebenzisa igama	Igama lesiNgesi
Amalahle enza imilo eshushu.		cool
Ulwandle lunelitye elikhulu kulo.		rock
Nalibona umsi kufuphi nomilo.		smoke
Utata usebenza emgodini.		mine
Maning! amanzi akumphezulu womkhosi.		surface

Fakela imipawu zentetho.

Siza kupheka njani ukutya kwethu? wabuza uBitiwe. Asinazo inkuni esemileyo.

Bhala esi sivakalisi ngesiNgesi, ufakele neempawu zakubhala ezichanekileyo.

Siza kupheka njani ukutya kwethu? wabuza uBitiwe.

IVEKI YESI-2 • LWESITHATHU • 35

- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Ukusuka kudongwe ibe yimbiza yomqombothi*

30 imiz



- Phendula imibuzo ekwiNYY, iphepha lama-37.

30 imiz



- Zeziphi ezisetyenziswa kumculo wase Afrika? (umz. ukubetha: igubu/djembe, izihlukuhli, imelodikh: izixhobo ezineentambo, iipiyano zomnwe (mbira), xylophone/marimba; izixhobo zomoya: amaphondo, ingcongolo, ifluthi, njl. njl.)
- Abafundi mabadlale izixhobo zomculo okanye bamamele iirhekhodi. Xoxani ngezandi ezahlukileyo – ezingxolayo, ezitswinayo, ezihlabayo, ezitsholo phantsi, nezikhala kamnandi, njl. njl.

30 imiz



25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Yenza isiqhulo okanye uqashi-qashi

Ngababini, Yabelanani

- Phinda umsebenzi wayizolo, abafundi abaninzi babalise iziqhulo kunye nooqashi-qashi.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

15 imiz



IZANDI

Lungisa amagama

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 38

10 imiz

UMHLA

Bhala amagama ngendlela echanekeleyo.

1	thaqwei	igqwetha
2	ulegqwethi	
3	eMashinigaqa	
4	irhagwi	
5	umbhogqa	
6	usilegqwe	
7	ummogqa	
8	urhagqi	

38 - IVEKI YESI-2 - LWESINE



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 25

10 imiz

LWESINE

x

x

Ipapa innandi.

Ipapa innandi.



UKUFUNDA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Ukufunda ngababini

- Iqabane ngalinye lifunda isicatshulwa betshintshiselana.
- Jonga/beka ixesha lokufunda (1 umz. emnye). Bhala inani lemigca efundiweyo.
- Phinda.

Ingxelo

- Funda isicatshulwa kunye nabafundi.
- Abafundi babiyela nawaphi amagama abawafunde ngokungachanekanga.
- Bakhuthaze baziqhelanise nokufunda emakhaya

IPH 39

15 imiz

UMHLA

Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda oku kabini. Ufunda amagama amangaphi?

Kwafika ubusuku baze baphumla. Babesele neenkuni ezincinci izimbini zokubasa umlilo.

"Siza kupheka njani ukutya kwethu?" wabuzo uBitiwe. "Asinazo iinkuni ezaneleyo."

"Masibase umlilo omncinci ozakusigcina sifudumele okwexeshana elifutshane," watsho uSalani.

Baqhelele amanye wolomatye amnyama angaqhelekanga, baze benza isangqa esincinci. UBitiwe wabeka embindini iinkuni ezimbalwa. Emva koko, wabasa umlilo uSalani.

	1	2
Inani lamagama endisafundileyo.		
Inani lamagama endingawazanga.		

IVEKI YESI-2 - LWESINE - 39



UKUBHALA NOTITSHALA

Lungiselela

- Uza kudinga ijagi engenambala egcwele ngamanzi, istispuni kunye neswekile.

Xoxani

- Ngowuphi umfuniselo eniwenzileyo okanye enifunde ngawo kule kota? (Yintoni enyibilikayo/edadayo/enyibilika elangeni/eqengqelekayo? Umfuniselo weti)

Ukurhekhoda umfuniselo

Ukurhekhoda umfuniselo

- Yenza umfuniselo: Galela amatispuni eswekile ambalwa emanzini uzamise. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayabona.
- Kunye nabafundi, bhala okuqwalaseleyo ngaphantsi kwesihloko esichanekeleyo. Bhala amagama ambalwa okanye amabinzana, hayi izivakalisi.

15 imiz

Umbuzo
Isixhobo
Indlela yokwenza
Ukujonga
Isiphelo



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Ukusuka kudongwe ibe ziithayile*

IPH 40
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa oonotsheluzi beelwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

inkqubo

1. Indlela into eyenziwa ngayo.
2. Into oyithengayo.
3. Ukuvuna umbona okanye ingqolowa.

imveliso

1. Iglasi, umbona okanye ikomityi yodongwe.
2. Into esiyisebenzisayo.
3. Indlela into eyenziwe ngayo.

umfuniselo

1. Ukwenza iti.
2. Imithi emininzi iyonke yenza ihlathi.
3. Uvavanyo olucwangcisiweyo ngononophelo ukufumanisa into.

Uhlanganiso nesiNgesi: process (inkqubo), product (imveliso), experiment (umfuniselo)



EZOBUGCISA BEQONGA

Izixhobo zomculo zaseAfrika (ziyaqhubeka)

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Ukugoba nokuzolula ude umqolo ukhululeke.

Umsebenzi weqela

- Ukuba kunezixhobo zomculo ezikhoyo, yeka abafundi banikane amathuba ngazo ukufuniseka.
- Ukuba akukho zixhobo zomculo, dlala umculo waseAfrika onezixhobo zomculo, baze abafundi balinganise isingqi ngezandla okanye ngezinti.

Isiphelo

- Abafundi mabashukumele izixhobo zomculo waseAfrika.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngento entsha oyifunde kule veki. Uziva wohlukile ngezinye izixhobo? Ingaba uqaphele ntoni owawungazange uyiqaphele ngaphambili?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

- Landela inkqubo yobizelo ekwiphepha lesi-8.

Amagama: igqwirha, uMgqwashu, umgqwaliso, igqwetha, isigqwathi

Isivakalisi: igqwetha lifike kuGqwashu ligqwethe izihlangu.

IPH 41

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Isivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha nele-9.

IPH 25

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklassi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo kumaphepha 27, 32, 36, 40 nelama-42. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Emva kwesicatshulwa ngasinye, buza umbuzo/imibuzo. Kwizicatshulwa zango Mvulo ukuya kuLwesine, abafundi mabazikorekisha.

Xoxani ngezicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande ngcono? Ngoba?
- Ingaba lukhona ulwazi olutsha olufundileyo? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Phawula. Qaphela ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA

Ukurhekhoda umfuniselo

- Jonga isicatshulwa sokuFunda Wedwa seVeki yoku-1.
- Hlola uyilo kunye neziphumlisi xa ubhala umfuniselo.
- Abafundi mabasebenzise imisebenzi yabo yokufunda notitshala ukubhala umfuniselo ngendlela echanekileyo, kwizivakalisi kwiindidi zokugqibela ezintathu.

Ukukorekisha

- **Khangela:** Uyilo oluchanekileyo, isihloko sikrwelelwe, iziphumlisi ezichanekileyo, izivakalisi ezicacileyo kunye neendidi zokugqibela ezintathu, isigama namagama aqhelekileyo apelwe ngokuchanekileyo.

15 imiz

Umfuniselo Umbuzo wokufunisela: Ingaba iswekile iyanyibilika emanzini?
Isixhobo:
Indlela yokwenza:
Ukujonga:
Isiphelo:



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Ukusuka kudongwe ibe zizinto zokudlala

IPH 42
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi yeveki ephelileyo kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2 Iphepha lomsebenzi lama-52 Isuka Kudongwe iya Esiteneni, iphepha lama-40/41.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iphepha lama-84.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- Lokuleqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- Lokufundisa umfundi ngamnye, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-3



Iintlekele

Lo mxholo uthatha **iiveki ezintathu**. Unesicatshulwa esinye sokufunda notitshala kweziveki zintathu. Ecaleni kwephepha ngalinye lesicatshulwa esifundwa notitshala kukho umsebenzi wokufunda ngengqiqo. Imisebenzi esithandathu yokufunda ngengqiqo iza kugqitywa kwiiveki ezintathu, ezimbini kwiveki enye, njengokuba kuchaziwe kwisikhokelo. Kuza kubakho utshintsho oluncinci kwithayimtheyibhile.

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kuqonda umahluko phakathi kweentlekele zendalo nezenziwe ngabantu.
- Kufunda banzi ngeentlekele ezenziwa ngumlilo.
- Kufunda ngesicatshulwa sembali yentaba-mlilo ePompeii.
- Kufunda bodwa amanqaku ephephandaba malunga nemozulu engaqhelekanga.
- Kubaneencoko ngababini ngeendaba.
- Kubhala umhlathi ngeendaba ezibanika umdla.
- Gqibezela iimvavanyo ezimibini zokufunda ngengqiqo eziquka isigama nezinto zolwimi.
- Kufunda ngembonakalo kwezobugcisa.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo (IsiNgesi emva kunotsheluzo)

Isigama soLwimi:	uqhushumbo	intaba	inyibilika-ntabomlilo	uthuthu	enkulu kakhulu
	<i>explosion</i>	<i>mountain</i>	<i>lava</i>	<i>ash</i>	<i>enormous</i>
Isigama seZakhono zoBomi	intlekele	intlekele yendalo	intlekele eyenziwe ngabantu		
	<i>disaster</i>	<i>natural disaster</i>	<i>human disaster</i>		

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Incwadi yokubhala yolwimi, iimpendulo zemisebenzi yokuzifundela eyedwa nokubhala ngesandla
- Izixhobo zobugcisa: ipeyinti, iikhrayoni, iphepha, irula nepensile
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekisha: Ukubhala wedwa (iindaba ezikhethekileyo), Ukufunda ngengqiqo, Ukubhala ngesandla, iimpendulo zomsebenzi wokubhala wedwa

Zintoni iintlekele?

Iintlekele zizinto ezenzeka ngesiquphe kwaye zenza umonakalo omkhulu futhi zilimaza abantu, izilwanyana kunye nokusingqongileyo.

Ezinye iintlekele zibizwa ngokuba zintlekele zendalo ngoba zibangelwa zizinto zendalo izinto ezifana nemozulu okanye ukushukuma kweqweqwe lomhlaba.

Iintlekele ezibangelwa yimozulu ziquka izikhukhula, iimbalela kunye neesayiklowuni zetropiki (*tropical cyclones*) ezizisa imvula enkulu nomoya, zize zenze umonakalo omkhulu. Imililo emikhulu emahlathini ngamanye amaxesha yenziwa kukubaneka.

Eminye imizekelo yeentlekele zendalo ezibangelwa kukushukuma kweqweqwe lomhlaba zinyikima, iitsunami kunye neentaba-mlilo. Xa kusenzeka inyikima, umhlaba uyashukama uze wenze umonakalo omkhulu kwizakhiwo. Itsunami ngamaza amakhulu abangelwa yinyikima ngaphantsi kolwandle. Amanzi enza umonakalo xa efika emhlabeni. Uza kufunda banzi kule veki ngeentaba-mlilo.

Iintlekele zibangelwa ngabantu. Imililo emininzi ibangelwa ngabantu abangenankathalo ngoomatshisi okanye amakhandlela. Ezinye iintlekele zendalo zibangelwa ngabantu. Iinzululwazi zikholelwa ukuba utshintsho lwemozulu lubangela iintlekele ezifana nembalela kunye nezikhukhula.

Iintlekele zingachaphazela abantu ngeendlela ezininzi ezahlukileyo.

Zingenza umonakalo ezindlwini, kwizakhiwo kunye neendlela, zenze kubenzima ukuba abantu bahamba-hambe okanye bafumane indlela ekhuselekileyo yokuhlala. Iintlekele zingalimaza abantu okanye zibabulale kunye nezilwanyana ezibandakanyeka kwintlekele.

Iintlekele zicaphazela okusingqongileyo, zenze umonakalo kwizityalo nakwizilwanyana. Izikhukhula ziyawukhukhulisa umhlaba, izityalo kunye nezilwanyana, imililo yona itshabalalisa amahlathi kunye nezilwanyana ezihlala ehlathini.

Nangona iintlekele zisoyikisa kwaye zisenza umonakalo omkhulu, kubalulekile ukukhumbula ukuba kunabantu kunye nemibutho enceda abantu abachaphazelwe zezintlekele. Ababancedi babizwa ngokuba “*zii-first responders*”, baquka a bacimi-mlilo, amapolisa, iipharamedikhi kunye nemibutho yoncedo. Basebenza ukugcina abantu bekhuselekile kwaye balulame emva kwintlekele.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Chaza

- Kukho iindaba zosapho, iindaba zasekuhlaleni, iindaba zaseMzantsi Afrika kunye neendaba zehlabathi. Sifunda ngeendaba kumaphephandaba, kumabonakude, i-intanethi kunye nabanye abantu.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Cinga ngeendaba, nokuba zeziphi ozive kule mpelaveki.

- Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- Yabelanani:** Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.
- Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto emabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.)

- Kule veki kumsebenzi wokuFunda Wedwa uza kufunda amanqaku ephephandaba.



IZANDI

Hlaziya isandi u-khw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 57

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 56

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

Phambi kokufunda

- Yazisa isihloko, iintlekele. Uyayazi ukuba yintoni intlekele? Wakhe weva ngeentlekele?
- Nika injongo yokumamela: Mamela ukuze wazi ngeentlobo ntlobo zeentlekele.


Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Zenzeka nini iintlekele?
- Yeyiphi imizekelo yentlekele zendalo onokuyibiza?
- Yeyiphi imizekelo yentlekele ezenziwe ngabantu onokuyibiza?
- Iintlekele zenza intlobo zomonakalo ezinjani?
- Ingaba kumele sizoyike intlekele?

NT
IPH 51


15 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengolwimi lokuqala elongezelelweyo.



- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

30 imiz

UMHLA


Funda izivakalisi

Amakwenkwe akha izikhwebu zombona.



Isikhwenene sakhwaza uNomkhola.



UMkhuseli ngomnye wabakhweli mahashu.



Umkhulwazi wafika nomkhonto omkhulu.



Umanu ulime amakhophethushu ekhaya.



Wufika ephethe ntoni umkhulwazi?



58 • IVEKI YESI-3 • MVULO

**lindlekele**

- Wakhe waba kwisaqwithi esibi?
Waziva njani?

- **Cinga:** Wazi ntoni ngeentlekele?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Yebelana neklasi.

- Bhala igalelo labafundi kumqolo woku-1 wetshati yakho yeYFF ephodini.

- Buza: Yintoni ongathanda ukufunda ngayo kule veki ngeentlekele?
- Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi bakhetha into enye kumqolo ngamnye ukuze bayikhuphele kwiitshati zabo zeYFF.

30 imiz


UMLHA

Intleke zendalo



Intlo emding'izayo





Intlo emding'uma ukuyazi





Intlo emding'undlwayo



Izeki yesi-3

Izeki yesi-4

Izeki yesi-5



IZEKI YESI-3 • MVULO • 5



Ukufunda ngembonakalo

- Chaza ukuba xa ujongwa eminye imifanekiso ezotywe ephepheni, umfanekiso wenyani awuyiyo i-2D, kodwa uyi-3D.

- Abazobi benza imifanekiso embaza ijengeke ngokungathi yeyokwenyani nokungathi yeye-3D ngokusebenzisa umbono wabo.

- Uqaphela ntoni ngemithi?

- Uqaphela ntoni ngezakhiwo?
- Uqaphela ntoni ngendlela?
- Xelela abafundi ukuba apho indlela idibana khona nomphezulu yindawo enyamalalayo.
- Xelela abafundi bakhombe umphezulu nendawo enyamalalayo emifanekisweni.

- Ingaba ucinga izinto ezikufuphi nomphezulu zijongeka kude?

30 imiz

UMHLA



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iincoko
ngeendaba

15 imiz

Chaza

- Xoxa ngezimvo **zencoko** ngokwabelana ngeendaba. Kwincoko, abantu banikana amathuba okuthetha nokumamela iindaba kunye nezimvo zabo.
- Namhlanje siza kugxila kukunikana amathuba.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Zeziphi iindaba nokuba zeziphi ozive kule mpelaveki.
- Ngababini:** Yiba nencoko neqabane lakho ngeendaba nokuba zeziphi ozive phezolo. Isibini ngasinye sinikana amathuba okuthetha, kunye nokumamela. Mamela ngononophelo.
- Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Ekhaya

- Bukela okanye ubuze ngeendaba zanamhlanje ukulungiselela isifundo sangomso.




IZANDI

Cqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 61

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 56

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama nokufunda
ngengqiqo

Uza kufunda ibali lonke kuqala, ngaphambi kokuba usebenze ngephepha ngalinye. Qaphela ukuba ibali liyaqhubeka rhoqo kwiphepha lesibini.

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko. Thetha **ngeentaba**. Cacisa ukuba igama **ukuqhushumba** lithetha ukuthini.

Emva kokufunda

- Fundela abafundi isicatshulwa **sonke**. Ngqamanisa nemifanekiso.
- Kunye nabafundi, shwankathela ukuba isicatshulwa besingantoni.

IPH 44-49

15 imiz



UKUBHALA

Isigama

Yazisa isigama

- Funda oonotsheluzi. Onke amagama esicatshulwa akwiphepha loku-1 nelesi-2 (iphepha lama-44 nelama-46).

Ukukhangela igama

- Funda kunye neklasi amaphepha amabini wokuqala esicatshulwa.
- Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa

kwiNYY njengoko ufunda. Bakrwela umgca okanye babyele igama elitsha ngalinye. Amanye amagama avela kaninzi.

Bhala


- Abafundi mabakhuphele amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluzi besigama

kudonga lwamagama.

IPH 44 & 46

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Amaza amakhulu abetha kumanxweme aseNtshona Koloni*

IPH 62
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Xoxani

- Zintoni iintlekele?
- Yintoni okanye ngubani obangela iintlekele?
- Dwelisa uluhlu lweentlekele abafundi abangazibiza.
- Abafundi kufuneka bakwazi ukwahlula phakathi kweentlekele ezibangelwa kukungakhathali kwabantu okanye ezenziwa ngabom nezo ezaziwa njengomsebenzi kaThixo okanye ezo kungekho mntu ozibangelayo.

Iintlekele zendalo nezibangelwa ngabantu

Funda uze wenze

- Funda iphepha kunye nabafundi. Xoxani ngamagama, iintlekele zendalo kunye nezibangelwa ngabantu.
- Abafundi mabajonge imifanekiso ngononophelo baze bagqibezele umsebenzi okwiNYY.

IPH 63
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Xoxani

- Abafundi mabaxoxe ngomfanekiso ebebewujonge izolo.
- Phonononga ngesigama abasifundileyo – umphezulu, indawo engabonakaliyo, indlela obona ngayo.

Umsebenzi



- Nika umfundi ngamnye iphepha eliyi-A3, irula kunye nepensile.
- Lalisa iphepha ngecala – ikona ende ikusuka ekhohlo ukuya ekunene.
- Baxebele bazobe umgca ephepheni oqala ekunene usiya ekhohlo oyi 2/3 ukunyuka ephepheni kulapho umphezulu uzakubakhona.

Imbonakalo (Indlela ebonakala ngayo)

30 imiz

- Phawula ngepensile kulo mgca kulapho indawo yabo enyamalalayo izakubakhona.
- Phawula kabini ezantsi ephepheni, kangange ¼ ukusuka ekoneni.
- Sebenzisa irula ukudibanisa ezindawo nendawo enyamalalayo phezulu ukwenza indlela.
- Zoba imithi okanye izakhiwo ecaleni kwendlela. Qala ngezakhiwo ezincinci/ imithi kufuphi nomphezulu uze ugqibelize ngezinkulu kufuphi namazantsi ephepha. Izakhiwo zingashiyana.
- Ekugqibeleni sebenzisa irula ukwenza umgca oqala phezulu uye ezantsi, osuka kwindawo enyamalalayo ukuya emazantsi ephepha. Oku kungasetyenziswa njengemigca yendlela.

Gcina umzobo usenzela iveki ezayo apho uzakugqityezelwa khona.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Chaza

- Qhubeka ngezimvo zencoko. Thetha ngokuphendula isithethi. Oku kungathetha ukuthi unikeza ngezimvo zakho kwinto ethethiweyo, okanye ucele ukucaciselwa, umz: Ngoko, ingaba uthetha ukuba ...?

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Zeziphi iindaba ozive okanye ofunde ngazo izolo.

Iincoko ngeendaba (ziyaqhubeka)

15 imiz

- Ngababini:** Yiba nencoko neqabane lakho ngeendaba ozive izolo. Xa ilithuba lakho lokuba umamele, buza umbuzo wokucaciselwa.
- Yabelana** neklasi.

Ekhaya

- Bukela okanye ubuze ngeendaba zayizolo ukulungiselela isifundo sangomso.
- Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.



IZANDI

Hlaziya isandi u-kh

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 64

10 imiz

UKHULA

kh

ikhabhathi

umkhaphi umkhonto ikhaphetshu

u-m-khu-se-li u-m-khwi-tsho u-m-khwe-ka-zi

UKhusekwa ebengumkhaphi emntshweni kaNomsihlo.

64 • IVEKI YESI-3 • LWESITHATHU



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 56

10 imiz

Kukho umoya omkhulu.

Kukho umoya omkhulu.



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Idolophu yamandulo yasePompeii

Funda

- Hlaziya isigama sale veki ngokubambela oonotsheluzi phezulu.
- Phinda ufunde futhi nabafundi iphepha lama-44 (iphepha loku-1 lesicatshulwa).

Imibuzo

- Jonga umsebenzi wokufunda ngengqiqo ongqamaniswe nezicatshulwa kwiphepha lama-45.
- Cacisa: Kufuneka ujonge iphepha elinye lokufunda ukuze uphendule lemibuzo.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

IPH 44-45

15 imiz

Xa iintaba ziqhushumba

Idolophu yamandulo yasePompeii

Mandulo kwakuba idolophu encinane eThay, abizwa ngokuba yiPompeii. Le idolophu yagqokelele ezintweni kwintaba ophakame kakhulu emthetheni. Kuba idolophu ibonakala ngendlela abantu abaphila ngayo kwintaba yangoku. Abantu abadlala babesibonisa, abantwana babadlala, bangama nengqo abantwana. Kwakukho izindlu ezinkulu, izindlu ezincinane, imakazi, imibini abantwana imidala yengqo (phantsi) neendaba. Kwaba ngengqo imibini abantu abantwana bangaphandle ukuba bulwa umzi ongaphandle ophuma phantsi kwintaba. Bona neengqo ezigqunywe, bafundisa ukuba kwakuba intaba kwaba ngokuba ngabomi babo ngengqo. Babangqo ukuba kwakuba intaba.

44 • IVEKI YESI-3



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Idolophu yamandulo yasePompeii

Bhala

- Gqibezela umsebenzi wokubhala kwiNYY, iphepha lama-45.

Jonga uze ukorekise

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekise okanye batshintshiselane ngeencwadi.
- Hlaziya isizathu sokusebenzisa izihlanganisi kwaye nalapho u-kodwa asetyenziswa khona.

IPH 45

15 imiz

Ukufunda ngengqiqo

Funda isicatshulwa, Idolophu yamandulo yasePompeii (iphepha lama-44).

1. Phawula eyona mibuzo ininzi ephawuleni.

☐ Indlela yegqokelele yophakame kakhulu.

☐ Umkhondo umkhonto.

☐ Indlela ekugqima ukugqama.

2. Yintoni eyingqokelele ngokuba ngala mini?

3. Khangelisa esi sivakalisi kwisicatshulwa. Kwela umgca ngaphantsi kwazo.

☐ Indlela yegqokelele yophakame kakhulu.

☐ Indlela ekugqima ukugqama.

☐ Indlela ekugqima ukugqama.

4. Libizwa ngokuba yintoni igama u-kodwa?

5. Yabizwa isivakalisi eside ngo-kodwa sbe zivakalisi ezimbini ezimfutshane.

Zivakalisi siku-1:

Zivakalisi siku-2:

IVEKI YESI-3 • 45



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ayi-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *IKapa libhudlwe yimimoya emikhulu*

IPH 65

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Umlilo!

Xoxani

- Fundela abafundi isicatshulwa esingomlilo kwaye ufunde nabo.
- Xoxani ngemifanekiso nezimvo malunga neentlobo ezimbini ezahlukeyo zemililo.

Phendula imibuzo

- Abafundi mabagqibezele umsebenzi okwiNYY. iphepha lama-66.

IPH 66

30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Iingoma zemozulu

Ukuzifudumeza

- Fudumeza ilizwi ngokusebenzisa izixhobo ezahlukeyo – ukuhamisha, ukudibanisa imilebe, ukucula isandi esinye ivulekile imilebe.

Lungiselela

- Xoxani ngeengoma zemozulu – bangacula iingoma zemveli okanye ezinye iingoma abazifundileyo.

- Khetha ingoma enye niyicile niyiklasi. Gxila kutshintsho – ingxolo/ukutsholo phantsi ukungqamanisa namazwi.

Amaqela

- Abafundi mabasebenze ngamaqela azizi-6.
- Ngqubanisa iintloko: Ungalisebenzisa njani ilizwi lakho ukubonisa iintlobo ezahlukeyo zemozulu ezinjengemvula, umoya indudumo, njl. njl.
- Amaqela makakhethe ingoma enye yemozulu, baze bazilungiselele kwaye baziqhelanise ukuze bayilinganise ngomso.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izithishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezithishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Chaza

- Qhubeka nezimvo zencoko. Thetha ngokuba sisithethi. Chaza ukuba udibanisa ibali leendaba uxelele omnye umntu. Awunyanzelekanga ukuba unike iinkcukacha.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Zeziphi iindaba ozive okanye ofunde ngazo izolo.

Iincoko ngeendaba (ziyaqhubeka)

15 imiz

- Ngababini:** Yiba nencoko neqabane lakho ngeendaba ozive izolo. Zama ukunikezela ngeendaba zakho ngendlela emfutshane nenika umdla.
- Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.



IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 56

10 imiz



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Intlekele

Uhlanganiso nesiNgesi

- Sebenzisa oonotsheluzi ukuhlaziya isigama seveki.
- Guqula oonotsheluzi uze wazise amagama esiNgesi.

Funda

- Phinda ufunde kunye nabafundi iphepha lama-46.

Imibuzo

- Jonga ukufunda ngengqiqo okufolisiweyo kwiphepha lama-47.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

IPH 46 & 47

10 imiz



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Intlekele

Bhala


- Gqibezela umsebenzi wokubhala okwiNYY, iphepha lama-45.

Jonga uze ukorekise

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekise okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 47

15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Imvula ezinkulu eMpumalanga naseRhawutini

IPH 68
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-59)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela weveki yesi-3.

Xoxani

- Niyiklasi, xoxani ukuba abantu baziva njani xa belahlekelwe ngamakhaya abo/nezinto zabo kwiintlekele zendalo.
- Dwelisa uluhlu lwamagama achaza iimvakalelo.



EZOBUGCISA BEQONGA

Iingoma zemozulu (ziyaqhubeka)

30 imiz

Linganisa

- Ngamaqela, abafundi mabalinganise iingoma zemozulu besebenzisa utshintsho elahlukeyo (ingxolo/ukutsholo phantsi, ukukhawuleza/ukucotha).

Vavanya

- Ncoma iqela ngalinye.



EZEMITHAMBO

Izitihi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitihi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki


Chaza

- Iindaba zingantle okanye zibembi kodwa kubalulekile ukuba sazi ngokwenzekayo ehlabathini.
- Kumnandi kakhulu ukumamela uze ugqithise iindaba ezimnandi.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba zikwenze waziva njani iindaba ozive kule veki?
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho
- **Yabelana** neklasi.

15 imiz



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 69

10 imiz

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.

ubaniwe	pheza	thuma	ishelani	vumani
balaka	ufefe	isikalo	ngoku	ingubo
isitiya	idada	ibhokisi	imbewu	diala
bukela	ibhekile	ingalo	ikhelele	ishibho
gada	khaza	ingca	kumkela	saka
isigezo	indani	itafle	iqhezu	indlela
amanzi	ibusa	vukani	iqhaga	ibhosi
phezulu	shela	valela	isifundo	ingazi

Inani lamagama awafunde ngokuchanekileyo _____

IVEKI YESI-3 • LWESIHLANU • 69




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 56

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Fundela uze uphendule imibuzo

- Fundela ikhosi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo kumaphepha ama-58, 62, 65, 68 nelama-70. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Uqaphele ntoni ngezicatshulwa? (*amanqaku ephephandaba*)
- Ingaba zohlukile kwezinye izicatshulwa? Chaza. (*Iingongoma ezibhalwe nkulu, ulwazi kwiikholam, njl. njl.*)

Ukukorekisha

- Thatha umsebenzi uze uwutyikitye okanye ubhale ngeempendulo zabafundi.

15 imiz



UKUBHALA WEDWA

Ukubhala ngeendaba

Umsebenzi

- Bhala ngeendaba ezinomdla ozive kule veki. Ingayinto oyixelelwe liqabane lakho, iindaba ozive kumabonakude, okanye into eyenzeke ekuhlaleni.
- Sebenzisa isikhokelo sesivakalisi esisebhodini.
- Bhala nokuba sisivakalisi esinye.
- **Khangela** Izivakalisi ezakhiwe ngokuchanekileyo ziyalandeleleka kwaye nezimvo zakhe zicacisiweyo.

15 imiz

Ezona ndaba
ezinika umdla
endizivileyo kule
veki bezimalunga ...
Bezinika umdla
ngoba ...



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Ikhephu livale iindlela eMpuma Koloni*

IPH 70
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi
yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha eDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi 2 iphepha lomsebenzi lama-53, Intlekele: Izikhukhula
- nento ekufuneka siyenzile, iphepa ama-42 nelama-43.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iphepha lama-96.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-4



Iintlekele

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngemibutho yamazwe yoncedo.
- Kwazi ngezinto abantu abazidingayo emva kwentlekele.
- Kwazi ngabahlanguli kwixesha likaxakeka.
- Kufunda ibali elinezahluko elingesaqhwithi.
- Kwenza imephu yengqondo ukucacisa ngesihloko seendaba nokuba zeziphi.
- Kuthetha ngamanqaku ephephandaba malunga nokunceda abanye.
- Kugqibezela uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini eziquka isigama nolwimi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo (IsiNgesi emva kunotsheluzo)

Isigama soLwimi	umbindi	uqweqwe	imagma	umphezulu	iimaleko
	<i>core</i>	<i>crust</i>	<i>magma</i>	<i>surface</i>	<i>layers</i>

Isigama seZakhono zoBomi	intlekele	iintlekele zendalo	iintlekele ezibangelwa ngabantu
	<i>disaster</i>	<i>natural disaster</i>	<i>human disaster</i>

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iincwadi zokubhalela zabafundi
- Izixhobo zobuGcisa: ipeyinti, iikhrayoni okanye iikoki
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Ukubhala ngesandla

Olungekho sesikweni: Ubizelo, Ukufunda ngengqiqo, Imisebenzi yoLwazi olusiSiseko

Imibutho encedayo

Abafundi banokujonga iilogo kwiphepha lama-74 leNYY njengoko ufunda.

Xa kusenzeka iintlekele, babaninzi abantu bokunceda abo bachaphazelekileyo nabo balahlekelwe ngamakhaya abo kunye nezinto zabo okanye abalimeleyo. Amapolisa, imibutho kaxakeka kunye nemibutho yokholo idla ngokuba ngabo abantu abafika kuqala endaweni yentlekele letlekele. Aba bantu babizwa ngokuba ngabaphendula kuqala (*first responders*). Abalandelayo ukuphendula yimibutho esebenza ngokunika uncedo lwentlekele le kuphela.

Mamelisisa olu lwazi olungemibutho emine yoncedo.

I-Red Cross and Red Crescent liqela elinceda abantu ngexesha lemfazwe kunye neentlekele zendalo. Ayingobantu bokholo. *I-Red Cross*, ligama elisetyenziswa kumazwe okholo. *I-Red Crescent*, ligama elisetyenziswa kakhulu kumazwe amaMuslim.

Banika uncedo kubantu abagulayo, ukutya kunye namanzi, kwaye nendawo yokuhlala kwabo bachaphazelekileyo. Banceda nabantu ngexesha lemfazwe. Ngexesha lokuthula, bafundisa ukonga.

Umbutho weRed Cross waseMzantsi Afrika waqalwa ngowe-1921.

I-United Nations Children's Fund (UNICEF), inceda ize ixhase abantwana kunye neentsapho ezichaphazelwe ziintlekele eMzantsi Afrika kunye nehlabathi jikelele.

Banikisa ngezixhobo zikaxakeka ezifana namanzi acocekileyo, ukutya, indawo yokuhlala, nezixhobo zokucoca kwiintsapho ezichaphazelwe ziintlekele. Ngexesha lezikhukhula, I-UNICEF inikisa ngepilisi zokucoca amanzi, izinto zokugcina amanzi kunye nezinto zokucoca amanzi ukunqanda ukwanda kwezifo eziza ngamanzi. Owona msebenzi wabo kukukhusela abantwana, amalungelo abantwana kwaye babone ukuba baxhasiwe.

I-Gift of the Givers ngumbutho woncedo waseMzantsi Afrika osebenza ukunceda abantu abasengxakini ehlabathini jikelele. Wawuqalwe ngowe-1992 nguGq. Imtiaz Sooliman, ongugqirha.

I-Gift of the Givers isebenza naphi na apho badingeka khona. Amanye amavolontiya anceda ngokuhlangula, abanye banikeza ngokutya baze abanye basebenze ukwakha iindawo ezonakaleyo.

I-Doctors without Borders (ekwaziwa njengeMédecins Sans Frontières) bathumela oogqirha, abongikazi kunye nabanye abongi kwihlabathi jikelele ukonga abantu abalimeleyo. Bonke aba bongi ngamavolontiya, abahlawulwa ukwenza lo msebenzi bawenzayo. Bamisa iikliniki zexeshana ukunceda abantu abangakwaziyo ukuya esibhedlele. Benza namagumbi oqhaqho kwezi kliniki ukwenzela abantu bancedwe ngokukhawuleza.

Basebenza nemibutho yasekuhlaleni ehlangulayo ukunceda abantu.



Gift of the Givers
FOUNDATION



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Amanqaku ephephandaba

15 imiz



Yiza nephephandaba eklasini

- Bonisa abafundi amabali ahlukileyo kunye nemifanekiso.
- Khetha inqaku elinika umdla, lisike.
- Funda ngokuvakalayo. Ukuba lingesiNgesi, zama ukuliguqulela.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba uve iindaba noba zeziphi.
- **Ngababini:** Xeleta iqabane lakho.
- **Yabelanani:** Abafundi mababelane nekasi.
- Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto emabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.)

Zama ukuza nenqaku lephephandaba (elisikiweyo).



IZANDI

Hlaziya isandi u-tsh

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 72

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 71

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT

IPH 63

15 imiz



Phambi kokufunda

- Xa kunentlekele, abantu badinga uncedo. Ucinga ngoobani abancedayo? Ingaba lusapho lethu, abamelwane, icawa, amapolisa, amajoni okanye ngamanye amaxesha umbutho wabancedi.
- Namhlanje sizakuva ngemibutho eyahlukileyo enika uncedo ehlabathini jikelele.

- Nika injongo yokumamela: Masimameleni ukuze sifunde ukuba le mibutho yahlukileyo inceda njani.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda

- Kutheni sidinga imibutho ukuhlangula abantu xa kunentlekele?

ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz



- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengolwimi lokuqala elongezelelweyo.



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

IPH 73

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Umtshana wam uza kutshata.

UTshezi wophule umthayelo.

Sathi tshu umthakazi esithi tshwa endlwini.

Utshala wanika umfundi ophume phambili umtshwezo omtsha.

Uzithise umnwe ngematshisi.

Keakutheni ukuse umfundi afumane umtshwezo?

IVEKI YESI-4 • MVULO • 73



ULWAZI OLUSISISEKO

Imibutho encedayo

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngemibutho yoncedo obuve ngayo izolo.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngento oyikhumbulayo ngombutho woncedo ngamnye.
- **Yabelanani:** Yabelana neklasi.

Gqibezela umsebenzi

- Bhala izinto ezintathu eziyinyani ngombutho ngamnye woncedo.

IPH 74

30 imiz

UMHLA

Imibutho encedayo

Xa lwehle intlekele zenalaba nezamisa ngabantu abantu baye badinga uncedo. Abantu basekhaleni, isizwe esemali (imigwen) badinga isigqibo zindle uncedo. Uncedo okukwinqanaba ellandelayo lungaba nembutho yophuhliso. Abantu behamba umthetho wonke benceda abantu abalahlilekele ngomakhaya abo okanye obalinyane pintonkele.

Bhala Izinto zibantathu eziyinyani ngale mibutho yoncedo.

Red Cross and Red Crescent	UNICEF
Gift of the Givers	Doctors without Borders (Médicins Sans Frontières MSF)

74 • IVEKI YESI-4 • LWESIBINI



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Imbonakalo (Indlela ebonakala ngayo) (iyaqhubekeka)

Lungiselela

- Thetha ngomzobo owenze kwiveki ephelileyo.
- Hlaziya la magama: umphezulu, indawo enyamalalayo, ukugqithelana, ubukhulu.

Umsebenzi

- Qalisa ukufaka ipeyinti kumfanekiso wakho.
- Peyinta isibhakabhaka esingentla kumphezulu. Akunamsebenzi ukuba upeyinta phezu kwemigca yepensile.

- Peyinta izakhiwo okanye imithi esendleleni. Qala ngezikufuphi kumphezulu. Ezi zisenzantsi ephapheni zingadlula kwezo sele uziipeyintile.
- Peyinta imigca esendleleni.

Gcina umsebenzi ukhuselekile uza kuwugqibezela ngomso

30 imiz



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Amanqaku ephephandaba

15 imiz

Fumanisa ukuba ngubani othenge inqaku lephephandaba. Oku kuza kuxhomekeka kwimpendulo, yenza oku kube ngumsebenzi weklasi yonke okanye umsebenzi wababini.

- **Umsebenzi wababini:** Xelela iqabane lakho ngenqaku lephephandaba oze nalo.
okanye
- **Umsebenzi weklasi:** Ngubani ongathanda ukuxelela iklasi ngenqaku lakhe?
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaseleyo.



IZANDI

Fakela isandi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 75

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 71

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama notyibiliko

Isigama

- Ngokufutshane hlaziya isigama seveki ephelileyo.
- Sebenzisa oonotsheluzi ukwazisa amagama amatsha kumaphepha 48 no 49 wesicatshulwa.

Utyibiliko

- Abafundi ngababini mabafunde ngokuvakalayo kwiphepha lam-48 nelama-50.

IPH

48 & 50

15 imiz



UKUBHALA

Isigama

Ukukhangela amagama

- Fundela iklasi kwakhona ibali kwiphepha lama-48 nelama-50.
- Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY njengoko ufunda. Bakrwela umgca okanye babiyela igama elitsha ngalinye. Amanye amagama avela kaninzi.

Bhala

- Abafundi mabakhuphele amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

IPH

48 & 50

15 imiz

ukuqhushumba
intaba
intlekele
uthuthu
inyibilika-ntabomlilo
enkulu kakhulu



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Isaqhwithi: Isahluko soku-1*

IPH 76
30 imiz

UMHLA

Isaqhwithi: Isahluko soku-1

Kwintlelato saseKwini obuhlebo obuthathu babahlala kancinane ezindandatheni. Amagama abo inguGugu, uMnyama noPiso. Babefunda ekhaya nge-mathematics.

Babedla ngokufunda kunge eyadini igulu Gugu. Umama ka Gugu wayabazisa ekhaya ngokungqunyana yale. Wayafunda ukuthi nabo bafunda emva kwabo, kunge nabo bayabazisa babesazi ukuba babusalele abantwana.

Ngayo, Inca waseKwini obuhlebo obuthathu abantwana babeka ibhokisi eyadini.

"Hasebenzisi ezi zinto ukwenza indlu yakufika," wathi uGugu. Abantwana babekwazi isitayela ukucamathela ibhokisi kunge. UGugu wenza uphahla nomculo wase ngamagama amancinci. UGugu wafumana iKhopheni endle mntwana.

Ngaphakathi endle, babo nabo obuhlebo obuthathu. Umama kaGugu wabonisa amagashu, ibhokisi neqisi.

Jonga kwikhaki setali. UGugu wenza etendelela ezi kwintlelato.

76 - IVEKI YESI-4 - LWESIBINI



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukupha abantu abadingayo

Funda nize nixoxe

- Hlaziya abakwaziyo abafundi ngemibutho yoncedo.
- Fundela ikhosi uze ufunde nabo ulwazi nge-*Gift of the Givers*. Qwalasela imifanekiso.

Zoba

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY – bhala umhlathi omfutshane ngamazwi wakho.

IPH 77
30 imiz

UMHLA

Ukupha abantu abadingayo

1-Gift of the Givers ngumbutho wancedo waseMzantsi Afrika osenza ukunceda abantu abasengakani kwiindobothi-jikelele.

Le mbutha waseKwini ngowe-1912 nguGugu. Imvetha Isidom. UGugu ngayo, kunge waseKwini le mbutha amava kokufumana ingabisa kumbuso waseKwini nguGugu. Inqanaba ingowazi yemoli, ze ifumane nabandakisi ukunceda abantu abasengakani.

Engo yemoli abasengakani kufundulula kwintlelato kumbuso jikelele. UGugu nje kwabo ngentlelele, bakulungele ukunceda ngokuthi abasengakani, ngentlelele, nazo zokulala, ukuthi amayaza kunge neendabeni ngamagashu ukuthi umbono.

Babiz nabandakisi, ngokuthi kunge nabandakisi, namagela okuphanda nabandakisi. Babandakisi onke amaxabiso okubandakisi kwezindaba zibandakisi. Banceda abantu kumazwi agqibisa ama-45.

Bhala umhlathi omfutshane ngamazwi akho ngomsebenzi we-Gift of the Givers.

77 - IVEKI YESI-4 - LWESIBINI



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Imbonakalo (Indlela ebonakala ngayo) (iyaqhubekeka)

Umsebenzi (peyinta)

- Fakela iinkcukacha – amafu, iintaka, iinqwelomoya, njl. njl. esibhakabhakeni.
- Imoto, abantu, njl. njl. endleleni.
- Ingca, imithi, amabala nakweyiphi na indawo emacaleni ezakhiwo/emithi.

Bonisa uze uxoxe

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemithambo okwiphapha lama-24 nelama-25

25 imiz





UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuncedana

15 imiz

Cinga, Ngababin, Yabelanani

- **Cinga:** cinga ngendlela abafundi abanganceda ngayo kwintlekele.
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngezimvo zakho.
- **Yabelanani:** ngezimvo zakho neklasi. (umz. abafundi banganceda ukujonga abantwana abancinci, bakhangele izixhobo eziluncedo, bafune uncedo, bancedise ukuqoqosha, ukwakha ikhusi njl. njl.)
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Hlaziya isandi u-tshw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 78

10 imiz

UMHLA



tshw

umtshwezo









umtshwezi umtshwezo umtshayelo

u-ya-m-tshwe-ze-la u-m-tshwe-ze-zo u-m-tshu-tshi-si







Nathengele abatshana bam imitshwezo emitsha.

78 • IVEKI YESI-4 • IMESTHATHU




UKUBHALA NGESANDLA

IPH 71

10 imiz

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhalan gesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Kwenzeka ntoni ePompeii?

Funda

- Hlaziya isigama sale veki ngokubambela oonotsheluzi phezulu.
- Phinda ufunde nabafundi iphepha lama-48 (iphepha lesi-3 lesicatshulwa).

Imibuzo

- Jonga umsebenzi wokufunda ngengqiqo ongqamanisiweyo kwiphepha lama-49.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokoliswa yiyo.

IPH

48 & 49

15 imiz



Disamping ngulit

Kewesako ntoni ePumpai?

Enna kweaki, intang gupika ukubulwa. Kwakuthilela. Kodwa kama shela ngi dathaga. (Pumpai ying'nying' buhuho nyabikha-madomila).

Enna kweaki shela gupika ing'nying' amakomila yaga gipika yag'itig elingwaw. Shingika angamawaka oki ledidiphi ushe Pumpai gupiganyanga phantwi kwile ihu ihuku lingwaw. Enna kweawawwa, abantu babulwa ndukwa kwidukha kwidho ididiphi kwile nyamba.

Enna kwemwika eminiini, abashali-mbat bufuma uphila buandu kwile ngwaw. Bamba baba bufuma ididiphi ngwaw ididiphi gupiganyanga. Banguh'indika kwile nyamba, indlu yemidoko gupigawo ngwaw nyemahwa. Kwaga ngwaganyahwa ididiphi bufuma imila ezifano nyamba nyemawemawo azidiphi ngwaw.

Yake inta ying'nying' ndaba gupigawo ngwaw mawaw nyamba-mila, shewahakile ngwaw kulekulu yagwemawo ngwile.



48 | IVEKI YES-3



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Kwenzeka ntoni ePompeii?

Bhala

- Gqibezela umsebenzi wokubhala okwiNYY, iphepha lama-49.

Jonga uze ukorekisha

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekiske okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 49

15 imiz

Ukufunda ngengaqiso

Funda isicatshulwa, Kwenzeka ntoni ePompeii?
(Iqapha lama-48).

1. Zoba umyale ooku kwisigama ngelinye uye kwintsingiselo yalo.

I-Pompeii	Elinye elingwene
Umbhalo-imbali	Igama ledolophu
Inyibika-ntabomali ephahlile	Umntu ofunda ngembali
Ukububula	Ua intaba iqhushumbe



2. Kwelwile lukalukali eziphawekathelo iqapha ngcono:

- I-Pompeii yedolophu ngaphantsi komaleko wefufa kodwa yaphinda yafunyanwa.
- I-Pompeii ibonisa indlela ababephila ngayo abantu mandulo.
- Ua inyibika-ntabomali iphalisa iika be litinye elingwene.

3. Bhalisa imbizo emithathu ngeli qapha:

Nini _____

Ntoni _____

Ubani _____



Imibhalo

Imibhalo

IYEKI YEESI-3 44



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Isaqhwithi: Isahluko sesi-2*

IPH 79
30 imiz

UMHLA

Yazi ngokubanzi ngabahlangu!

Funda amagqabantsshintshi eendaba.

Umntu oneminyaka engama-80 uhlangulwe emva kweentsuki ezisi-8

Isiqhwithi: Isahluko sesi-2

Isiqhwithi isahluko sesi-2. Umfazi uqinisekisa ukuba umntu oneminyaka engama-80 uhlangulwe emva kweentsuki ezisi-8. Umfazi uqinisekisa ukuba umntu oneminyaka engama-80 uhlangulwe emva kweentsuki ezisi-8.

Sebenza ngelula ukwazi ngokubanzi ngokuhlangula.

- Bongiwe intlekele?
- Yenzeke phi?
- Yenzeke nini?
- Bongiwe umhlangu?
- Bongiwe umhlangu?

80 - IVEKI YESI-4 - LWESITHATHU



ULWAZI OLUSISISEKO

Yazi ngokubanzi ngabahlangu!

Funda nize nixoxe

- Fundela abafundi uze ufunde nabo amagqabantsshintshi eendaba.
- Cacisa ukuba abafundi bazakwenza uphando ngomntu owahlangukwa kwintlekele.
- Cacisa inkqubo yokwenza uphando.

Umsebenzi weqela

- Abafundi mabenze uphando. ngamaqela.
- Oku kungadinga ukwenziwa njengomsebenzi wasekhaya.

IPH 80
30 imiz

UMHLA

Bhala amagama ngendlela echanekileyo.

1	umyelotsha	umtshayelo
2	umkazitsha	
3	umzotshwe	
4	umsitshitshu	
5	itshaya	
6	imasisi	
7	tshwa wathi	
8	umnitshi	

IVEKI YESI-4 - LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Lungiselela

- Bonisa abafundi umfanekiso wamakhoba okanye abahlangukwa kwintlekele yendalo – kukho imifanekiso emininzi kwiNYY okanye ungababonisa umfanekiso owahlukileyo, umzekelo, <https://koreajoongangdaily.joins.com/2023/02/09/national/diplomacy/Korea-Turkey-Korea-Disaster-Relief-Team/20230209143926688.html>
- Babuze ukuba bacinga abantu abasemfanekisweni baziva njani.

Ukuphendula uvuselelo

Yenza

- Biza iimeko ezahlukileyo, umz. ukugrumba ematweni ezakhiwo ezidilikileyo kukhangelwa abasindileyo, ukuzama ukudada emanzini esikhukula, ukuhamba emoyeni omkhulu, ukubaleka umlilo, njl. njl.
- Abafundi mabalinganise izenzo njengoko uzibiza.

Amaqela

- Ngamaqela ezibini okanye ezithathu, cinga ngemeko encinci yentlekele abangayilinganisa.
- Mabaziqhelanise nokulinganisa.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingxoxo

- Xoxani ngokuncedana: Awudingi ukwehlelwa yintlekele ukuze uncede omnye umntu. Mhlawumbi abanye benu banceda abazali babo (ngemisebenzi yasekhaya), umhlobo wakho wasesikolweni (ukwabelana ngokutya kwasemini, ukubolekisana ngezixhobo zokusebenza eklasini)

Ukuncedana

15 imiz

- Cinga:** ngexesha owawunceda umntu ngalo. Waziva njani?
- Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- Yabelana** neklasi ngamava wakho.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaseleyo.



IZANDI

Lungisa amagama

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.


IPH 81

10 imiz



IPH 71

10 imiz



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Phakathi eMhlabeni

Uhlanganiso nesiNgesi

- Sebenzisa oonotsheluzi ukuhlaziya amagama owafunde kumxholo.
- Guqula ikhadi uze wazise amagama wesiNgesi.

Funda


- Phinda ufunde nabafundi iphepha lama-50 (iphepha lesi-4 lesicatshulwa).

Imibuzo

- Jonga umsebenzi wokufunda ngengqiqo ongqamanisiweyo kwiphepha lama-51.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokoliswa yiyo.

IPH 51

15 imiz



UKUBHALA NOTITSHALA

Chaza

- Abafundi mabazilungiselele kule veki ukubhala inqaku leendaba zabo. Ngomso bazakuthatha isigqibo ngesihloko, baze babhale imephu yengqondo. Bakhumbuze ukuba imephu yengqondo ishwankathela izinto eziyinyani, kwaye bangenza isakhelo sokubhala.

Ukubhala notitshala


- Abafundi mabacebise ngezimvo zesihloko seendaba umz. isiganeko esikolweni okanye ekuhlaleni (*utitshala*)

Imephu yengqondo

15 imiz

omtsa esikolweni, ingozi, isiganeko semidlalo, umlilo njl. njl.)

- Bhala izimvo ebhodini. Makuvotelwe isihloko.
- Bhala iingcebiso zabafundi kunye kwisakhelo esibhalwe intoni, nini, phi.
- Ngqubanisa intloko ngesihloko esinomtsalane.
- Votela elona lingcono uze ulibhale.
- Buza abafundi ngeenkukacha ezinomdla onokuzifakela. Khetha echanekileyo ozakubhala ngayo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Isaqhwithi: Isahluko sesi-3*

IPH 82
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-59)

- Nceda abafundi bafakele kumqolo wesibini.

Xoxani

- Xoxani ngeempawu ezidingekayo ukusebenza kumbutho wokuhlangula. (*uvelwano, ukuba nesibindi, isakhono sokumelana nemeko embi, ukubanamandla emzimbeni njl. njl.*)

Ngababini

- Abafundi mabaxelele iqabane labo ukuba bacinga bangathanda ukusebenzela umbutho wokuhlangula kwaye bachaze ukuba kutheni besitsho.



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukuphendula uvuselelo (luyaqhubeka)

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Gxila ekoluleni nokugoba umqolo.

Linganisa

- Iqela ngalinye lenza ulinganiso olulandelelanayo benikana amathuba.

Vavanya

- Khuthaza ukuphawula okulungileyo emva kokulinganisa.
- Phawula ngemboniso yobuso, isijekulo nentshukumo.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngendlela onganceda ngayo umntu kwiveki ezayo.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana** ngezimvo zakho neklasi.

15 imiz



IZANDI

Ubizelo

10 imiz

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.
- Abafundi mabagqibezele umsebenzi kwiincwadi zabo zokubhala.

Amagama: **emtshatweni, umtshakazi, umtshotsho, umtshwenti, umtshwezo**Isivakalisi: Ndithengele ab**atsh**ana bam imi**itshw**ezo emi**itsha**.


UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 71

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa


15 imiz

Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo kumaphepha ama-73, 76, 79, 82 nelama-83. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Isicatshulwa ngasinye sichaza umfuniselo olula. ngowuphi umfuniselo oza kukwenza ekhaya? Ngoba?

Ukukorekisha

- Funda iimpendulo zabafundi uze uhlomle.




UKUBHALA WEDWA

Imephu yengqondo

15 imiz

- **Chaza:** Cinga ngesihloko ongathanda ukubhala ngaso kwinqaku lephephandaba.
- **Gqibezela imephu yengqondo** yengaku lakho, sebenzisa ifomathi esebhodini. (Abafundi bazakusebenzisa le mephu yengqondo kumsebenzi woKuBhala Wedwa ngoLwesihlanu kwiveki ezayo).
- **Khangela:** Unika umdla, isihloko esifutshane, kufakwe ulwazi oluyinyani, inkcukacha ezinika umdla.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Isaqhwithi: Isahluko sesi-4*

IPH 83
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha kwincwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2, Iphepha lomsebenzi lama-54, Umlilo, iphepha lama-44 nelama-45.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yoku-1 yesi-2 iphepha lama-98.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:


- **Ndizithathile iiNYY neencwadi zokubhala.**
- **Ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi** ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu kuzo.
- **Ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki** ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **Ndiyijongisile incwadi yam** ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo:

- **Lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **Lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-5



Intlekele

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngemozulu embi kunye neentlekele zendalo.
- Kwazi lukhulu ngezaqhwathi kunye nendlela ezithiywa ngazo.
- Kufunda imibongo engemozulu.
- Kumamela ibali ngokucela uncedo.
- Kulinganisa umdlalo wokucela uncedo.
- Kubhala inqaku lephephandaba.
- Kugqibezela uvavanyo lwezicatshulwa ezimbini.
- Kujonga ushicilelo lwebhloko lweplanga olubonisa amaza amakhulu.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzo (IsiNgesi emva kunotsheluzo)

Isigama soLwimi	isikroba	amadangatye	iziqhushumbisi	itonela	ukugalela
	<i>vent</i>	<i>flames</i>	<i>fireworks</i>	<i>tunnel</i>	<i>pours</i>
Isigama seZakhono zoBomi	intlekele	intlekele yendalo	intlekele ebangelwa ngabantu		
	<i>disaster</i>	<i>natural disaster</i>	<i>human disaster</i>		

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Iincwadi zokubhala zabafundi
- Izixhobo zobuGcisa: ipeyinti okanye iikoki/iikhrayoni
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekiske: Ukubhala ngesandla

Olungekho sesikweni: Ubizelo, Ukufunda ngengqiqo, imisebenzi yoLwazi olusiSiseko

Olusesikweni: Ukubhala inqaku lephephandaba (Lwesihlanu)



Izandla ezincedayo

UGugu, uMariya noPitso yayingabahlobo ababehlala kwisitalato saseKwela. Kwakukho isaqhwithi esikhulu, kwaye nendlu yabo yokudlala yayidilikile. Bafumana ikati encinci emanzi ngaphantsi kwekhabibhodi. Bahlangula ikati bayifaka endlwini. Babona imifanekiso yendawo zabantu zonakele kumabonakude.

“Intshizana zabantwana,” watsho uMariya. “Inokuba balahlekelwe zizo zonke iimpahla zabo nezinto zabo kwisakhwithi.”


Ngemini elandelayo esikolweni, utitshala wathetha nabantwana. “Kwisakhwithi ebesisibi kule veki, abantwana abaninzi balahlekelwe yiyo yonke into ebebenayo. Bayagodola kwaye balambile. Ukuba unayo into onokuphisa ngayo kokwenu, ndizakuyisa ecaweni ngoLwesihlanu. Baqokelela iminikelo. Ndinengubo endala ndizakuphisa ngayo kodwa nokuba yintoni, nokuba incinci kangakanani, izakwamkelwa kuba abantwana balahlekelwe yinto yonke.” Kufika ekhaya uGugu wathetha nonina. Bacinga ngento abanokunikela ngayo. “ndicinga abantwana bazokube belambile,” watsho uGugu. Ngoko ke, umamakhe wamnika itoti yeemboty kunye neebhiskithi ukuba azise esikolweni ngoLwesihlanu.

UPitso wacingisisa ngento anokuphisa ngayo. Waze wakhumbula ooshoti abadala abancinci kuye. Wabuza kunina ukuba angabathatha aye nabo esikolweni aphase ngabo, waze wavuma unina.

UMariya wayenobhaka wesikolo omtsha owawufumana ngosuku lwakhe lokuzalwa. “Kutheni ungakhangele ubhaka wakho wesikolo omdala,” wacebisa uyise. UMariya wawufumana ekhabibhathini. Wafaka enye yepensile azithandayo ngaphakathi kubhaka, waze waya nawo esikolweni ngemini elandelayo.

Abantwana baza neminikelo yabo kutitshala. Wayonwabile. “Enkosi ngokuza nezi zinto. Nonke ninobubele ngokucinga ngabanye,” watsho. Wafaka yonke into kwikhabibhodi. Waze walibhala ngaphandle, “Le bhokisi isuka ngothando kubantwana bonke beBanga lesi-3 kwisikolo samabanga aphantsi saseNonkqubela.”

Abantwana bamncedisa ukufaka le bhokisi emotweni emva kwemini. Bazingca kakhulu ukuba bencede abanye abantwana.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba unazo iindaba zosapho okanye iindaba nje?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho ngeendaba zakho. Buza imibuzo ukuba kukho into ofuna ukucaciselwa yona.
- **Yabelanani:** Abafundi abambalwa mababelane neklasi ngeendaba zabo.
- Bhala oko ukuqwalaselayo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto emabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.)



IZANDI

Hlaziya isandi u-ndi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 85

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 84

10 imiz



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 75

15 imiz

Phambi kokufunda

- Kwiveki ephelileyo sifunde ngemibutho yokuhlangula. Kodwa wonke umntu anganceda ngexesha likaxakeka.

Fundela abafundi isicatshulwa

- Masimameleni ukuze sibone indlela abahlobo abathathu kwisahluko sebali abancede ngayo kwisagqwithi esibi.
- Fundela abafundi isicatshulwa.

Emva kokufunda


- Ungamnika ntoni umntwana ochaphazelwe yintlekele? Kutheni ukhethe lo nto?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

IPH 86
30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Indlovu ineendlebe ezibhakubhaka.

Abantwana badlala nomvundla.

Umakhi wazakhela indwana ecaleni kwendlala.

Indulumthi sisilwanyana sosendle.

Wavuka wendlula umandlalo wakhe.

Wayakha phi indlu yakhe umakhi?

86 • IVEKI YESI-5 • MVULO



ULWAZI OLUSISISEKO

Imozulu imbi kakhulu!

Funda nize nixoxe

- Fundela abafundi uze ufunde nabo isicatshulwa esingesayiklowuni zetropiki (*tropical cyclones*).
- Xoxani ngabakubonayo emifanekisweni.

Yenza

- Abafundi mabagcwalise izikhewu kwimephu ekwiNYY, iphepha lama-87.

IPH 87
30 imiz

UMHLA

Imozulu imbi kakhulu!

Izongwathi zetropiki ziza nemoya emakhulu kunye neemvula ezinkulu. Le mimoya incazulula imithi ngenqamamba zaza i-izongwathelise namapheliso ezalwano. Imvula idla ngokubangela izikhukhula. Ezi zongwathi zinomagama ohlukileyo kwindawo ezahlukelelo eRhodani.

Izongwathi ezigqo kulawundekazi lwakuseni zize zifike ePhila zibizwa ngokuba zinkqungqamba.

Izongwathi ezigqo kulawundekazi lwaseIndiya naMazantsi Pasi fika ukuya kutsho eOstraliya, eIndiya naseMzantsi zibizwa ngokuba zizongwathelisi (*cyclones*).

Izongwathi ezigqo kulawundekazi lwaseMzantsi Pasi fika zize zifike eKuba zibizwa ngokuba zizongwathelisi (*typhoons*).

Izongwathi ezigqo kulawundekazi lwaseMzantsi Pasi fika zize zifike eKuba zibizwa ngokuba zizongwathelisi (*typhoons*).

Izongwathi ezigqo kulawundekazi lwaseMzantsi Pasi fika zize zifike eKuba zibizwa ngokuba zizongwathelisi (*typhoons*).

87 • IVEKI YESI-5 • MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Amaza amakhulu

Xoxani ngomzobo

- Xoxani ngokubonwa ngabafundi kumzobo.
- Xelela abafundi ukuba olu lushicilelo lwebhloko yeplanga olusuka eJapan. Abazobi abathathu benza lo mzobo – umntu opeyintayo wenza umzobo woqobo, umchweli womthi owayikhuphela kwibhloko yeplanga, waze umzobi ofaka umbala wapeyinta ibhloko yeplanga wenza ushicilelo.
- Lo mfanekiso ngomnye wemifanekiso equka intaba iFuji kwindawo engasemva yomfanekiso. Kulo mfanekiso, intaba-mlilo ikwisakhelo samaza etsunami.

Umsebenzi

- Abafundi mabaphendule imibuzo ekwiNYY, iphepha lama-88.

IPH 88
30 imiz

UMHLA

Amaza amakhulu

Amaza amakhulu (The Great Wave) ngomnye wemifanekiso eJapan

1. Yeyiphi indawo ogqo ukuya emfanekisweni? Ngaba?

2. Ubona ntoni kwindawo engasemva kumfanekiso?

3. Ubona ntoni ezantsi kwamazwe? Ucinga kuzi kwenzeka ntoni kwizihenge?

4. Uvavisa njani xa ukuya emfanekisweni?

88 • IVEKI YESI-5 • MVULO



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukucela uncedo

15 imiz

Chaza

- Yenza ngokungathi ucelela abantwana abadingayo iminikelo.

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- Cinga:** Ungathini kumthandazo wakusasa wesikolo?
- Ngababini:** Xelela iqabane lakho into onokuyithetha.
- Yabelanani:** Khetha abafundi abambalwa benze umnikelo wabo eklasini.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaseleyo.



IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 84

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama notyibiliko

Isigama


- Ngokufutshane hlaziya isigama seveki ephelileyo.
- Sebenzisa oonotsheluzi ukwazisa amagama amatsha kwiphepha lama-52 nelama-54 wesicatshulwa.

Utyibiliko

- Abafundi ngababini mabafunde ngokuvakalayo kwiphepha lama-52 nelama-54.

IPH 52 & 54

15 imiz



UKUBHALA

Isigama

Ukukhangela amagama

- Fundela ikhosi kwakhona ibali kwiphepha lama-52 nelama-54.
- Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY njengoko ufunda. Bakrwela umgca okanye babiyele igama elitsha ngalinye. Amanye amagama avela kaninzi.

Bhala

- Abafundi mabakhuphele amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

IPH 52 & 54

15 imiz

ukuqhushumba
intaba
intlekele
uthuthu
ingqibilika-ntabomlilo
enkulu kakhulu



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo*

IPH 90
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuthiya izaqhwithi zetropiki

Fundani nize nixoxe

- Phonononga okwaziwayo ngabafundi ngezaqhwithi zetropiki. Bakhumbuze ukuba ziqalaphi izaqhwithi - iinkanyamba ziqala eAtlantiki, iisayiklowuni ziqala kulwandlekazi lwaseIndian okanye olwasePasifiki, zize ithayifuni (typhoons) ziqale eMantla ePasifiki.
- Fundani nize nixoxe ngetheyibhile ekwiNYY, iphepha lama-91.

Gqibezela umsebenzi okwiNYY iphepha lama-91

- Gqibezela itheyibhile.
- Bhala umhlathi.

IPH 91
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Peyinta intlekele

Lungiselela

- Bonisa abafundi iintlobo zeentleke zendalo. Sebenzisa imifanekiso ekwiNYY okanye ukhangele eminye.

Umsebenzi

- Abafundi mabasebenzise isixhobo esikhethwe ngabo (ipeyinti, ikoki, ikhrayoni), baze bazobe umzobo obonisa intlekele yendalo.
- Bakhumbuze ngabakufundileyo ngokufaka izinto emfanekisweni, ngemiphezulu kwaye nendlela ababona ngayo malunga nendlela yokusebenzisa umbala ukwenza indawo yokugxila.

Bonisa nize nixoxe

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphulaphula nokuthetha

15 imiz

Xoxani ngokucela uncedo

- Ngamanye amaxesha udinga uncedo olusuka kumntu omdala. Kumele ulucele nini uncedo? (*xa ulambile, xa ulimele, xa uxhatshazwa, xa ugodola, njl. njl*)
- Ngubani onokumcela? (*abazali, isihlobo, umhlobo, ummelwane, utitshala, umfundisi, njl. njl.*)

Cinga, Ngababin, Yabelanani

- **Cinga:** Yenza ngathi udinga uncedo.
- **Ngababini:** Linganisa umdlalo wokucela uncedo: iqabane elinye ngumzali lize elinye libengumntwana. Ngomso baza kutshintshiselana ngendima.
- **Yabelanani:** Yeka izibini ezimbalwa zilinganise umdlalo eklasini.
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Hlaziya isandi u-ndlw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 92

10 imiz

UMHLA

ndlw

indlwane

endlwini umbundlwana indlwana

wa-pha-ndlwa i-ndlwa-ne u-m-bu-ndlwa-na

U'Nolwandle uphanda u-ndlwane ephethezela phandle.

92 - IVEKI YESI-5 • LWESITHATHU



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 84

10 imiz

LWESITHATHU

Ndanceda utata.

Ndanceda utata.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukufunda ngengqiqo: Indlela eyenzeka ngayo intaba-mlilo

Funda

- Hlaziya isigama sale veki ngokubambela oonotsheluzi phezulu.
- Phinda ufunde nabafundi iphepha lama-52.

Imibuzo

- Jonga umsebenzi wokufunda ngengqiqo oongqamanisiweyo kwiphepha lama-53.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokoliswa yiyo.

IPH 52 & 53

15 imiz

Indlela eyenzeka ngayo intaba-mlilo

Ngamanye amaxesha imagma igqokeka phumela kumphazulu wePhila. Oku okomkhi-mkhi kwenzeka xa kulula ukuba kugqokeka. I-inkaba yintaba esuka kumbindi ye kugqokeka iPhila. Imagma ngokhumbi ngase khumbi. Xa kuhamba kakhulu embindini ihamba ngokukhulu. Ze imagma igqokeka kumphazulu wentaba. Uku ngokuba embindini ngokukhumbi, uze ubone nomdanganyo, umthi, umzi omnye, uPhila nomnye oshushu emagweni. Hona nomdanganyo omnye emagweni. Umphezulu wentaba uqhekekeka. Ze imagma phuma bakokuba yelile wentaba. Imagma ibiza ngokuba intaba-mlilo xa kumphazulu wePhila. Ngokuba intaba-mlilo ibiza ngokuba intaba-mlilo yintaba-mlilo esushu abantu.

52 - IVEKI YESI-5



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Indlela eyenzeka ngayo intaba-mlilo

Bhala

- Gqibezela umsebenzi wokubhala owiNYY, iphepha lama-53.

Jonga uze ukorekiske

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekiske okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 53

15 imiz

Ukufunda ngengqiqo

Funda isicathulwa, Indlela eyenzeka ngayo intaba-mlilo (iphepha lama-52)

1 Phawula ngaphawu lokokwika khohle ezanekileyo yegama ngalinye.

	Phakathi entabeni	Kumphazulu wentaba
Imagma		
Ingobila-ntabomlilo		
Umbindi		
Uqhekeke		

2 Dwelela izinto zibantathu onokubona xa intaba isubula.

1

2

3 Cacisa ukuba kwenzeke ntoni kumphazulu wentaba xa kune intaba-mlilo.

4 Ungenza ntoni xa ubona umzi-ugquma entabeni?


IVEKI YESI-5 • 53



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo*

IPH 93
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuzigcina ukhuselekile!

Fundani nize nixoxe

- Funda isicatshulwa kwaye ujonge imifanekiso ekwiNYY, iphepha lama-94.
- Xoxani ngezinto ezingaluncedo ngexesha likaxakeka.

Bhala

- Abafundi mabasebenze ngababini baze benze uluhlu lwezinto ezingabakhusela ngexesha lesaqhwithi.
- Mababelane ngoluhlu lwabo nesinye isibini.

IPH 94
30 imiz



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukusebenzisa umzimba ukwenza umculo

Lungiselela

- Chaza indlela esinokusebenzisa ngayo imizimba yethu ukwenza izandi – ukunkqakrazisa iminwe, ukuqhwaba, ukungqisha, ukumbambazela, njl. njl.

Yenza


- Linganisa ulandelelwaniso olulula lokusebenzisa umzimba ukwenza umculo oluzakuphindwa ngabafundi.

- Amadolo, nkqakrazisa iminwe, ngqisha iinyawo phantsi.
- Linganisa ulandelelwaniso oluntsokothileyo abazakuluphinda abafundi – betha iminwe etafileni, betha umphakathi wesandla ngomnwe, qhwaba idolo ngesandla esinye.
- Yenza olunye ulandelelwaniso kunye neklasi.

Amaqela

- Abafundi mabasebenze ngamaqele baze bafunisele ngokusebenzisa umzimba ukwenza izandi ezilinganisa imozulu – umz. umoya, indudumo, imvula, ukukhwitsha, njl. njl.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Linganisa umdlalo: Ukulinganiso ukucela uncedo (kuyaqhubeka)

- Qhubeka ngomsebenzi wokulinganisa umdlalo oqalwe ngoLwesithathu (jonga iphepha lama-80).

15 imiz



IZANDI

Bhala izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 95

10 imiz

IMHLA

Bhala izivakalisi ngomfanekiso ngamnye.

IVEKI YESI-5 • LWESINE • 95



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 84

10 imiz

LWESINE

Ndanceda umama.

Ndanceda umama.



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Iintaba-mlilo ezisebenzayo, ezileleyo nezingasekhoyo

Uhlanganiso nesiNgesi

- Sebenzisa oonotsheluzi ukuhlaziya isigama sale veki.
- Guqula oonotsheluzi uze ufunde igama lesiNgesi.

Funda

- Phinda ufunde nabafundi iphepha lama-54.

Imibuzo

- Jonga umsebenzi wokufunda ngengqiqo ongqamanisiweyo kwiphepha lama-55.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokoliswa yiyo.

IPH 54 & 55

15 imiz

IMHLA

Iintaba-mlilo ezisebenzayo, ezileleyo nezingasekhoyo

Imizulwazi yilezi intaba-mlilo ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo.

Iintaba-mlilo ezisebenzayo

Ka intaba-mlilo engakhangela ukuba kwezi intaba-mlilo ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo.

Iintaba-mlilo ezisebenzayo

Ka intaba-mlilo engakhangela ukuba kwezi intaba-mlilo ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo. Zikho izintaba-mlilo ezisebenzayo ezine-izandla ezisebenzayo.

54 - IVEKI YESI-5



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Iintaba-mlilo ezisebenzayo, ezileleyo nezingasekhoyo

Bhala

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise

- Jonga iimpindulo.
- Abafundi mabazikorekise okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 55

15 imiz

Ukufunda ngengqiqo

Funda isicatshulwa, Iintaba-mlilo ezisebenzayo, ezileleyo nezingasekhoyo (iphepha lama-54).

1. Thabeka iintaba-mlilo ezisebenzayo nezingasekhoyo. Zibuke ngani?

Iintaba-mlilo ezisebenzayo	Iintaba-mlilo ezingasekhoyo

2. Ingaba mangakamni amathuba okuba kubekho intaba-mlilo ePhantsi Afrika?

3. Bujela eyona ntsingiselo echanekeleyo ngokweziya.

- umngquma omile ngengqiqo
- intaba ephuzi kwintaba zonke
- umngquma ongokho nolu

4. Funda izivakalisi.

Ikhayitha engaphazulu kwintaba ngamnye amaxesha igxwala ngamnye izivakalisi.

Kwela umgca ngokhanti kweziya ekhaya kwesi sivakalisi.

IVEKI YESI-5 • 55



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo*

IPH 96
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha lama-59)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

intlekele

1. into abantu abangxamele ifike
2. iziganeko zequbuliso ezimbi
3. into emangalisayo

iintlekele zendalo

1. zenziwa zizinto zendalo ezinjengomoya okanye umlilo
2. zenziwa ngabantu
3. zenziwa ngoomatshini

iintlekele ezibangelwa ngabantu

1. zenziwa zizinto zendalo
2. zenziwa ngoomatshini
3. zenziwa ngabantu

Uhlanganiso nesiNgesi: disaster (intlekele), natural disaster (intlekele yendalo), human disaster (intlekele ebangelwa ngabantu)



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukusebenzisa umzimba ukwenza umculo (kuyaqhubeka)

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Hlikihla izandla neenyawo, shukumisa iminwe kunye neenzwane.
- Yolula amalungu obuso – biza isandi u-O uze uncume ubize isandi u-I.


Sebenzisa izandi ukubalisa ibali

- Ngamaqela, qambani ibali ngemvula yesaqhwithi ongasichaza usebenzisa umzimba ukwenza umculo – jonga: <https://www.youtube.com/watch?v=BRPIfNz-TiE>
 - umoya uqala ukuvutha – uvutha ngokungxola
 - amachaphaza emvula aqala ukuwa – nkqakrazisa iminwe emibini kuzo zombini izandla

- umoya uvuthuza kakhulu – yenza isandi u-wooo ube uqhubeka uqhwaba
- imvula inetha kakhulu – qhwaba izandla kakhulu kwaye ngokungxola
- kuyaduduma – xhuma okanye ungqishe uze uqhwabe nezandla
- imvula inetha kancinci – nkqakrazisa umnwe uze wenze isandi u-b ngemilebe
- uyathomalala umoya – vuthela kancinci
- Linganisa ibali eklasini.

Ukuzipholisa

- Lala phantsi wenze ngathi ubukele amafu esibhakabhakeni.
- Phefumla ngokuchothayo nanzulu ngokutsala umoya omde.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga, Ngababini, Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngento ozakuyenza kwiveki ezayo xa umntu ecela uncedo lwakho. Kwaye cinga ngento onokucela umntu omdala akuncede ngayo.
- **Ngababini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi.

15 imiz



IZANDI

Hlela amagama

10 imiz

- Khetha izandi ezimbini ofuna ukuzihlaziya nabafundi.
- Bhala amagama ali-10 ukuya kwangama-20 anezi zandi – Sebenzisa isandi esinye kwezi uzikhethileyo kwigama ngalinye.
- Kunye nabafundi, krwela umgca ngaphantsi kwezandi ekujoliswe kuzo.
- Zoba iikholam ezimbini ebhodini. Phinda ubhale amagama amabini okanye amathathu kwiikholam ezichanekileyo.
- Abafundi mabazobe iikholam ezimbini ezincwadini zabo baze bahlele amagama.




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwa ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 84

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

15 imiz

Fundu uze uphendule imibuzo

- Fundela iklasi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo kwiphepha lama-86, 90, 93, 96 nelama-98. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Ngowuphi owona mbongo uwuthande ngcono? Ngoba?

Ukukorekisha

- Tyikitya nje kuphela. Qaphela ukuba ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.



UKUBHALA UVAVANYO 1

Inqaku lephephandaba

Umsebenzi

- Usebenzisa isakhelo sokubhala ebhodini njengesikhokhelo, bhala inqaku lephephandaba ogxile kulo kwimephu yakho yengqondo.
- Emva koko, zoba umfanekiso ukubonisa inqaku lakho.

15 imiz

**Isihloko senqaku
lephephandaba (ibamba
ingqalelo yakho)**

**Umhlathi 1
(ushwankathela ulwazi)**

**Umhlathi 2 & 3
(iinkcukacha ezinomdla
okanye udliwano-
ndlebe)**

Umfanekiso

Ukukorekisha:

Jonga iph. le-144

Amanqaku: 10

- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo*



- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2, Iphepha lomsebenzi lama-57, linyikima, iphepha lama-50 nelama-51.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iphepha le-112.



- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.



Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-6



Izilwanyana eziluncedo

Lo mxholo **uthatha** iiveki ezintathu. Isicatshulwa sokufunda notitshala sinye kwiiveki ezintathu. Ecaleni kwephepha ngalinye lesicatshulwa esifundwa notitshala kunomsebenzi wokufunda ngengqiqo. Imisebenzi emithandathu yokufunda ngengqiqo izakugqitywa kwiiveki ezintathu, ezimbini kwiveki enye, njengokuba kuchaziwe kwisikhokelo. Kuza kubakho utshintsho oluncinci kwithamtheybhile ngenxa yoku.

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda baze baqonde ngomdlalo
- Kuqonda ukuba izilwanyana nabantu bayancedana
- Kwenza uphando ngezilwanyana eziluncedo
- Kufunda bodwa, ngezilwanyana ezinceda abantu ngeendlela ezingaqhelekanga
- Kwenza umdlalo wokufunda ngokwamaqela amancinci
- Kubhala ushwankathelo ngomdlalo
- Kugqibezela uvavanyo lwesicatshulwa, oluquka isigama nolwimi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi (IsiNgesi emva kunotsheluzi)

Isigama soLwimi	ebhityileyo	ububele	elwandle	ukucambalala	indlu yasefama
	<i>bony (or thin)</i>	<i>friendly</i>	<i>beach</i>	<i>lying (as in lying down)</i>	<i>farmhouse</i>
Isigama seZakhono zoBomi	ukutya	iimpahla	izithuthi		
	<i>food</i>	<i>clothing</i>	<i>transport</i>		

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Incwadi yokubhalela yoLwimi, iimpendulo zomsebenzi wokufunda wedwa nokubhala ngesandla
- Iipeni zokubhala ngesandla (ukusukela kule veki ukuya phambili, ngaphandle kokuba kunovavanyo)
- Izixhobo zobuGcisa: ipeyinti, iikhrayoni, iphepha
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Olungekho sesikweni: Ukubhala wedwa (ushwankathelo leballi lomdlalo); Ukufunda ngengqiqo; Ukubhala ngesandla; Iimpendulo zomsebenzi owenza wedwa

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni

Qaphela: Uvavanyo olusesikweni lwenziwa ukusukela kwiveki yesi-6 ukuya kweyesi-8 (Jonga iph. lesi-4 kwintshayelelo). Eminye imisebenzi iqala kwiveki yesi-6 kuba lena iyikota yokugqibela.

Mvulo–Lwesihlanu	Ukufunda 1: Ukufunda wedwa (iorali)	IORALI	NT amaph. 89, 91, 93, 95 & 97
Mvulo–Lwesibini	EzobuGcisa obuBonwayo: Zoba okanye upeyinte umfanekiso	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph. 89 & 91
Lwesithathu	Ulwazi olusiSiseko 1: Yazi ngezilwanyana eziluncedo	YYY iph. 121	NT iph. 94
Lwesine	Ukufunda 2: Ukufunda ngengqiqo	YYY amaph. 102 & 103	NT iph. 93
Lwesihlanu	EzemiThambo: Dlala umdlalo	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT iph. 97

* Iqela elinye ngeveki apho kuhlwa umfundi ngamnye kwiorali yokufunda ngokuvakalayo.

Isigebenga saseLusikisiki

Eli bali liyintshayelelo yesicatshulwa sokufunda notitshala esikwiNYY, iphepha le-100.

Kudala kwakukho umfama okhohlakeleyo kunye nomfazi wakhe owayekhohlakele ukogqitha umyeni wakhe. Babehlala kwifama eseMpuma Koloni. Babengenalo uthando nenkathalo ngezilwanyana zabo zase fama. Ixesha elininzi babelichitha ngokunxila.

Babenenja enobubele, inkomo, ibhokhwe kunye nezikhukukazi. Kodwa umfama nomfazi wakhe babediniwe kukuhoya izilwanyana. Wathi umfama kumfazi wakhe, “Kufuneka sizihambisile ezi zilwanyana zigugile aziloncedo. Singazitya okanye sizise emarikeneni ngomso size sizithengise sifumane imali ngazo”.

Inja nenkomo zazi neendlebe ezibukhali kwaye zayiva le nto ithethwa ngumfama. Zange ziphinde zonwabe ezi zilwanyana. Zaqokelela zonke izilwanyana zaze zazixelela oko kuthethwe ngumfama. Yathi inkomo. “ndicinga ukuba masibalekeni sonke size siziqalele ubomi obutsha kude nale fama,” Zavumelana izilwanyana.

Zalinda kwade kwamnyama zaze zayishiya ifama ngokuthe cwaka. Inja yakhokela indlela. Izilwanyana zazifuna ukuhamba ziye elwandle ukuze zihlale elunxwemeni. Zahamba ubusuku bonke zaze zafika kwindlela emxinwa eya elwandle. Ngoku zazisele zidinwe kakhulu.


Ngequbuliso, kobo bumnyama, zeva isikhalo sentombazana. Isikhukukazi saxhumela kwiimpondo zenkomo sifuna ukubona ukuba kwenzeka ntoni. Into eyabonwa sisikhukukazi yayimbi. Ixhego elitsala intombazana encinci endleleni, yayikhala kwaye isithi, “Ndiyeke. Andifuni ukuba ngumfazi wakho”. Eli xhego lendoda lalisithi makathule athi cwaka kwaye lalimtsala ngokungamkhathaleli.”

Zazothukile izilwanyana. “Kufuneka simncede,” yatshoinja. Zavuma nezinye. Sathi izikhukukazi, “Masenzeni ingxolo ndizakumxhola ngomlomo wam,” “Kwaye ndizakumlaba ngeempondo zam ezinkulu” yatsho inkomo. “Kwaye ndizakumngquba ngentloko yam,” yatsho ibhokhwe. “Kwaye ndizakumluma ngamazinyo wam abukhali,” yatshoinja.

Eli xhego le ndoda lalingaboni nto ngoba kwakumnyama. Kodwa ngequbuliso leva ukungqisha kweenyawo neengxolo ezingaqhelekanga. Leva ngeempondo ezibukhali zimxhola, kukho into eluma umlenze, kukho into emhlaba entloko, kunye nento emtyhalayo. Loyika layiyeka intombazana. Lakhwaza licela uncedo. “Hawu! Hawu! Kwenzeka ntoni? yabuzainja. “Irhamncwa elinobundlobongela liyandihlasela!” Latsho ixhego lendoda libaleka kangangoko linako.

Ucinga ukuba kwenzeka ntoni emva koko?

Uzakufunda ibali liphelele kwiNYY ngomso.



MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iindaba

15 imiz

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngazo naziphi na iindaba ozivileyo okanye inkqubo yezilwanyana owakhe wayibona kumabonakude.
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana:** Abafundi abambalwa babelana neklasi ngeendaba zabo.

- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.

Lungiselela abafundi iveki

yesikolo ezayo (izinto amabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl).

- Chaza ukuba kule veki, uvavanyo lweKota lizakuqala kwaye lizakuqhubeka iiveki ezintathu.



IZANDI

Hlaziya izandi u-ndy no-ndyw

IPH 113

10 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwiBanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

IPH 112

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha le-8 nephepha le-9.
- Ukusukela kule veki, abafundi bazakuziqhelanisa nokusebenzisa ipeni endaweni yepensile.



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 87

15 imiz

Phambi kokufunda

- Yazisa ibali: Sizakumamela ibali ngezilwanyana ezinobubele.
- Nika isizathu sokumamela: Mamela ukuze wazi ukuba izilwanyana zayinceda njani intombazana encinci.

Fundela abafundi ibali.

Emva kokufunda


- Ingaba ukungxamele ukuva okulandelayo?
- Ucinga ukuba liphele njani eli bali? (makuphendule abafundi aba-2 ukuya kwisi-3 kuphela)



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.





UVAVANYO LOKUFUNDA 1 KUNYE NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

UkuFunda Wedwa (Iqela 1)

- Kule veki ngexesha lokufunda ngamaqela uzakuhlola ukufunda iorali uwedwa.
- Bizela abafundi ngabanye etafileni yakho bazokufunda.
- Sebenzisa isicatshulwa esifundwa notitshala okanye isicatshulwa abasiqhelileyo.
- Mamela umfundi ngamnye efunda isicatshulwa ngokuvakalayo kangango mzuzu omNye.

Qaphela: Ungamhlazisi umfundi ukuba uyasokola ukufunda. Bamise uze ubanike isicatshulwa esilula (izivakalisi sokusebenza wedwa?) Bancedise kumagama anzima ukuba kunyanzelekile. Akuzucaphazela amanqaku abekiweyo oku.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-142
Amanqaku: 10



- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

IPH 114
30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Umakazi utya indyandya.

Oomama bahambisa iindiywala kumsitho wokuvalwa kwendlu.

UNdyabo uthengela idyasi entle nguyise.

UNdyabo ubala imali yasebhankini.

Udyakalashu uyazingela kwizandango zemvula.

Uthengela idyasi engani uNdyabo?

114 - IVEKI YESI-6 - MVULO



ULWAZI OLUSISISEKO

Yazisa umxholo

- Ingaba zikhona izilwanyana apho uhlala khona – kokwenu okanye kufuphi nakokwenu?
- Luhlobo luni lwezilwanyana?

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Wazi ntoni ngezilwanyana eziluncedo?
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana** neklasi

Izilwanyana eziluncedo

Itshati yeYFF (NYY iphepha 115)

- Bhala igalelo labafundi ebhodini kumqolo woku-1 wetshati yeYFF.
- Buza: Ungathanda ukufunda ngantoni kule veki? Bhala oku kumqolo wesi-2.
- Abafundi mabakhethe into enye kumqolo ngamnye bakhuphele kwiitshati zabo zeYFF.

IPH 115
30 imiz

UMHLA

Izilwanyana eziluncedo

Into endiyanga

Into endifuna ukugazi

Into endiyfundisa

Iveki yesi-6

Iveki yesi-7

Iveki yesi-8

115 - IVEKI YESI-6 - MVULO - HS



UVAVANYO LEZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba ibali

30 imiz

Ingxoxo yeklasi

- Cacisa ukuba umzobo ngumfanekiso obonisa inxalenye yebali.
- Buza: Ingaba ikhona imifanekiso oyifumanayo kwiNYY? Ingaba imifanekiso iyakunceda uqonde ibali ngcono?
- Phonononga ibali elifundwa ngokuvakalayo *Isigebenga sase Lusikisiki*. Xoxani lenzeka phi ibali. Ngobani abalinganiswa, kwenzeka ntoni?

Isicwangciso

- Xelela ikhosi ukuba bazakuzoba umboniso osebalini.
- Umfanekiso wabo kumele ube nabantu ababini okanye izilwanyana.
- Badinga ukwenza isicwangciso somfanekiso ukuze izinto ezikufuphi zibonakale zinkulu kunezikude.
- Bakhumbuze ngomphezulu, indawo engabonakaliyo, indlela ababona ngayo kunye nobudlelwane bezinto.

Zoba

- Abafundi mabaqalise ukuzoba okanye bapeyinte umfanekiso wabo.
- Gcina umfanekiso ukhuselekile ugqibezele ngomso.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-149
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Yintoni umdlalo?

15 imiz

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Kwikota edlulileyo safunda ngomdlalo. Wawungo makhulu ababini. Uhluke kanjani umdlalo okanye uyafana nebali?
- **Ngabanini:** Xeleta iqabane lakho.
- **Yabelana:** Yabelanani ngezinto ezahlukileyo/nezifanayo (umz. zombini zinabadlali, umdlalo unamagama athethwayo ngabadlali kwaye ungalinganiswa, ibali lahlulwe ngezahluco, umdlalo wona wahlulwe ngemiboniso, njl.njl).
- Bhala oko ukuqwalaseleyo encwadini yakho.



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 116

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 112

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama nokufunda ngengqiqo

Uzakufunda ibali lonke kuqala, ngaphambi kokuba usebenze ngephepha ngalinye. Qaphela ukuba ibali liyaqhubeka rhoqo kumaphepha esibini.

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngokufutshane ngesihloko kunye nohlobo lwetekisi (umdlalo). Ngqamanisa nebali lokufunda ngokuvakalayo.

Ukufunda notitshala

- Fundela abafundi isicatshulwa.
- Funda zonke indawo wedwa kuqala.
- Yima uchaze nawaphi na amagama amatsha okanye umxholo.

Emva kokufunda

- Ingaba ibisisiphelo esonwabisayo esi? Chaza.
- Ingaba besifana nento ubuyiqikelele?

IPH 100-110

15 imiz



UKUBHALA

Isigama

Yazisa amagama

- Funda oonotsheluzi. Onke amagama akumdlalo woku-1 (amaphepha 100 nele-102).

Ukukhangela amagama

- Phinda ufunde amaphepha amabini okuqala kunye neklasi. Funda yonke.
- Njengoko ufunda abafundi babona isigama kwisicatshulwa seNYY.

Mabakrwelele okanye bafake isangqa kwigama ngalinye. Amanye amagama azakuvela kaninzi.

Bhala

- Abafundi bakhuphela amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluzi besigama kuDonga lwaMagama.

15 imiz

**ebhityileyo
enobubele
elwandle
ukungqengqa
indlu yasefama
Fundisa isigama**

[illegible][illegible]

A child's drawing of a village scene. In the foreground, a wide, winding river flows from the left towards the background. A small boat with a yellow sail and a green figure is on the river. On the left bank, there are several small houses, one of which is labeled '183'. A small bridge with a yellow arch is also visible. On the right bank, there is a larger, more complex structure that looks like a fort or a large house with many windows. The background shows a hilly landscape with more houses and trees. The drawing is done in a simple, colorful style with visible pencil lines.





UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukufunda umdlalo, Umdlalo 1

Ukulungiselela

- Yenza ukufundwa komdlalo ngamaqela.
- Yenza amaqela abafundi abali-10 ukuya kwi-11 okanye ube namaqela amancinci apho abafundi bafunda indawo ezininzi.
- Inkokheli yeqela izakutsho ukuba ngabaphi abafundi abazakufunda indawo ethile.

Funda

- Funda umdlalo 1 kwiphepha 100 leNYY. Abanye abafundi bazakufunda umdlalo 2 nowesi-3.
- Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaselevo.

IPH 100
15 imiz

ABALINGANISWA
Umfama, umfazi
womfama, inja,
inkomo, ibhokhwe,
izikhukukazi (1–3),
intombazana, indoda,
abantwana (2)



IZANDI Hlaziya izandi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhalanqesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

UMLHA

ndy
ndyw

indy andya

indywala

indyebo unondyebo izandondyo

e-zi-ndywa-
le-ni i-za-ndyo-ndyo u-no-ndya-
nga

Udywily andyondyiso unondyanga.

IVEKI YESI-6 - LWESITHATHU - IM

IPH 112

10 imiz

x Amahashe aluncedo.
x Amahashe aluncedo.



UKUFUNDA Ukufunda ngengqiqo: Indibano yezilwanyana (1)

Funda

- Hlaziya isigama sale veki ngokubambela oonotsheluzi phezu.
- Phinda ufunde nabafundi kwiNYY iphepha le-100.

Imibuzo

- Jonga ukufunda ngengqiqo okukhethiweyo kwiphepha le-101.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

[illegible]

IPH 100
15 imiz



UKUBHALA Ukufunda ngengqiqo: Indibano yezilwanyana (1)

Bhala

- Gqibezela umsebenzi wokubhala kwiNYY iphepha le-101.

Jonga uze ukorekisha

- Jongani iimpendulo niyiklasi.
- Abafundi mabazikorekiske okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 101
15 imiz

Ukufunda ngengqiso

Funda umdlalo, **Indibana yezwivumelano (I) (Sphepha le-100)**.

1. Gqibezela itheyibhile ngombhalo okanye ngaphawu lukusukela. Kuzakufuneka uyibhile onke amaphesha amadala.

Umgongqiso	Umba omaphesha bamadala	Iyinhambisa	Abahambisi	Silungamisa	Ngumisa
Umfundo					
Umfundo					
Indibana yomfundo					
Diza					
Indaba					
Idibhalwa					
Idibhalwa (I)					
Indibhalwa yamfundo					
Indibala emdala					
Indibhalwa yomfundo					

2. Yimbana kaboni ewaziwyo kweli phepha?

3. Indibhalwa phi indima yoku-1?



UVAVANYO LOKUFUNDA 1 KUNYE NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

UkuFunda Wedwa (Iqela 3)

- Qhubekela novavanyo lwabafundi ngabanye.

Ukukorekisha: Jonga iph. le-142
Amanqaku: 10



- **Umsebenzi Owenza Wedwa: Iimpuku!**

IPH 120
30 imiz

UMHLA

Iimpuku!

Cinga ngeimpuku. Bhala amagama amabini apha ofika engqondweni.

Ingaba ubhale phantsi 'izinkolela'? Ukuba ubhale eli gama, ungakoleli. Impuku azinutshi sakona iumbi. Zifumana izinto ngezumbi laso. Impuku ziyafundiswa ukwenza izinto ezinceda abantu.

Zingafundiswa ukufumana iingqumbi. Oka kusinika ukam balantshi.

Ziyakwazi nokunika ingulo ezithile amabini yabantu. La nto inceda oagqirha banike abantu amagqirha olungileyo.

Ziyancedisa ukufumana izinyebisi ezifilelwa ngabantu kwibhaya zabo kwinqanaba. Impuku zikhona zizinyuka kwibhaya, zize zifumane izinto ngokunika.

Bhala umkhathi ngendlela impuku ezinceda ngayo abantu.

120 • IVEKI YESI-6 • LWESITHATHU



UVAVANYO 1 ULWAZI OLUSISISEKO

Fumanisa ngesilwanyana esiluncedo

Yalela

- Khumbuza abafundi ngabakwaziyo ngezilwanyana eziluncedo.
- Cacisa ukuba bazokwenza iprojekthi emfutshane yophando. Bakhumbuze apho bazakufumana ulwazi (kwi NYY, iincwadi ezikwithala leencwadi, ukubuza abanye abantu, kwi-intanethi (ifowuni okanye ikhompuytha).
- Fundela abafundi uze ufunde nabo izihloko kwiibhloko kwiNYY iphepha le-121.

Bhala

- Abafundi mabenze uphando baze babhale abakufumeneyo kwiibhloko.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-148
Amanqaku: 15

IPH 121
30 imiz

UMHLA

Fumanisa ngesilwanyana esiluncedo

Khetha isilwanyana esakufumana ngaso. Gcwalisa ibhloko.

Isilwanyana esiluncedo

Ipama lesilwanyana:

Apha usifumane khona:

Sinceda ngani (✓)

☐ Ukutya

☐ Iimpahla

☐ Umsebenzi

Into esiyenzayo:

Olunge ulwazi oluyingeni olunika umdla:

Xelela ikhosi ngesilwanyana esiluncedo.

121 • IVEKI YESI-6 • LWESITHATHU



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukuzifudumeza

- Abafundi bahamba hamba eklasini belandela isingqi.
- Bahamba ngendlela ezahlukeyileyo umz. bahambe ngathi ngamajoni xa ematsha, bahambe ngathi iingalo zabo azigobi, bahambele bucala njengononkala. Bame xa isingqi sisima.

Dlala umdlalo

- Xelela abafundi bacinge ngebhola esengqondweni yabo-ikwi milo enjani, inzima kangakanani, njl.njl
- Buza: Ungayibonisa kanjani ibhola ezandleni zakho.

Imidlalo yedrama eyilwayo

- Ngokutshintshiselana, abafundi benza ngokungathi bajulela omnye umfundi ibhola esengqondweni yabo naye enze ngokungathi uyayiganga.
- Qhubekela de wonke umfundi abe nethuba.

Ukuzipholisa

- Abafundi mabalale ngomqolo, baqinise amalunga omzimba, ukushukuma ukusuka ebusweni ukuya ezinzwaneni.
- Baze bakhulule amalunga omzimba, beyekelela imizimba yabo irhuqe phantsi, njl.njl.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz





UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukufunda umdlalo 2

**IPH
104 & 106**

15 imiz

Cacisa

- Abafundi mabaqhubeke befunda umdlalo ngamaqela afanayo nayizolo.

Funda

- Amaqela afunda umboniso womdlalo 2 kwiNYY amaphepha 104 nele-106 abafundi bathatha inxaxheba ngokwamaqela wabo ayizolo.

Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaseleyo.




IZANDI

Gqibezela izivakalisi

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekishe umsebenzi kunye.

IPH 122

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhalan gesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 112

10 imiz



UVAVANYO LWESI-2 LOKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Indibano yezilwanyana (2)

IPH
102 & 103

15 imiz

Lungiselela

- Cacisa ukuba luvavanyo lwesicatshulwa olu, luhlola indlela abafundi abaqonda ngayo into abayifundayo.
- Abafundi mabafunde iphepha elinye ngokuthe cwaka baze baphendule imibuzo.

Bhala

- Phendula imibuzo engesicatshulwa kwiNYY iphepha le-103.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-142
Amanqaku: 10





UVAVANYO LOKUFUNDA 1 KUNYE NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

UkuFunda Wedwa (Iqela 4)

- Qhubekela nokuvavanya abafundi ngabanye

Ukukorekisha: Jonga iph. le-142
Amanqaku: 10



- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Izinja ezinceda abantu*

IPH 123

30 imiz

UMHLA

Izinja ezinceda abantu

Kwinkqubo umhlaba ugashukuma ngaba kushukuma amatye angaphantsi kamhlaba. Izinja zase Turkey latinyikima embi kakhulu. Izinhlobo zazozi phantsi. Abantu babavaleleka kwezi zinhlobo zidikileyo, kodwa kwakungekho mntu owagqibizana.

Ucinga ukuba zeziphi izinyanga ezinceda ukufumana abantu? Bhala impendulo yakho apha.

Impendulo

Izinja zingama-1000 zingakwazi ukugqibela ngokukhawuleza phantsi kwesibini esidikileyo. Zingakwazi ukuya isikhala emcedo. Zingakwazi ukurukisa apha abantu bakhaya kwinkqubo ezidikileyo. UHtantu Afrika wafumana izinja ezingaphantsi ukuba zingakwazi a Turkey emi kwinkqubo. Abantu abafunda kuno-1000 balinganisa kwinkqubo ezidikileyo. Izinja zifumana uninzi lwabo bantu. Zazibaleka phantsi kwesibini esidikileyo zize zikhawuleza xa zifumana umntu. Abanye abasebenzi baze noomatshini ukukhupha abantu. Ezi zinja zikwazi zaziindlela zabomi babantu abaninzi.

Zaba umfanekiso wenja ehlangulayo ikhonkatha phantsi kwamatye esidikileyo.

IVEKI YESI-6 • LWESINE • 123



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (NYY iphepha le-115)

- Ncedisa abafundi bagqibezele umqolo wokugqibela.

Umsebenzi weqela

- Ngamaqela amancinci abafundi banika inkcazelo ngophando abalenze ngezilwanyana eziluncedo.
- Jikeleza uze uncedise.



EZOBUGCISA BEQONGA

Umfanekiso ngqondweni

30 imiz

Ukuzifudumeza

- Abafundi mabahamba-hambe eklasini belandela isingqi.
- Babonise indlela ezahlukeyo umz. ukuhamba kancinci, ukujingisa iingalo kunye nokujija umzimba. Bame xa isingqi sisima.

Dlala umdlalo

- Phinda ubalise ibali *Isigebenga sase Lusikisiki*.
- Njengoba ubiza umlinganiswa, xelela abafundi bavale amehlo baze bacinge ngendlela abacinga umlinganiswa angashukuma ngayo.
- Phinda kubalinganiswa bonke.

Ukuzipholisa

- Abafundi mabalale ngomqolo, bepholisa amalungu omzimba, besenza izandla neenyawo zibe yeke-yeke, bashukumise intloko, benze nezihlunu zesisu ezikhululekileyo njl.njl.



EZEMITHAMBO

Izithishi zemisebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezithishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.



LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukufunda umdlalo 3

Chaza: Sizakufunda umboniso wesi-3 namhlanje.

Amaqela: Yenza amaqela ungawatshintshi.

Funda: Amaqela mawafunde umboniso wesi-3 kwiNYY iphepha le-108 abafundi bethatha indawo ezinye njengayizolo.

Sebenzisa incwadi yakho ukubhala oko ukuqwalaseleyo.

IPH 108

10 imiz



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo


- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

Amagama: **indyandya** no **iindywala**

Isivakalisi: UNdyebo unxibe **idy**asi kayise.

IPH 124

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 112

10 imiz



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa


Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela iklassi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa wale veki ngokuvakalayo. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.
- Uqaphele ntoni ngezicatshulwa zonke (zonke ngezilwanyana eziluncedo).
- Ingaba ufumene isothuso? (iimpuku ezincedayo? amahobe ahambisa iileta?)

Ukukorekisha

- Funda iimpendulo zabafundi uze uhlomle.

15 imiz



UKUBHALA WEDWA

Ukushwankathela umdlalo

Cacisa

- Xa ubhala isishwankathelo, awudingi ukukhumbula zonke inkcukacha. Isishwankathelo sifutshane kwaye siquka izimvo ezingundoqo. Lulwandlalo lwebali. Ngokufutshane jonga isakhelo sokubhala ebhodini, fumana izivakalisi ze orali kubafundi.

Umsebenzi

- Sebenzisa isakhelo sokubhala esisebhodini ukuphinda uchaze imiba engundoqo yebali.
- Khangela:** Ukuqonda ibali emdlalweni, ukuqonda ukuba yintoni isishwankathelo, izivakalisi ezinegrama echanekileyo nolandelelwaniso oluchanekileyo.

15 imiz

Ukushwankathela ibali
Isiqalo
Isiphakathi
Isiphelo



UVAVANYO LOKUFUNDA 1 KUNYE NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

UkuFunda Wedwa (Iqela 5)

- Gqibezela uvavanyo lwabafundi ngabanye.

Ukukorekisha: Jonga iph. le-142
Amanqaku: 10



- Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Ipowusti yehobe*

IPH 125

30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi
yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha kwincwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2, Iphepha lomsebenzi lama-58, Izilwanyana eziluncedo, amaphepha 52 nelama-53.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iphepha le-118-119.

30 imiz



UVAVANYO 1 EZEMITHAMBO Imidlalo

- Yenza umdlalo weqela ube nemiyalelo ecacileyo, umz. iqakamba labantwana, ibhola ekhatywayo yabantwana okanye ujikelele – izoxhomekeka kwizixhobo ezikhoyo.
- Cacisa imiyalelo yomdlalo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amabini.
- Dlala umdlalo. Qwalasela uze ubhale.

25 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-151
Amanqaku: 5



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki, ndi:

- zithathile iiNYY neencwadi zokubhala
- ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kwaye ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye indawo abafundi abafuna uncendo kakhulu kuzo
- ndiwukorekishile umsebenzi wovavanyo olusesikweni ndawarekhodisha amanqaku ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki ndazibona izifundo endingazigqibanga
- ndiyijongisile incwadi yam ndaqaphela abafundi abadinga uncendo lokufundiswa bebedwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo loku:

- leqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo
- fundisa umfundi ngamnye, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo

ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-7



Izilwanyana eziluncedo

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngemibutho enceda abantwana kunye nezinja
- Kuthelekisa imisebenzi yemibutho emibini echaziweyo
- Kuqonda umxholo wesithuba kwezobugcisa
- Kufunda imibongo ngezilwanyana ezahlukileyo
- Kubhala inkcazelo ngebali lezilwanyana
- Kugqibezela iimvavanyo ezimbini zesicatshulwa isigama nolwimi.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi (IsiNgesi emva kunotsheluzi)

Ukufunda nokubhala	ukutsala	ukulimaza	ukuxhola	ukutyhala	ukuhlaba
	<i>pulling</i>	<i>hurting</i>	<i>poking</i>	<i>pushing</i>	<i>stabbing</i>
Isigama seZakhono zoBomi	ukutya	iimpahla	izithuthi		
	<i>food</i>	<i>clothing</i>	<i>transport</i>		

IZIXHOBO

- Iincwadi zabafundi zokubhala umsebenzi
- Iipeni zokubhala ngesandla
- Izixhobo zobugcisa: iphepha, iikhoki okanye iikhrayoni
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Ukubhala ngesandla

Olungekho sesikweni: Ubizelo, Ukufunda ngengqiqo, limpendulo zomsebenzi owenza wedwa

Imisebenzi yovavanyo olusesikweni

Mvulo	Ukuphulaphula nokuthetha 1: Isicatshulwa sokumamela	NYI iph. 128	NT iph. 100
Lwesibini	Izandi 1: Izandi	NYI iph. 132	NT iph. 102
Lwesibini–Lwesihlanu	EZEMITHAMBO: Imisebenzi yamaqela: Intshukumo yamalungu omzimba ukuxhathisa, ukulinganisa/ukuqonda oko ukubonayo	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT amaph. 103, 105, 107 & 109
Lwesithathu	Ulwazi olusiSiseko 2: Thelekisa imibutho	NYI iph. 137	NT iph. 105
Lwesine–Lwesihlanu	Ezobugcisa beQonga: IQonga lokuFunda	UMSEBENZI OWENZIWAYO	NT amaph. 105 & 107

Indlulamthi kunye nezingolankomo

Besisoloko sifunda ukuba izilwanyana zibanceda njani abantu. Kodwa nazo izilwanyana ziyancedana. Eli libali ngezilwanyana ezimbini ezancedanayo.

Kudala-dala, eAfrika, kwakunomlilo omkhulu. Umlilo wakhawuleza wanwena kwaye wawutshisa, izilwanyana zonke kwafuneka zibaleke kakhulu. Ngaphandle kweentaka ezimbini ezibizwa ngokuba zizingolankomo. Zazingakwazi ukushiya indlwane yazo ngoba yayigcwele ngamantshontsho azo ayesemancinci ukuba abhabhe.

Abazali babukela amadangatye esondela kwaye babona zonke ezinye izilwanyana zibaleka. Babakhwaza besithi: “Siyacela sincedeni sisindise amantshontsho wethu.”

Kodwa ke izilwanyana zazibaleka ngesantya esiphezulu zange ziphendule. Zazisoyika ukuma. Zazisoyika ukutsha.

“Sizakwenza njani?” zatsho izinqolankomo. “Umlilo uyasondela.”

Kwathi kusenjalo kwagqitha indlulamthi ingxamile. Yasiva isikhalo sazo, ayafana nezinye izilwanyana, yema.

“Kutheni ningabhabheli kude kunomlilo,” yakhwaza indlulamthi.

“Asikwazi abantwana bethu ngamantshontsho,” zaphendula zatsho izinqolamthi.

Yaze ke, indlulamthi enobubele yolula intamo yayo ende yafika emthini yaphakamisa amantshontsho entaka ngomlomo wayo, yathatha intshontsho elinye ngexesha. Yawabeka ngononophelo emqolo.

“Bambelelani,” yatsho njengoko ibaleka kakhulu ibhekise ngasemlanjeni. Abazali bezinqolamthi babhabha ecaleni kwe ndlulamthi ukuqinisekisa ukuba akukho nalinye intshontsho eliwayo.

“Enkosi ngokuhlangula amantshontsho wethu, ndlulamthi,” zatsho izinqolankomo xa zifika emanzini. “Singakubulela njani? Singakwenzela ntoni?”

“Ewe, ikhona into eningayenza. Ndibanamakhelane emqolo. Ayandiluma kwaye kubebuhlungu. Ningawasusa emqolweni wam ngemilomo yenu?”

“Nakanjani singakwazi,” zatsho iintaka. “Kwaye siyathembisa ukwenza njalo ngonaphakade.”

Ukusukela lo mini, izinqolankomo zasusa amakhelane emqolweni wendlulamthi. Ungazibona namhlanje ukuba uya kumyezo wezilwanyana.



MVULO



UVAVANYO 1 LOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

QAPHELA: Olu vavanyo luzakufuna **imizuzu eli-30** ngoko ke ukuPhulaphula nokuThetha kunye nebali elifundwa ngokuVakalayo zidityanisiwe. Ezinye izifundo zokufunda nokubhala zizakuthatha imizuzu emi-5 emva kwexesha lesiqhelo.

Phambi kokufunda

- Xelela abafundi ukuba lo msebenzi luvavanyo lwesicatshulwa sokumamela.

Fundela abafundi isicatshulwa**Emva kokufunda**

- Khokela abafundi bajonge kwiNYY iphepha le-128.
- Cacisa indlela yokuphendula imibuzo ethi yinyani/ayiyonyani. Ukuba ingxelo ichanekile, yinyani.

Ukuba ingxelo ayichanekanga, ayiyonyani.

- Izakuxhomekeka kwinqanaba lezakhono zabafundi unakho uku:
 - funda yonke imibuzo ngaphambi kokuba bafake isangqa emagameni achanekileyo
 - funda umbuzo ngamnye baze abafundi baphendule ezincwadini zabo njengoba ufunda.

IPH 128

30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-140
Amanqaku: 5



IZANDI

Hlaziya isandi u-ngcw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 127

10 imiz



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha le-9.

IPH 126


10 imiz



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.

15 imiz



- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

IPH 129

30 imiz


UMHLA

NAME: _____

Funda izivakalisi

USisa wayengcangcazela zingcawu.

Ingca yasekhaya inde oku kwengcangcilo.

Sibone imato yabangcwabi kuloNanceda.

Kwakugcwele ngabantu ngasuku lomngcwaba.

Esi sityalo sineingcambu ezinde.













?

Lingca ukuba kutheni le nto kwakugcwele abantu ngasuku lomngcwaba?

IWEKI YESI-7 - MVULO - 121



Ukufundisa izinja

Funda

- Fundani kunye neqabane lakho, iNYY iphepha le-130.

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngento ongayifundisainja, umz. amaqhinga, ize xa ibizwa, ijonge indlu, njl.njl.
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho ngento ocinga izinja zingafunda ukuyenza.
- **Yabelana:** neklasi.

Funda nize nixoxe

- Buza: UFunda Nenja uzifundisa ntoni izinja?

IPH 130
30 imiz

[illegible]

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Isithuba kwezobugcisa

- Theta ngesakhono sesithuba kumzobo opeyintiweyo.
- Isithuba yindawo ejikeleze okanye engaphakathi kwezinto emfanekisweni. Isithuba siquka umva, umphambili, kunye nomphakathi womfanekiso.
- Bonisa ukuba wahlula iphepha lakho kathathu, umzantsi ngumphambili, umphakathi ube sisiphakathi uze umphezulu ubengumva.

Isithuba kwezobugcisa

- Ngokulawula ezindawo emfanekisweni, umzobi angenza umfanekiso ombaca ubengathi yi3-D.

Jonga imizekelo


- Jonga umlinganiselo womzekelo womfanekiso kunye nenkukacha ngaphambili, esiphakathini nangasemva.
- Funda isicatshulwa kwiNYY.

Ingxoxo yeklasi

- Buza: Ucinga umfanekiso ujongeka uyinyani okanye hayi?

IPH 131

30 imiz



UVAVANYO 2 EZEMITHAMBO

Intshayelelo

Ukukorekisha: Jonga iph. le-151
Amangaku: 5

30 imiz

Amalungiselelo

- Khetha imisebenzi emine eyahlukileyo yale veki kwiphepha lama-25. Umsebenzi woku-1 uzakuhlolwa. Utitshala uzakugaphela $\frac{1}{4}$ yabafundi mini nganye.

Umsebenzi woku-1:

- **Ukuzifudumeza: Intshukumo/ukuhamba**
 - Hambani kwisangqa, nibambe izandla. Ngomyalelo, buyisa umva isalathiso.
 - Yahlula iqela libe zizangqa ezimbini esinye sibengaphakathi kwesinye. Isangqa esingaphandle sihambe ngasekunene, isangqa esingaphakathi sihambe ngasekhohlo. Tshintsha isalathiso ngomyalelo.

- **Umsebenzi: Ukuxhathisa**
 - Yima ngomlenze omnye ubale ngokwama-20. Phinda futhi ngelinye inyawo.
 - Xhathisa ibhegi entloko uze uxhume endaweni enye.
 - Imisebenzi yemithambo: ukuma ngesandla, ukuma ngentloko okanye ukuma njengononkala uxhaswe liqabane.
- **Ukuzipholisa: Ukuqonda intshukumo**
 - Abafundi mabajongane ngababini baze benze intshukumo yesithunzi.

LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Kwiveki ezayo abafundi bazakwenza **uvavanyo lokuthetha**. Umfundi ngamnye uzakukhetha umbongo azakuwunikezela kwaye awufundele iklassi.

Bonisa

- Bonisa iklassi indlela yokunikezela umbongo.
 - Isihloko sombongo wam ngu-Umoya.
 - Ndikhethe wona ngoba ndiyazithanda imini ezinomoya.
 - Ndizakunifundela wona ngoku.
- Funda umbongo usebenzisa izijekulo.

Indlela yokucengceleza umbongo

Funda umzekelo wemibongo

15 imiz

- Khumbuza abafundi ngemibongo abayive kulo nyaka.
- Funda kunye nabafundi imibongo yeVeki yesi-5 neyesi-7.

Umsebenzi wasekhayeni

- Khetha umbongo ozakuwunikezela.
- Cinga ngento oyithandayo ngawo.



UVAVANYO 1 IZANDI

Bhala izandi

Bhala izandi

- Biza izandi ezintlanu:
 - ngcw
 - ngcw
 - ngc
 - ngcw
 - ngcw
- Abafundi mababhale izandi kwizithuba ezihambelanayo kwiNYY.

Fakela oonobumba abashiyiweyo

- Abafundi mabagqibezele amagama ngokufakela oonobumba abashiyiweyo.

IPH 132

10 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-141
Amanqaku: 10

UMHLA

Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.

engcwangu engcwele ingcwaba emgwabeni ingca ezingcwele

1. Inkomo yethu yindawo engcwele.
2. Utata uyathanda ukufunda izibhalo.
3. bekhuha abantu abakhulayo.
4. Ubhuti ucheba ngomshini wakhe.
5. Umfana one ubethe abantwana.
6. Kufunyenwe livulekile.

132 - IVEKI YESI-7 - LWESIBINI



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 126

10 imiz

Ziphe amanzi nokutya.

Ziphe amanzi nokutya.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama notyibiliko

Isigama

- Ngokufutshane hlaziya isigama seveki ephelileyo.
- Sebenzisa oonotsheluzo ukwazisa isigama esitsha ukusukela kumaphepha e-104 nele-106 (umdlalo 2).
- Sesiphi isigaba solwimi (amagama abonisa ukwenza)
- Linganisa igama elinye sizakuqikelela ukuba leliphi.

Utyibiliko

- Abafundi mabafunde amaphepha 100, 102, 104 nele-106 ngababini.

IPH 104 & 106

15 imiz

Indima yesi-2
Endleleni eya elwandle (I)

Indlela: Kwinkqubo ethulayo esing elwandle.
Iziko: Umlimo, Ntamo andala? Hawni, hawni! Shamba umgama omde. Kumyama ngoku.
Iinkomo: Mawaw! Andabamini. Nge endabala. Mawaw! Umlimo shamba ngi elwandle.
Ibhakhe: Vinyela gentani le tshay? Nalwa intombazana abahlangi. Ntamo!
Izibhukuzi: (Zibhukuzi kwimpondo zenkomo) Owa! Owa! Owa! Hazi! Hazi! Hazi! Yindaba enkulu esale intombazana esakuba netha ngendlela! Ughali! Andabamini ukuba ngumkosi wakhe! Nalwa! Nalwa!
Intombazana esale: Thula! Uzakuba ngumkosi wakhe!
Indlela andala: Hawni, hawni! Indlela uncedo le intombazana! Hawni, hawni, hawni! Le ndlela yomlomo.

104 - IVEKI YESI-6



UKUBHALA Isigama

Ukukhangela amagama

- Funda kunye nabafundi amaphepha e-104 nele-106.
- Njengoko ufunda abafundi bachonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY. Bakrwela umgca ngaphantsi kwegama elitsha ngalinye okanye balibiyele. Esinye isigama kwisicatshulwa siphindiwe.

Bhala

- Abafundi bakhuphela amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

Xhoma oonotsheluzo

besigama kuDonga lwaMagama.

IPH 104 & 106

15 imiz

ukutsala
ukulimaza
ukuxhola
ukutyhala
ukuhlaba



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo ongenja*

IPH 133
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO Ukufundela izinja

Funda uze uxoxe

- Phonononga okwaziwayo ngabafundi ngezinja eziluncedo.
- Fundela abafundi isicatshulwa uze ufunde nabo.

Bhala isivakalisi

- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

IPH 134
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO


Yenza umzobo obuxande

Umsebenzi

- Abafundi mabaziqhelanise nokuzoba umgca obonisa umphambili, isiphakathi kunye nomva.
 - Zoba imigca egobileyo emithathu kwiphepha lonke (jonga umfanekiso)
 - Zoba into okanye isilwanyana ngaphambili – kumele igcwalise isithuba.
 - Zoba into okanye isilwanyana esiphakathini – ibephakathi ngokomlinganiselo.
 - Zoba into okanye isilwanyana ngasemva – ibencinci.
- Imizobo kufuneka ibemnyama okanye ibemhlophe – ipensile okanye ikhoki.
- Qaphela: Uzakufumana inkcukacha apha: <https://www.youtube.com/watch?v=q75cDS-ZnbQ>

Gcina ugqibezela kwiveki ezayo

30 imiz



UVAVANYO 2 EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.
- Jonga Umsebenzi woku-1.

25 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-151
Amanqaku: 5

LWESITHATHU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Indlela yokunikezela umbongo

Cacisa uze ubonise. Xelela abafundi ngendlela yokunikezela umbongo: thetha ngokucacileyo, sebenzisa ilizwi lakho (phezulu, phantsi, ngokucacileyo okanye ngokukhawuleza), sebenzisa umzimba wakho ukumane ujonga phezulu, yima nkqo njl.njl.

Cinga-Ngababini

- **Cinga** ngendlela yokwazisa umbongo (isihloko, kutheni usithanda).
- **Yabelana** ngesihloko sakho neqabane lakho. Nikanani amathuba.
- Fundela iqabane lakho umbongo owukhethileyo. Nikanani amathuba.

Umsebenzi wasekhayeni

- Ziqhelanise nokwazisa nokufunda umbongo wakho.

15 imiz



IZANDI

Hlaziya izandi u-ngc no-ngcw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 135

10 imiz

UMHLA

ngc

ingcuka

iingcaba iingcambu ingcongoni

ii-ngci-nga u-m-ngcu- nu-be u-ku-ngci-ba

Ungcwelelezi uya ngotsha ukuze angangatheli ingcaba zebhotile.

IVEKI YESI-7 • LWESITHATHU • 135



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nele-9.

IPH 126

10 imiz

Zenzele indawo yokulala.

Zenzele indawo yokulala.



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Endleleni eya elwandle (1)

Funda

- Hlaziya isigama saleveki ngokubambela oonotsheluzi phezulu.
- Phinda ufunde futhi nabafundi iphepha le-104 (iphepha lesi-3 lomdlalo).

Imibuzo

- Jonga ukufunda ngengqiqo okulungelelanisiweyo kwiphepha lama-105.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

IPH 104 & 105

15 imiz

Indima yesi-2 Endleleni eya elwandle (1)

Indlela: Kwinkqubo ethileyo esing elwandle

Injini: Ukhosi, Nkomo endala, Hani, hawu! Shamba umgama omde. Kumnyama ngoku.

Indlela: Hani! Andikwazi. Na enobule. Hani! Shamba umgama omde.

Ibhakhe: Vingele! Yintoni le ishaya? Ndiya intombazana abahayi. Hani!

Isikhokho: (Zibhalela kwimpenda zenkomo) Owa! Owa! Owa! Hani! Hani! Hani! Yindaba endala ethe intombazana enolutho naye ngendlela (Uyalel).

Intombazana: Andikwazi ukuba ngumkosi wathol' hahlela mhlaba!

Indlela endala: Thula! Uzakuba ngumkosi wathol' hahlela!

Injini: Hani, hawu! Sidinga uncedo le intombazana! Hani, hawu, hawu! Le ndaba iqinisekile.

104 • IVEKI YESI-6



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Endleleni eya elwandle (1)

Bhala

- Gqibezela umsebenzi wokubhala kwiNYY iphepha le-105.

Jonga uze ukorekise

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekise okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 105

15 imiz

Ukufunda ngengqiqo

Funda umdlalo, Endleleni eya elwandle (1) (iphepha le-104)

1. Yenza gqibezela indima yesi-2

2. Kwilela umgama ngaphantsi kwesizathu ezimbini ezinkubungela ukuba inkomo ininzi.

- Inkomo oko isitya ingqo.
- Inkomo iyibeka kakhulu.
- Indlela inkomo.
- Shamba umgama omde inkomo.
- Inkomo ithanda ukulandela ingqo.

3. Seigqibezela umgama esigale sabona intombazana? Chaza ngaba?

4. Sazi ngani ukuba intombazana ayifuni ukuba ngumkosi wathol' hahlela? Beka uphawu lokukorekisa kweyona mpendulo ichanekileyo.

- ☐ Uyalel.
- ☐ Uthi akafuni ukhamba naye.
- ☐ Uyalelalela.
- ☐ Uyamelela omnye ahambe.
- ☐ Zonke ezi mpendulo zingentlo.

IVEKI YESI-6 • 105



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo ngehashe*

IPH 136
30 imiz



UVAVANYO 2 ULWAZI OLUSISISEKO

Thelekisa imibutho

Funda nize nixoxe

- Phonononga izicatshulwa ezinga zinja ukusuka ngoMvulo ukuya kuLwesibini.
- Funda itheyibhile kunye nabafundi.

Bhala

- Abafundi mabagqibezwe itheyibhile bethlekisa imibutho.

IPH 137
30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-148
Amanqaku: 15



UVAVANYO 1 EZOBUGCISA BEQONGA

Ukulungiselela

- Cacisa iqonga lokufunda ukuba kukudityaniswa kokufunda nokulinganisa umdlalo.
 - Abalinganiswa bafunda amagama, abadinga ukuwazi ngentliziyo.
 - Abalinganiswa bayalinganisa, izijekulo kunye nemboniso yobuso ukwenza umdlalo ubenomdla.
 - Ngamanye amaxesha abalinganiswa basebenzisa izixhobo ezinjengeminqwazi, izinti, njl.njl.
 - Khumbula ukuba imiyayelo yeqonga ibhalwe ngokukekeleyo ngoko ke idinga ukulinganiswa, ingafundwa

- Ukulinganisa ukufunda umgca omnye okanye emibini yomdlalo, usebenzisa imboniso zobuso kunye namazwi ahlukileyo.

Amaqela

- Abafundi mabasebenze ngamaqela amancinci. Iqela ngalinye lilungise indawo elizakuyilingisa kwiSigebenga saseLusikisiki.
- Mabaxoxe ngeentshukumo, izijekulo kunye nezixhobo.
- Abafundi mabalungise kwaye baziqhelanise nendawo abazakuyilingisa ukuze banikezele ngosuku olulandelayo.

Iqonga lokufunda

30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-150
Amanqaku: 5



UVAVANYO 2 EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.
- Jonga umsebenzi woku-1

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-151
Amanqaku: 5

25 imiz



LWESINE



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ngababini

- Fumana indawo izibini zibonise imibongo yazo omnye komnye. Banokuya naphandle.
- Nikezela ngombongo wakho kwiqabane lakho.

Umsebenzi wasekhaya

- Qhubekela uziqhelanise ulungiselela uvavanyo lweveki ezayo.

Indlela yokunikezela umbongo

15 imiz




IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 138

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

IPH 134

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha le-9.



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Endleleni eya elwandle (2)

Guqulela kwisiNgesi

- Sebenzisa oonotsheluzi ukuhlaziya amagama owafunde kumxholo.
- Guqula ikhadi uze wazise amagama wesiNgesi

Funda

- Phinda ufunde futhi nabafundi iphepha lama-106 (iphepha lesi-4 lomdlalo).

Imibuzo

- Jonga isicatshulwa esilungiselelweyo kwiphepha lama-51 kwiNYY.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga okokuba abafundi bangasokola ukuyiphendula.

IPH 106 & 107

10 imiz



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Endleleni eya elwandle (2)

Bhala


- Gqibezela umsebenzi okwiNYY.

Jonga uze ukorekise

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekise.

IPH 107

15 imiz



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukucwangcisa ibali

Cacisa

- Abafundi mabalungiselele kule veki ukubhala amabali abo ngesilwanyana abazawabhala kwiveki ezayo.

Ngababini

- Thetha ngebali lesilwanyana ongathanda ukubhala ngalo (3 imizuzu).

Ukubhala notitshala

- Yenza umzekelo webali kunye neklasi. Yiba nombono olungisiweyo, umzekelo, ndifuna ubhala ibali ngenja enceda umntwana.

- Abalinganiswa bam ngumntwana kunye nenja. Ndingababiza ntoni?
- Kufuneka libe ndawoni ibali lam? (*edolophini, ezifama, elwandle*)
- Kufuneka kwenzeke ntoni kuqala (*inkwenkwe ithatha uhambo kunye nenja*)
- Kwenzeke ntoni emva koko? (*uyalahleka, uyalila*)
- Liphela njani? (*Inja iyamkhokela agoduke*)

15 imiz

Ukucwangcisa ibali

Abalinganiswa
Isimo sentlalo
Isakhiwo sebali
Intshayelegelo
Uvuthondaba
Isiphelo



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Umbongo ngegusha*

IPH 139
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (NYY iphepha 115)

- Nceda abafundi bafakele kumqolo wesibini.

Ingxoxo

- Ngababini abafundi mabathethe ngendlela abaziva ngayo ngezinja. Sebenzisa le mibuzo:
 - Ingaba bayazoyika izinja okanye bayazithanda?
 - Ingaba bacinga izinja zikrelekrele? Ngoba/kutheni ungatsho?
 - Yintoni abangathanda ukuyifundisainja?



UVAVANYO 1 EZOBUGCISA BEQONGA

Iqonga lokufunda (liyaqhubeka)

Linganisa

- Iqela ngalinye lilinganisela iklasi iqonga lokufunda.

Vavanya

- Khuthaza ukuphawula okwakhayo emva kokulinganisa.
- Phawula ngemboniso yobuso, isijekulo nentshukumo.

30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-150
Amanqaku: 5



UVAVANYO 2 EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.
- Jonga umsebenzi woku-1.



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-151
Amanqaku: 5

LWESIHLANU



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphonononga iveki

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Ingaba ukulungele ukunikezela ngeorali yakho kwiveki ezayo? Ngelixa ulungiselela yeyiphi eyona ndawo oyifumene inzima? Ufunde ntoni ngawe?
- **Ngabanini:** Yabelana neqabane lakho.
- **Yabelana:** neklasi

15 imiz



IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

- Landela umgaqo wokufunda amagama ngexesha elibekiweyo okwiphepha lesi-8.

IPH 140

15 imiz

UMHLA

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Fundela igabane lakho la magama ngomculo omnye.

igumbano	utjile	kwakuhle	ingwelo	indela
funana	icinganya	utaba	elandula	ihamile
umonto	ingoma	shela	isikhova	iqhezu
uthethile	ingoniso	umphako	ebaleka	uyalila
intwana	intlami	oatstati	ishafu	igoni
untando	ihwele	baghelela	wicenga	umfuta
isitula	umongo	thuthani	ubuxaki	imula
ingqondo	ingalo	thula	ingaka	isatala

Inani lamagama awafunde ngokuchanekileyo _____.

140 : IVEKI YESI-7 : LWESIHLANU



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha le-9.

IPH 126

10 imiz

Ndiyazithanda.

Ndiyazithanda.



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela ikhosi isicatshulwa somsebenzi owenza wedwa waleveki ngokuvakalayo kumaphepha 133, 136, 139 nele 141.
- Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.


Xoxani ngesicatshulwa

- Ngowuphi umbongo wesilwanyana owuthande kakhulu? Ngoba?

Ukukorekisha

- Qaphela ngubani okwaziyo ukufunda nokuphedula imibuzo.

15 imiz



UKUBHALA WEDWA

Ukucwangcisa ibali

Cacisa

- Xelela abafundi bazakwenza isicwangciso baze babhale ibali labo ngokwabo. Mabalandele umzekelo obuwubhale ngoLwesine.
- Ibali labo lingange zilwanyana kunye nabantu kodwa kufuneka libe lelabo.

Umbhalo wakho wedwa

- Abafundi mabakhuphele isakhelo baze bagcwalise ngebali labo.
- Bakhuthaze basebenzise iimbono zabo, hayi ezi zikumzekelo.
- Khangela: isakhelo esigqityiweyo esinamagama okanye amabinzana ukuze babhale amabali wabo kwiveki ezayo.

15 imiz

Ukucwangcisa ibali

Abalinganiswa

Isimo sentlalo

Isakhiwo sebali

Intshayelelo

Uvuthondaba

Isiphelo



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Umbongo ngeenyosi

IPH 141
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi
yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha kwincwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2, Iphepha lomsebenzi lama-63, Izilwanyana ezisisibenzelayo: izinja amaphepha 62 nele 63.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iph. lama-121.

30 imiz



UVAVANYO 2 EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nele-25.
- Jonga umsebenzi woku-1.

25 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-151
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki, ndi:


- zithathile iiNYY neencwadi zokubhala
- ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kwaye ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye indawo abafundi abafuna uncendo kakhulu kuzo ndiwukorekishile umsebenzi wovavanyo olusesikweni ndawarekhodisha amanqaku
- ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki ndazibona izifundo endingazigqibanga
- ndiyijongisisile incwadi yam ndaqaphela abafundi abadinga uncendo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo

Ndilicwangcisele ixesha kwiveki ezayo loku:

- leqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo
- fundisa umfundi **ngamnye**, umz. xa ikhosi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YESI-8



Izilwanyana eziluncedo

Qaphela: Ungafuna ukunikezela ngomdlalo ebazalini kumbhiyozo wokuphela konyaka. Ukuba kunjalo, ziqhelanise nomdlalo kule veki. Jona umbhalo ochaza ukwenza umdlalo kwiphepha lama-124.

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngeemaski kwaye nendlela yokwenza iimaski zezilwanyana.
- Kwenza ibali le donki uLena.
- Kwazi ngamalungelo ezilwanyana.
- Kuhlalutya ipowusta engezilwanyana.
- Kwenza ipowusta emalunga nokunakekela izilwanyana.
- Kugqibezela uvavanyo lesicatshulwa ezimbini.
- Kunikezela ngemibongo eklasini.
- Kuthatha inxaxheba ekuziqhelaniseni nomdlalo (ukuba kufanelekile)

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi (IsiNgesi emva kunotsheluzi)

Isigama soLwimi	enameva	amaqunube	ukhula	iimvuthuluka	iintshulube
	<i>thorny</i>	<i>brambles</i>	<i>weeds</i>	<i>scraps</i>	<i>worms</i>
Isigama seZakhono zoBomi	ukutya	iimpahla	isithuthi		
	<i>food</i>	<i>clothing</i>	<i>transport</i>		

IZIXHOBO

- Iincwadi zabafundi zokubhala umsebenzi
- Iipeni zokubhala ngesandla (ngaphandle kwemini yokuvavanya)
- Izixhobo zobuGcisa: iphepha, ipeyinti okanye iikhoki
- Izixhobo zokwenza iimaski (ukuba ziyadingeka): ipeyinti zamaphepha, ikhadibhodi elidala, iipeyinti zepowusta okanye iikhoki, izikere, iglu, izinti zokubamba imaski
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo.

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekise: Ukubhala ngesandla

Olungekho seSikweni: Ubizelo, Ukufunda ngengqiqo, limpendulo zomsebenzi owenza wedwa

Imisebenzi yovavanyo oluseSikweni

Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Ukunikezela umbongo	IORALI	NT amaph. 112, 114, 116, 118 & 120
Mvulo	Ukubhala ngesandla: Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa	NYI iph. 142	NT. iph. 112
Lwesine	Izandi 2: Ubizelo	NYI iph. 152	NT. iph. 118
Lwesihlanu	Ukubhala 2: Ibali lezilwanyana	Incwadi yokubhala umsebenzi	NT. iph. 120

Idonki egama linguLena

Amagama ekumele uwafunde ngaphambi kokuba ufunde ibali: ithole gqabadula impuphu

Ngelixa utitshala efunda abafundi bangalandela ibali ngokujonga imifanekiso kwiNYY iphepha le-145.

Igama lam ndinguLena. Ndiyi donki. Bendisakutsala isikhoji. Isikhoji yinqwelo etsalwa ziidonki. Ngokuya ndandilithole, ndandigqabadula ecaleni kukamama wam xa etsala isikhoji. Umphathi wethu wayengumchebi weegusha. Wayesiya ezifama ayokucheba uboya beegusha. Wayenenkathalo nobubele. Xa sizakutsala isikhoji kumgama omde, wayesiyeka siphumle. Sakunxanwa wayesinika amanzi.



Kodwa wathi xa emdala, unyana wakhe waqhuba isikhoji. Le nkwenkwe yayisibetha xa ifuna sigqabadule nesikhoji. Wayesihleka sakuwa phezu kwamatye. Iimpuphu zam zazophukile kwaye zibuhlungu.



Ngenye imini saya efama eyayihlala inenekazi elinobubele. Le nkwenkwe ekhohlakeleyo yasishiya ixesha elide isibophelele esikhojini. Eli nenekazi leza kuthi lasinika amanzi nge-emele. Sasinxaniwe, kome



imiqala. Inenekazi elinobubele laphindaphinda lisigcwalisela amanzi. Wasiyeka sasela kangangoko sifuna. Wajonga iimpuphu zethu waze waziphatha-phatha. Wayethetha nathi ngelizwi elisezantsi.



Saliva inenekazi lithetha nenkwenkwe leyo. Lalithetha naye ngeliziwi elikhwazayo. Latyityimbisela umnwe ebusweni. Yaza inkwenkwe yasikhulula kwaye yasiyeka satya ingca.

Kwathi xa kufika ixesha lokuba isikhoji sihambe, inenekazi elinobubele lafika kwakhona. Lakhomba iimpuphu zam laze lanikina intloko. Lakhupha imali layinika inkwenkwe. Eso sikhohlakali senkwenkwe sandikhulula. Ezinye idonki zatsala isikhoji.

Inenekazi elinobubele landifaka edlelweni neegusha zalo. Landixelesa ukuba ndaluse iigusha. Ndazijonga iigusha. Igusha zajonga kum. Saze sonke satya ingca edlelweni. Ndafumana ukuphumla. Ndaziva ndinamandla kwakhona.



Ngobunye ubusuku sisedlelweni, kwafika izinja ezinkulu ezinengcwangu. Ngoloyiko iigusha zabalekela kum. Izinja ndazikhaba ngeempuphu zam eziqinileyo, zabaleka zemka.

Kusasa lafika inenekazi elinobubele. Landiphulula ngothando. Lathi ndingunogada wedonki olungileyo.

MVULO




UVAVANYO 2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz

Ukunikezela umbongo

- Abafundi ngabanye banikezela ngombongo eklasini.
- Zama ukumamela abafundi abali-10 ngemini. Oku kungathetha ukuthi usebenzisa ixesha elikhoyo.
- Thetha into ekhuthazayo kumfundi ngamnye xa egqibile.
- Zama ukuba namavolontiya kuqala. Mamela abafundi abanentloni ngexesha lekhefu.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-140
Amanqaku: 10



IZANDI

Hlaziya izandi u-nkx no-nkxw

IPH 143

10 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekisha umsebenzi kunye.



UVAVANYO UKUBHALA NGESANDLA


Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

IPH 142

10 imiz

- Cacisa ukuba eli liphepha lovavanyo.
- Sebenzisa ipensile kolu vavanyo. Qinisekisa ukuba itsheziwe.
- Bhala isivakalisi ngasinye ngokudibanisa emngceni.
- Bhala ngononophelo nangokucecekileyo.
- Khetha ezona zivakalisi zikhethekileyo zibe zibini ezizakorekiswa.
- Korekisha ezi zimbini uzikhethileyo.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-143
Amanqaku: 5



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT

IPH 111

15 imiz


Phambi kokufunda

- Sizakuva ibali ngomntu owayenobubele kwizilwanyana.
- Nika isizathu sokumamela: Mamela uze uve ngomakhulu owanceda isilwanyana ebesixhatshazwa.

Fundela abafundi isicatshulwa

Emva kokufunda


- Ucinga ukuba utatomkhulu angathini kunyana wakhe ngokubetha iidonki?
- Ucinga ukuba kutheni inenekazi elinobubele lithethe ngelizwi elisezantsi needonki, kodwa ngelizwi elikhwazayo nenkwenkwe?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

IPH 144

30 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Ndiyayithanda intlanzi enkonkxiweyo.

Sinamnxweme amaninzi amahle eMzantsi Afrika.

Wagongqoza amanzi kuba wayenxaniwe.

Sisebenza entsimini kwangentsasa.

Umama wasingxalisa ngenxa yengxolo esasiyenza.

?

144 - IVEKI YESI-8 - MVULO



ULWAZI OLUSISISEKO

Idonki enguLena

Funda nize nixoxe

- Phonononga ibali elifundwa ngokuvakalayo: Idonki enguLena.
- Jonga imifanekiso kwiNYY.
- Buza: Ucinga ukuba bathini abantu? Icinga ntoni yona idonki?

Bhala

- Fakela amaqamza entetha kwiNYY iphepha le-145.

IPH 145

30 imiz

UMHLA

Idonki egama linguLena

Ucinga ukuba bathini abantu?
Bhala amanzi abo kumagangu entetha.

1 2 3 4 5 6

145 - IVEKI YESI-8 - MVULO



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba into ebuxande (iyaghubeka)

30 imiz

Xoxani

- Phonononga okufundwe ngabafundi ngesithuba kwezobugcisa. Sebenzisa isigama: umphambili, umphakathi, umva.
- Phonononga okwaziwayo ngabafundi ngeepatheni kunye nemvakalo: ukusebenzisa iipatheni (amachokoza, imigca, no-x) kungafaka imvakalo emfanekisweni uwenze ufane ne 3-D.
- Phonononga okwaziwa ngabafundi ngeendawo zokugxila kunye nemibala: ukusebenzisa umbala kwenza iliso ligxile

kwindawo ethile emfanekisweni; imibala ngaphambili iyagqama kwaye icace.

Umsebenzi

- Abafundi mabasebenze umzobo weveki ephelileyo umnyama namhlophe.
- Bafakele eminye imigca baze bayigcwalise ngeepatheni ezohlukileyo, umz. amachokoza, oo-x, izititshi (*cross hatche*), imigca, izig zeg ngemibala eyohlukileyo.

Gcina ukhuselekile ugqibezele ngomso



EZEMITHAMBO

Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UVAVANYO 2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukunikezela umbongo kuyaqhubeka

- Abafundi ngabanye banikezela ngombongo eklasini.

15 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-140
Amanqaku: 10



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekische umsebenzi kunye.

IPH 146

10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi esibhalwe ngokudibanisa

- Bhala izivakalisi ezimbini kwincwadi yakho yokubhala.

IPH 142

10 imiz



UKUFUNDA NOTITSHALA

Isigama
notyibiliko

Isigama

- Ngokufutshane hlaziya isigama seveki ephelileyo.
- Sebenzisa oonotsheluzi ukwazisa amagama amatsha kumaphepha le-108 nele-110 (Umboniso 3) womdlalo.

Utyibiliko

- Abafundi mabakhetha iphepha kumdlalo abazakulifundela iqabane lakhe.

IPH
108 & 110

15 imiz



UKUBHALA

Isigama

Ukukhangela igama

- Phinda ufundele ikhosi amaphepha 108 nele-110.
- Abafundi bajonga isigama kwisicatshulwa kwiNYY njengoko ufunda. Bakrwela umgca okanye babiyela igama elitsha ngalinye. Amanye amagama avela kaninzi.

Bhala

- Abafundi bakhuphele amagama amahlanu kwizichazi-magama zabo.

IPH
108 & 110

15 imiz

**ezihlabayo
amaqunube
ukhula
imvuthuluka
iintshulube**



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Imaski*

IPH 147
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Amalungelo ezilwanyana

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngezilwanyana ezidinga ukunakekelwa sithi.
- **Ngabanini:** Xelela iqabane lakho ngezinto esinokuzenza ukunakekela izilwanyana.
- **Yabelana:** neklasi.

Funda nize nixoxe

- Fundela iklasi uze ufunde nabo isicatshulwa esikwipowusta kwiNYY iphepha le-148.
- Buza: Kutheni kufuneka sinakekele izilwanyana?

Bhala

- Phendula imibuzo kwiNYY kwiphepha le-148.

IPH 148
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Zoba into ebuxande (iyaqhubeka)

Umsebenzi

- Abafundi mabagqibezele imizobo yabo ebuxande.

Bonisa uze uxoxe

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESITHATHU



UVAVANYO 2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukunikezela umbongo uyaqhubeka

- Abafundi ngabanye banikezela ngemibongo yabo eklasini.

15 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-140
Amanqaku: 10



IZANDI

Hlaziya izandi nkx no-nkxw

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekiske umsebenzi kunye.

IPH 149
10 imiz




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Bhala izivakalisi ezimbini encwadini yakho yokubhala.

IPH 142
10 imiz



UKUFUNDA

Ukufunda ngengqiqo: Ikhaya elitsha

Funda

- Hlaziya isigama sale veki ngokubambela oonotsheluzi phezulu.
- Phinda ufunde nabafundi iphepha le-108 (iphepha 5 lo mdlalo).

Imibuzo

- Jonga ukufunda ngengqiqo okulungelelanisiweyo kwiphepha lama-53.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

Imibuzo

- Jonga ukufunda ngengqiqo kwiphepha le-109.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

IPH 108 & 109
10 imiz



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo: Ikhaya elitsha (I)


Bhala

- Gqibezela umsebenzi wokubhala kwiNYY iphepha le-102.

Jonga uze ukorekiske

- Jonga iimpindulo.
- Abafundi mabazikorekiske okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 109
15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Yenza imaskhi yenkomo*

IPH 150

30 imiz

UMHLA

Ukwenza imaskhi yenkomo

Izihlobo

- 1. Iziphegi ziphepha okanye ikhadi elidala ukwenza ubuso
- 2. Ikhadi elidala okanye iphepha ukwenza imigca kunye neendlebe
- 3. Iziphegi okanye iikhrayoni, iikere, igile, iisidreyiphi kunye neekhuni okanye iziro

Imiyalelo

1. Phayisa amachaphaza amnyama eziphegi. Sika amehlo.
2. Sika isongqo esipinki. Zoba imigca namama kuba.
3. Ncamathelisa isongqo esipinki eziphegi.
4. Sika isongqo ezimbini kunye neendlebe ezimbini. Zicamathelisa eziphegi.
5. Ncamathelisa iziro okanye iikhuni okubamba.

Yenza okanye zoba imaskhi yenkomo.

180 - IVEKI YESI-8 - LWESITHATHU



ULWAZI OLUSISISEKO

Funda nize nixoxe

- Funda imiyalelo yendlela yokucwangcisa kunye nokwenza ipowusta nabafundi.

Bhala

- Abafundi mabasebenze neqabane kwisicwangciso esikwiNYY iphepha le-150.

Yenza ipowusta

Zoba

- Yenzani ipowusta ebeniyicwangcise ngababini.
- Ingaba usilandele isicwangciso sakho? Ngoba okanye kutheni ungatsho?

Bonisa

- Bonisa uze uphawule negepowusta.

IPH 151

30 imiz

UMHLA

Yenza ipowusta

Neqabane, yenza ipowusta emalunga nokukhathalela isicwangciso.

Cwangciso ipowusta yakho:

- 1. Izakubhala ngesigqibo esinyani?
- 2. Izakubhala ngesigqibo esipowusta?
- 3. Siqinisekisa ngani esi alungani?
- 4. Bhala ingqalelo zoba 4 okanye zoba 5 malunga nokukhathalela isicwangciso.
- 5. Yeyiphi imifanekiso ozokuyibiza? Khetha imifanekiso emi-3 okanye emi-4.

Yenza ipowusta yakho:

Ikhathalele izinja

Sebenzisa iphepha elikhulu kunye neekhrayoni okanye isaki.

1. Bhala iinkhosi zakho ngentlo. Sebenzisa imibala eyahlukileyo yeekhrayoni okanye isaki.
2. Bhala ulwazi lwakho ezantshi eziphegi.
3. Bhala ingqalelo zakho ngokucwangcisa. Qinisekisa ukuba zigawesisa iphepha lakho. Bhala ingqalelo nganye ngombala oehlukileyo.
4. Zoba imifanekiso yakho kwiphepha. Ungazalwanisi kunye. Sebenzisa imibala egqibileyo.
5. Bhala amagama wenu ezantshi kwegowusta.

180 - IVEKI YESI-8 - LWESITHATHU - 181



EZOBUGCISA BEQONGA

Ukulungiselela

- Cacisa ukuba ivesi yekwayala yindlela yokucengceleza umbongo niliqela.
- Eminye imigca ingathethwa ngumntu omnye emaqeleni. Eminye ingathethwa liqela lonke.
- Le nto ikunika isandi esinomfanekiso onamazwi atshintshayo (ngokukhawuleza/ ngokucutha), imvakalo yesandi (iphezulu/isezantsi) indlela obiza ngayo amagama (indlela othetha ngayo), izijekulo (phezulu/phantsi). Siyibiza ukuba kukutshintsha kokuthetha).

Ivesi yekwayala

Yenza

- Khetha umbongo omnye kwiNYY. Xoxani ngemigca edinga isandi esingqokolayo kunye nedinga isandi esitsholo phantsi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amabini. Iqela elinye lifunda imigca entsonkothileyo lisebenzisa amazwi angqokolayo. Elinye iqela lifunda imigca elula lisebenzisa amazwi atsholo phantsi.
- Mabaziqhelanise beyiklasi ukufunda umbongo bade bafunde ngokutyibilika.

Amaqela

- Amaqela anabafundi abasixhenxe ukuya kwithoba, mabakhethe umbongo baze baphawule imigca ngobunzima okanye ngobulula.
- Mabaziqhelanise nombongo kunye.

30 imiz



EZEMITHAMBO Izitishi zomsebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



LWESINE



UVAVANYO 2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukunikezela umbongo kuyaqhubeka

- Abafundi ngabanye mabanikezele imibongo yabo eklasini.

15 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-140
Amanqaku: 10



UVAVANYO 2 IZANDI Ubizelo

- Landela inkqubo yobizelo kwiphepha lesi-8.

Amagama: **khonkxa** no **khonxwa**

Izivakalisi: **UXhentsi uphakamisa iinkonkxa zokutya okukhonkxiweyo ekhabhathini.**

IPH 152
10 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-141
Amanqaku: 5




UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Bhala izivakalisi ezimbini encwadini yakho yokubhala.

IPH 142
10 imiz



UKUFUNDA Ukufunda ngengqiqo: Ikhaya elitsha (2)

Cuqulela kwisiNgesi

- Sebenzisa oonotsheluzi ukuhlaziya isigama saleveki.
- Cuqula oonotsheluzi uze wazise amagama esiNgesi.

Fundu

- Phinda ufunde iphepha le-110 (iphepha lesi-6 lo mdlalo).

Imibuzo

- Jonga ukufunda ngengqiqo okulungelelanisiweyo kwiphepha le-111.
- Funda uze ucacise imibuzo ocinga abafundi bangasokola yiyo.

IPH 110 & 111
15 imiz



UKUBHALA Ukufunda ngengqiqo: Ikhaya elitsha (2)


Bhala

- Gqibezela umsebenzi kwiNYY.

Jonga uze ukorekisha

- Jonga iimpendulo.
- Abafundi mabazikorekisha okanye batshintshiselane ngeencwadi.

IPH 111
15 imiz





UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Yenza imaskhi yenja okanye eyenkukhu

IPH 153
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuphonononga umxholo

30 imiz

Itshati yeYFF (iphepha le-115)

- Nceda abafundi ukugqibezela umqolo wokugqibela.

Ubhontsi phezulu/ubhontsi ezantsi

- Phakamisa unotsheluzi welwimi ezimbini zegama ngalinye uze ubuze imibuzo.

ukutya

1. zizilwanyana zasezifama kuphela ezisinika ukutya
2. ezinye izilwanyana ziyazingelwa kusenzelwa ukutya
3. abantu batya izilwanyana ezirhubuluzayo kunye nezinambuzane

iimpahla

1. sifumana iimpahla kwiinyosi
2. singenza iimpahla ngesilika eyenziwa zintshulube zesilika
3. uboya busetyenziswa ukwenza iimpahla

isithuthi

1. iindlovu ziyasentyenziswa njengezithuthi
2. kulungile ukubetha iidonki kunye namahashe ukuzenza zisebenze
3. abanye abantu basasebenzisa izilwanyana njengezithuthi

Guqulela kwisiNgesi: Izakhono Zobomi, ukutya, iimpahla, isithuthi



EZOBUGCISA BEQONGA

Ivesi yekwayala (iyaqhubeka)

30 imiz

Linganisa

- Iqela ngalinye malenze ivesi yekwayala.

Vavanya

- Nika ingxelo ekhuthazayo emva komlinganiso ngamnye.
- Hlomla ngemvakalozwi ezahlukeyo (isandi esinzima nesilula)



EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

25 imiz

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha le-24 nele-25.



LWESIHLANU



UVAVANYO 2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukunikezela umbongo kuyaqhubeka

- Abafundi ngabanye banikezela ngombongo wabo eklasini.

Qaphela: ukuba bonke abafundi banikezele ngombongo okhethwe ngabo, ungasebenzisa elixesha wenze ivesi yekwayala okanye baziqhelanise nomdlalo, *Isigebenga saseLusikisiki*.

Ukukorekisha:
Jonga iph. le-140
Amanqaku: 10

15 imiz



IZANDI

Hlela igama

- Khetha izandi zibe mbini uzihlaziye.
- Bhala amagama ali-10-20 ebhodini anesandi esinye okanye isandi. Kunye nabafundi, krwelelani izandi ekujoliswe kuzo.
- Zoba iikholam ezimbini ebhodini. Phinda ubhale amagama amabini okanye amathathu kwiikholam ezichanekileyo.
- Abafundi mabazobe iikholam ezimbini ezincwadini zabo baze bahlele igama.

10 imiz

pho	tso



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Bhala izivakalisi ezimbini encwadini yakho yokubhala.

IPH 142

10 imiz

	x	Ndingumongikazi.
LWESIHLANU	x	



UKUFUNDA

Ukuphonononga umsebenzi owenza wedwa

Funda uze uphendule imibuzo

- Fundela ikhosi isicatshulwa ngokuvakalayo somsebenzi owenza wedwa wale veki kumaphepha 144, 147, 150, 153 nele-154. Abafundi bayalandela ezincwadini zabo.

Xoxani ngesicatshulwa

- Sesiphi isicatshulwa osithande kakhulu? Ngoba?
- Ingaba uzakwenza imaskhi? Eyiphi? Ingaba ufunde izinto ezintsha? Amagama amatsha?

Ukukorekisha

- Qaphela ngubani ongakwaziyo ukufunda nokuphendula imibuzo.

15 imiz




UVAVANYO 2 UKUBHALA

Ibali lesilwanyana

Umsebenzi

- Sebenzisa isakhelo njenge sikhokelo, bhala ibali lakho lesilwanyana.
- Sebenzisa imihlathi.

15 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph. le-144
Amanqaku: 10



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Yenza imaskhi yebhokhwe

IPH 154
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ixesha lencwadi yomsebenzi yeDBE

Ukujonga uze unike ingxelo

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisebenzi yabo.

Gqibezela amaphepha kwincwadi yomsebenzi yeDBE

- Incwadi yomsebenzi yeZakhono zoBomi yesi-2, Iphepha lomsebenzi lama-64, Izilwanyana ezisisibenzelayo: iidonki amaphepha 64 nelama-65.
- Incwadi yomsebenzi yoLwimi lwaseKhaya yesi-2 iph. le-122 nele-123.

30 imiz



EZEMITHAMBO

Izitishi zomsebenzi

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

25 imiz



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki, ndi:

- zithathile iiNYY neencwadi zokubhala
- ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kwaye ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye indawo abafundi abafuna uncdo kakhulu kuzo ndiwukorekishile umsebenzi wovavanyo olusesikweni ndawarekhodisha amanqaku ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki ndazibona izifundo endingazigqibanga

- ndiyijongisisile incwadi yam ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha kwiveki ezayo loku:

- leqa umsebenzi weklasi okanye nayiphi na ingxelo efunekayo
- fundisa umfundi ngamnye, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI YE-9



Iklasi yethu inetalente

Ukuba unikezela ngekhonsathi yombhiyozo okanye umdlalo, uzakudinga ukuzilungiselela kwaye uziqhelanise.

OKUZA KWENZIWA KULE VEKI

Abafundi baza:

- Kufunda ngenkqubo kamabona kude ebizwa ngokuba Yinkqubo yentandane zomculo yase
- Mzantsi Afrika kunye nabathathi-nxaxheba abasebancinane.
- Kufunda ngebali lokuphela kwekota kwesinye isikolo.
- Kufunda bodwa ngemisebenzi yokuphela kwekota.
- Kuziqhelanisa nekhonsathi yesikolo.
- Kuchonga iimpawu zeresiphi kunye neleta.
- Kukwenza imaski ye3-D.

AMALUNGISELELO

Oonotsheluzi (IsiNgesi emva kunotsheluzi)

Ukufunda nokubhala	umculi oyedwa	ukunkqaya	umkhokheli wekwayala	indawo	ukungenela
	<i>soloist</i>	<i>memorise</i>	<i>choir mistress</i>	<i>scenery</i>	<i>audition</i>
Isigama seZakhono zoBomi	imveliso	inkqubo	ukufunisela		
	<i>product</i>	<i>process</i>	<i>experiment</i>		

Izivakalisi

Kodwa uNksz Leballo wayenesothuso esinye. Waqwalasela indlela abantwana ebabencedana ngayo ukwenza umdlalo uphumelele. ULebone wayeqhayisa kancinci kwezintsuku noPula wayeyekile ukutyhala abanye abantwana. UTumelo ebezithemba ngoku.

IZIXHOBO

- Incwadi yoLwimi yokubhala, Iimpendulo zokuFunda Wedwa nokuBhala.
- Izixhobo zobuGcisa
- Ezokufunisela: iibhegi zeti ezi-2, iimagi zeglasi ezi-2 ezingenambala, iketile yokubalisa amanzi
- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

UVAVANYO

Qokelela iincwadi uze uzikorekische: Ukubhala wedwa; Isigama; Izivakalisi; Ukubhala ngesandla (Lwesihlanu); Iimpendulo zokuBhala Wedwa

Olungekho sesikweni: Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

Inkqubo kamabona kude edumileyo

Esi sicatshulwa yintshayelelo kwiZakhono zoBomi nomxholo we (PN). Utitshala usifunda ngoMvulo (jonga NT iphepha le-126).

Inkqubo yentandane zomculo yase Mzantsi Afrika yinkqubo kamabona kude apho abantu abakuthandayo ukucula bakhuphisanayo khona. Ophumeleleyo kule nkqubo ufumana amabhaso amakhulu anjenge moto kunye nemali eninzi. Kwaye bafumana nesivumelwano kwinkampani yokurhekhodisha ukuze iingoma zabo ziviwe zizigidi zabantu.

Le nkqubo yaqala ngonyaka wama-2002 kwaye kwabanezigaba ezininzi ukususela ngoko. Le nkqubo isekelwe phezu kwenkqubo yaseNgilane ebizwa ngokuba zintande zomculo wepopu (Pop Idols). Olu khuphiswano lentandane zomculo lidlala kumazwe angama-46 kwaye liboniswa kumazwe adlule kwi-150 ngeelwimi ezahlukeneyo.

Kwisigaba ngasinye kubakho umntu odumileyo oncedisa ukuphatha inkqubo kwaye kukho nephaneli yeejaji abagqiba ukuba ngubani oyena mculi ogqwesileyo. Omnye wejaji ezidumileyo ibingu Randall Abrahams. Umsasazi odumileyo ibinguProVerb.

Ekuqaleni, kungena amawaka abaculi abanethemba lempumelelo. Kwiveki nganye, kubakho abaculi abagodukayo kuba bengaphumelelanga. Abo baphumeleleyo bangenela umjikelo olandelayo. Ekugqibeleni, kushiyeka abaculi abathathu kuphela. Uluntu luthabatha inxaxheba yokuvotela oyena mculi bamthandayo futhi bambona egqwesile kwesi sithathu. Le ntandane yakuphumelela ithi iwongwe inikwe nebhaso.

Le nkqubo ibe nabaculi abacula kamnandi kakhulu kuyo yonke iminyaka. Abanye babo baye baduma eMzantsi Afrika naphesheya, kwaye bakhuphe umculo omninzi omnandi othandwayo nomamelwayo ngabantu. Uzakufunda ngabanye abaphumelelayo apha kule veki.

Abo bangazange baphumelele nabo baye benza izinto ezintle futhi baduma, umzekelo uAmanda Black. Uzakufunda ngaye kule veki.

Inkqubo yentandane zomculo yase Mzantsi Afrika yinkqubo elungileyo ngoba inika abantu abathanda ukucula ithuba lokubonisa abantu into abakwazi ukuyenza. Kuyonwabisa ukuyibukela kwaye abantu abaninzi bayayonwabela!



Iikhonsathi zesikolo

KUTHENI SINEEKHONSATHI ZESIKOLO?

Okokuqala, senza iikhonsathi ukubonisa okufezekiswe ngabafundi. Iikhonsathi lithuba lokuba abazali, ootitshala kunye nabahlali babone into efundiweyo kwaye nabafundi bazingce ngabakwenzileyo.

Okwesibini, iikhonsathi lithuba lokuba abafundi bazibonakalise kwezobugcisa. Ikhonsathi inika abafundi ithuba lokuba “balinganise” baze benze kakuhle oko bakufundileyo. Oku kuphuhlisa ukuzithemba kunye nezakhono zabo.

Okwesithathu, iikhonsathi yindlela entle yokwenza umxholo, ikota okanye nonyaka kunye kumbhiyozo wento efundiweyo. Iikhonsathi yindlela entle equka nabahlali.



IZINTO EZINOKWENZIWA NEZINGENAKWENZIWA KWIKHONSATHI

YENZA

- **Yenza** kuqala ukucwangcisa ixesha lisavuma. Cela imvume kwinqununu. Jonga isicwangciso sekota uze ujonge into onokuyisebenzisa osele uyenza eklasini. Cinga ngeengoma kunye nemibongo wena kunye nabafundi esele niyiqhelile. Cinga ngomntu onokuncedisa – abazali, omnye utitshala.
- Bacele kwangethuba. Itsheklisti sisixhobo esiluncedo xa usenza isicwangciso – jonga umzekelo uze uwusebenzise kumxholo wakho.
- **Yenza** imboniswano nabafundi. Bazakuyithatha inxaxheba kwaye bazakuzama kangangoko ukuba yinto abathanda ukuyenza okanye abafunda ukuyenza.
- Bonisana kunye nabo, kodwa qinisekisa ukuba bayayiqonda ukuba ayizizo zonke iibono ezizakusetyenziswa. Isigqibo sokugqibela sesakho.
- **Yenza** isicwangciso samalungiselelo ekhonsathi kwithamthebhile yakho yesiqhelo.
- Khetha izinto ozenzileyo okanye ozenzayo eklasini.
- Umzekelo: ukuba abafundi sebewenzile umdlalo “Isigebenga saseLusikisiki”, kwaye baziqhelanise nokucengceleza umbongo okanye ivesi yekwayala besebenzisa imibongo ekwincwadi yomsebenzi yomfundi, ngoko ke yenza kakuhle zona endaweni yokuqala into entsha neyahlukileyo.
- Ukongezelela, sebenzisa ezinye izifundo kumalungiselelo wakho ekhonsathi.
- Izifundo zobugcisa obuBonwayo kungasetyenziwa ukwenza izixhobo ezifana neemaski, kwaye wenze neepowusta zentengiso.
- Izifundo zokubhala zingasetyenziswa ukwenza izimemo, iinkqubo kunye namatikiti.
- Izifundo zezibalo zingasetyenziswa ukubala ukuba bangaphi abantu abanokuhlala kumgca ngamnye, kwaye izoba yimalini izinto ezityiwayo, njl.njl.
- **Yenza** icandelo ngalinye kwikhonsathi libelifutshane kwaye libe lula. Akunyanzelekanga ukuba ibengumlinganiso omde kwaye onzima ikuze iphumelele.
- Nika iklassi ngaye okanye iqela icandelo elinye elifutshane emabasenze ngalo. Oku kuthetha ukuthi ungenza ikhonsathi yonke ungasebenzisanga ixesha elide kwaye nokuxakeka.

SUKWENZA

- **Sukwenza** izinto ngexesha lokugqibela. Uzakuxakana nento, nabafundi bazakuxakana nento kwaye nekhonsathi ayizokubamnandi. Sebenzisa itsheklisti yakho!
- **Sukwenzwa** ukhetho lwezinto ezinzima okanye ezo abafundi abangazozithanda. Yenza iingcebiso kwaye umamele iimpendulo zabo ngaphambi kokuba ufikelele kwisigqibo ngenkqubo yakho.
- **Sukwenza** ukuchitha ikota yonke kukuziqhelanisa nilibale ukulandela ithamthebhile. Abafundi kumele bayazi ukuba ikhonsathi yingxenywe yezifundo.
- **Sukwenza** ukhetho lomdlalo onemigca enzima, isinxibo kunye nendawo. Izinto ezincinci kwaye nezifanayo zenza ikhonsathi ibe nomdla, yenza abantu abaninzi bathathe inxaxheba uze uyeke wonke umntu agqwese.

Yenza ingoma enye okanye ezimbini ezilula ukuze wonke umntu acule. Awudingi ikwayala ezakucula iingoma ezilula, nezonwabisa abafundi abazokuzithanda.	- Nokuba unomculi ocula kamnandi kootitshala okanye ikwayala ecula kamnandi kumabanga aphezulu, sukwenza kulawule bona kwikhonsathi. Ikhonsathi ingabantwana. - Yeka omnye wotitshala okanye ikwayala yamabanga aphezulu bacule ekugqibeleni ukuba bayanyanzelisa.
Yenza wonke umntu athathe inxaxheba. Hayi wonke umntu angathetha, kodwa wonke umntu angangenelela kwingoma yeqela okanye ukuxhentsa.	Sukwenza abafundi abahamba phambili ibe ngabo kuphela abathatha inxaxheba. Nomntwana oneentloni okanye umntwana ohluphayo ngokwesimilo naye unegalelo angalifaka.
Yenza ucinge ngendawo ezabakuyo ikhonsathi xa uqalisa isicwangciso sakho. Ukuba nizakusebenzisa iholo lesikolo, ziqhelaniseni khona kambalwa ngaphambi kokuba inkqubo iqale ukuze abafundi baziqhelanise nendawo ephangaleleyo. - Ukuba izakuba ngaphandle ikhonsathi, khumbala ukuba ayizokuvakala kakuhle, ngoko ke khetha abantwana abanamazwi aphezulu kwingxoxo uze uqinisekise ukuba bonele abaculi.	Sukwenza ukuxhomekeka kumatshini womculo. Imayikhrofoni ingakhona, kodwa izinto zingaphazamiseka zingenzeki ngokwesicwangciso. Kucime umbane, imayikhrofoni eyophukileyo, abafundi babenentloni xa bebona imayikhrofoni okokuqala zingxaki zonke ezinokwenzeka. - Ngoko ke kungcono ucwangcise izinto ezingazukudinga imikhrofoni nomatshini womculo.
Yenza ukuziqhelanisa okwaneleyo ukuze abafundi bazithembe kwaye bakonwabele abakwenzwayo. Yenza ukuziqhelanisa kubemnandi. Yenza ukhuphiswano lokufunda umbongo okanye ingoma kubekho imivuzo emincinci. Umzekelo, ukuba iqela lakho liyawazi onke amagama akumbongo, ngoLwesihlanu ningaphuma nonke niyokudlala kangange mizuzu emi-5.	Sukwenza ukuziqhelanisa okuninzi kude kudike abafundi bade baqale ukuzonda umbono wekhonsathi. "Sukubethelela" amagama okanye iingoma. Ukuba abafundi benza impazamo ngala mini akukho mntu ozakuhoya lo nto.
Yenza izinxibo nezixhobo zibelula. Khumbula ukuba into ebalulekileyo yefundwa ngabafundi ekuthatheni inxaxheba kwikhonsathi, hayi indlela ejongeka ngayo. Sebenzisa iminqwazi, izikhafu kunye neemaski ukubonisa abalinganiswa abohlukileyo, kunokusebenzisa izinxibo ezipheleleyo. Yeka abafundi banxibe impahla zabo. Boleka izixhobo ebazalini okanye kwabanye ootitshala. Kodwa ukhumbule ukuzibuyisela izixhobo.	Sukwenza inkcitho yemali kwizinxibo kunye nezixhobo. Khumbula ukuba abazali abaninzi abanayo imali yokuthenga ezi zinxibo. Nesikolo akumelanga sisebenzise imali kwinto ezokusetyenziswa kwixesha elincinci.
Yenza uhlolo ujonge ukuba abafundi bayamelana nezinto ozikhethileyo. Ukuba zinzima, mhlawumbi enze lula. Ukuba zilula kakhulu yongeza.	Sukwenza into yokulandela isicwangciso senkqubo ukuba izinto azisebenzi. Khululeka utshintshe izinto, ufakele ezinye izinto uze ukhuphe ezingasebenziyo.

Kuyo yonke into qinisekisa ukuba wonke umntu uyayonwabela ikhonsathi. Wonke umntu – abantwana, ootitshala, iintsapho – badinga ukonwabela iikhonsathi, ukuquka namalungiselelo, kunokuba bazive ngokungathi bathatha ixesha ilide okanye baxakekile.

UMZEKELO WETSHEKILISTI

Inyanga enye engaphambili

- ☐ Gqibezela inkqubo (nenqununu, nabanye ootitshala, abantwana)
- ☐ Qinisekisa ngendawo
- ☐ Ketha iikomiti zesinxibo kunye nezixhobo; ukutya; ukunyusa imali; ukuprinta (ukuba kuyadingeka)
- ☐ Yabela abantwana iindima zabo (wonke umntu kufuneka athathe inxaxheba)
- ☐ Cwangcisa ukuziqhelanisa
- ☐ Bhala izimemo nenkqubo

Iveki enye ngaphambili

- ☐ Izimemo zikhutshelwe kwaye zithunyelwe emakhaya
- ☐ Ukutya kuodiwe
- ☐ Inkqubo ikhutshelwe

Usuku ngaphambili

- ☐ Indawo itshayeliwe kwaye icocokile
- ☐ Zibekiwe izitulo
- ☐ Indawo ihonjisiwe
- ☐ Ukuziqhelanisa nezinxibo kunye nokusebenzisa izixhobo

Imini yekhonsathi

- ☐ Abantwana mabafike kwangexesha baze batshintshe impahla egumbini lokufundela
- ☐ Izipika ezingxolayo nomculo ubekiwe (ukuba zizakudingeka)
- ☐ Abancedisi bame emnyango neenkqubo
- ☐ Ikomiti yokutya ipheka ukutya
- ☐ Umgca wokuqala wokuhlala ubekelwe iindwendwe ezikhethekileyo

MVULO



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA


lindaba noluvo

15 imiz

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Ububukele ntoni kumabona kude ngempela veki? Uyithande kangakanani?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana:** Abafundi abambalwa babelane neklasi.

Lungiselela abafundi iveki yesikolo ezayo (izinto emabeze nazo, iziganeko ezikhethekileyo, njl. njl.)



IZANDI

Hlaziya izandi u-gc no-gcw

IPH 163

10 imiz

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha le-NYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

UMHLA

gcw igcwele

uGcwanini gcwalisa igcwele

u-ya-gcwa-li-sa u-m-gcwa-li-se-le u-m-gci-ni

Umama umgcwalisele uGcina ngokungcila akwenzileyo.

IVEKI YE-9 • MVULO • 163



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

IPH 162

10 imiz

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha le-9.

Ukubhala ngesandla

Sicule ekhonsathini.
Sicule ekhonsathini.

Sibhaka iibhiskiti.
Sibhaka iibhiskiti.

Sibhala iileta zombulelo.
Sibhala iileta zombulelo.

Siza konwaba.
Siza konwaba.

Siyavalelisa.
Siyavalelisa.

162 • IVEKI YE-9



UKUFUNDA

Utitshala ufunda ibali ngokuvakalayo

NT
IPH 123

15 imiz

Phambi kokufunda

Yiba nengxoxo yeklasi ngokucula


- Uyakuthanda ukucula? Uyaphupha ngokuba ngumculi odumileyo ngenye imini? Ucinga ukuba kunjani ukuba ngumntu odumileyo?

Nika isizathu sokumamela: Mamela uze wazi banzi ngokhuphiswano lokucula, Inkqubo yentandane zomculo yase Mzantsi Afrika

- Fundela abafundi ibali.

Emva kokufunda


- Yaqala nini Inkqubo yentandane zomculo?
- Yaqala nini Inkqubo yentandane zomculo yase Mzantsi Afrika?
- Ukhethwa njani ophumeleleyo?
- Ingaba abaphumeleleyo bayaduma?



ISINGESI ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

15 imiz

- Fundisa isifundo esisuka kwinkqubo yakho yesiNgesi njengoLwimi lokuqala elongezelelweyo.



- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** Izivakalisi

30 imiz

UMHLA



Funda izivakalisi

UGcabani wafika eGcuwa
ibhosi igcwele.

Wahamba elugcwabevu
ngumsindo.

Umhlaba ugcwelwe yingca
eluhlaza.

UNomhle uhlebela uNamhla.

Umhloli wabohlwaya ngehlazo
abenzileyo.













?

Kwakutheni ukuzo abohlwaya umhloli?

164

• IVEKI YE-4 •

MVULO



Yazisa ukugxila kwale veki kweZakho zoBomi

- Ngubani owakhe wabukela Inkqubo yentandane zomculo yase Mzantsi Afrika? Wakhe wazibuza okanye ucinge ngabantu abanale talente ukuba benza njani ukuze baphumelele kule nkqubo? Kule veki sizakufunda ngabatu abathathu abangenela olukhuphiswano size sizame ukuqonda ukuba **yintoni** eyabaphumelelisa.

Ingxoxo yeklasi

- Funda ifayile yemiba eyinyani kwiNYY iphepha le-165.
- Xelela amaqela axoxe ngombuzo ngamnye.

Ifayile yemiba eyinyani: uPaxton Fielies

- Mabakhethe umntu omnye kwiqela labo benze ingxelo.
- Khumbuza abafundi ukuba amanqaku afumaneka kwingxelo yengxoxo.

Umsebenzi weklasi

- Yiba neengxelo zombuzo ngamnye.
- Shwankathela ezona ngxelo zinomdla okanye ezenziwe nje.
- Zama ukunxulumanisa isimo sengqondo sabaphumeleleyo kwisimo sengqondo somntwana otsala esebenza nzima, ukumkhuthaza nil,nil.

[illegible]

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Jonga umzobo okwiNYY iphepha le-166.

- Sebenzisa lo mzobo ukukhumbuza abafundi ngemixholo emininzi yezobugcisa obubonwayo abayifunde kulo nyaka.
- Ngumzobo owenziwe nguPaul Gauguin (ibizwa Go-gan) Wayephila phakathi konyaka wama-1848 ukuya kowama-1903. Ngonyaka wama-1890 wayishiya iFransi waze wayokuhlala kwisiqithi saseTahiti. Wakhuthazwa lilanga eligqame kakhulu kwaye nemibala ebhanyabhanya enxitywayo kwisiqithi eso apeyinta imifanekiso emininzi yolwandle. Kulo umzobo ngabafazi ababini bapholile elwandle.

Ingxoxo yeklasi

- Xoxani ngemibuzo yomphambili, umphezulu, indawo zokugxila kwaye nobudlelwane phakathi kwemifanekiso.
- Abafundi ngababini mabagqibezele umsebenzi okwiNYY.

Igalari
yezobuGcisa

IPH 166

30 imiz

UMHLA

Iihlole zasehlotyeni



*Andolingo zezemvelaphi zihleli
(Children under the tree's orange 'spiral' Ganges)*

1. Kukho ntosi kwindawo ephambili kumfanekiso?
2. Ukwedwana umphuhlali emfanekisweni?
3. Ucinga igunya indawo yegingciniso kulo mabho?

aye

166 - IVEKI YE-4 - MVULO



EZEMITHAMBO Intshayelelo

- Landela umgaqo wezitishi zemisebenzi yezemiThambo okwiphepha lama-24 nelama-25.

30 imiz



LWESIBINI



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuchaza uluvo nesimo sengqondo

Cinga-Ngababini-Yabelanani

- **Cinga:** Cinga ngomntu omthandayo, umzekelo, kumabonakude, okanye ekuhlaleni. Kutheni ubathanda? Ingaba zizimo zabo zengqondo ezintle? Ungafana nabo njani xa umdala?
- **Ngababini:** Xelela iqabane lakho.
- **Yabelana:** Abanye abafundi mabakunike ingxelo.

15 imiz



IZANDI

Ukuziqhelanisa

- Yenza umsebenzi wokuqonda izandi ezifundiswe kwibanga lesi-2 ngokukhawuleza.
- Abafundi bagqibezela umsebenzi okwiphepha leNYY.
- Jongani nize nikorekise umsebenzi kunye.

IPH 167

10 imiz

UMHLA

Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.

igobile igcadiwe igcwele

gcwanini ugqwalisa gcwabevu

1. Ubhuti ugqwalisa ifomu yakhe gomsebenzi.
2. Ibhutle qhu ngamanz.
3. Utata u entsha kuba uthenge imoto.
4. Le ngama i kwaye inencasa.
5. Uliiso ulu ngumsinda ubelwe imali.
6. Utata u waluse inkomo zakhe.

IVEKI YE-4 • LWESIBINI • 167



UKUBHALA NGESANDLA

Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

- Landela inkqubo yezifundo zokuBhala ngesandla ekwiphepha lesi-8 nephepha le-9.

IPH 162

10 imiz

LWESIBINI

Sibhaka iibhiskiti.

Sibhaka iibhiskiti.



UKUFUNDA NOTITSHALA

Ukufunda ngengqiqo

Phambi kokufunda

- Funda uze uxoxe ngesihloko ngokufutshane.

Ukufunda notitshala

- Funda ibali kunye nabafundi.
- Funda amagama aneempawu zentetho nemboniso buso.
- Sebenzisa imifanekiso okanye izithethantonye ukucacisa amagama amatsha okanye umxholo.

Emva kokufunda

- Vumela umfundi omnye aphenidule umbuzo ekupheleni kwephepha ngalinye.
- Batshintshe njani abanye abantwana?

IPH 156-161

15 imiz

UMHLA

Funda izivakalisi

Indlovu ineenlebe ezibhakabhaka.

Abantwana badlala nomvundla.

Umakhi wazakhela indlwana ecaleni kwendlela.

Indulamthi sisilwanyana sosende.

Wavuka wondlula umandlalo wakhe.

Mayakha phi indlu yakhe umakhi?

86 • IVEKI YESI-5 • MVULO



UKUBHALA

Ukufunda ngengqiqo

Imibuzo

- Cacisa ukuba esi sicutshulwa lushwankathelo leballi.
- Hlaziya ifomathi yokuvala izikhewu.

Bhala

- Fakela amagama ashayiweyo kwiNYY iphepha le-168.

Jonga uze ulungise

- Kungakho umahluko kwiimpindulo. Kulungile ukuba igama lithetha into evakalayo.

QAPHELA: Ukuvala izikhewu okanye imisebenzi ekushiye igama yindlela elungileyo ebonisa isakhono sokufunda.

IPH 168

15 imiz

UMHLA

Ukufunda ngengqiqo

Funda ibali, **Ikhonxathi** (iphepha le-156-161). Fakela amagama ashayiweyo ukuze umbhalo uvakale.

Izibhalo: Ukhonxathi waselela khonxathi kuba kubakho khonxathi. Ikhonxathi abantwana abazisa kumadla abazisa ngakuba izigebenge siselelekhonxathi. Ikhonxathi abantwana abazisa kumadla kumadla.

Izibhalo/izibhalo: Abantwana bangakuya imigqa yemigqa abo omadla, baze bazigqibezela ngomdla. Abantwana gqibezela ukucala imigqa ezithile zisintu kunye nezinye ezintsha. Ufundo wakhetho ukuba oule isilo. Ukhonxathi wamandla ukufunda amagama engoma. Abantwana baze imakhi zezilwanyana baze baphelele nendawo yemadla.

Izibhalo: Kuzazi babulelela khonxathi baze bangqibezela xa iphele. Ukhonxathi wazisa emadla. Ikhonxathi wazisa sekhonxathi ngoba babebenze kakhulu abantwana.

Iimpindulo:

1. _____

2. _____

3. _____

4. _____

5. _____

6. _____

7. _____

168 • IVEKI YE-4 • LWESIBINI



UKUFUNDA NGAMAQELA NOMSEBENZI OWENZA WEDWA

- **UkuFunda ngamaQela:** Amaqela ama-2
- **Umsebenzi Owenza Wedwa:** *Isimemo kunye nenkqubo*

IPH 169
30 imiz



ULWAZI OLUSISISEKO

Ifayile yemiba eyinyani:
uAmanda Black

Ingxoxo yeqela

- Ngamaqela, fundani ifayile yemiba eyinyani kwiNYY iphepha le-170.
- Xelela amaqela axoxe ngombuzo ngamnye baze bakhethe umfundi ozakunika ingxelo ngombuzo ngamnye.
- Khumbuza iklasi ukuba amanqaku akwixoxo yengxoxo.

Umsebenzi weklasi

- Yiba neengxelo zombuzo ngamnye.
- Shwankathela ezona ngxelo zinomdla okanye ezenziwe nje.
- Zama ukungqamanisa isimo sengqondo sophumeleleyo nesomntwana onesimo sengqondo esihle nokuzimisela kwaye nokusebenza nzima, ukuziphatha kakuhle kwaye nokuzama futhi ukuba abaphumelelanga ekuqaleni.

IPH 170
30 imiz



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza imaski

Intshayelelo

- Khumbuza abafundi ngemiyalelo yokwenza iimaski abayifunda kwi Veki yesi-8.

Umsebenzi (ipeyinti nephepha)

